

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

3

Ikota 2



INcwadi kaTitshala



Ikota 2

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhlisa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imifanekiso:

Sibulela kakhulu ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efumaneka kule ncwadi.

Iqweqwe: Anja Stoeckigt

Eminye imifanekiso izotywe ngu-

Alex Latimer: iphepha 30, 101, 111, 114, 127-129, 131 nele-133;

Patrick Latimer: iphepha 29, 31, 43, 51, 53, 77, 79, 81, 83, 85, 101, 123, 125 nele-127;

Crazy Cat: iphepha 58, 66, 68 nele-102;

Jiggs Snaddon-Wood: iphepha 55, 65, 69, 75, 79, 103, 105, 115, 163 nele-175;

Rassie Erasmus: iphepha 29, 31, 113 kunye namagama ezandi.

Iikhredithi zeefoto

Funda Wande Media Team: zonke iifoto ezithathwe ezikolweni naseziklasini;

iStock: Iphepha 32: Jenhung Huang (corn cricket),

Iphepha 33: Татьяна Санина (praying mantis),

Iphepha 37: RHJ (cockroaches),

Iphepha 41: Jan Rozehnal (ladybird eating aphids),

Iphepha 41: Darkdiamond67 (mosquito sucking blood),

Iphepha 45: Dharmapada Behera (butterfly sucking nectar),

Iphepha 45: marc ouliana (flea),

Iphepha 45: defun (dung beetle),

Iphepha 49: Stefano Barzellotti (mopane worms),

Iphepha 57: Ekaterina Kreker (bowhead whale),

Iphepha 59: nechave-kon (fruit fly close-up),

Iphepha 59: PaulinaKon (fruit flies on banana),

Iphepha 61: supitchamcsdam (king protea flower),

Iphepha 81: koosen (plastic cooldrink bottle),

Iphepha 81: epantha (plastic medicine bottle),

Iphepha 81: LanaLanglois (milk packet),

Iphepha 81: George tsartsianidis (frozen begetable packet),

Iphepha 81: tolisma (plastic ice cream tub),

Iphepha 103: Anastasila Stiahailo (woman eating burger and chips),

Iphepha 115: bonchan (cassava),

Iphepha 117: marietjieopp (pap in a bowl);

WikiCommons: Iphepha 49: TimCowley (termites),

Iphepha 53: The Minnich Collection The Ethel Morrison Van DerLip Fund/

Maria Sibylla Merian (*Metamorphosis Insectorum Surinamensium*),

Iphepha 55: Kevstan (Jonathan the tortoise),

Iphepha 77: Darren Glanville (sculpture by Marco Cianfanelli and Jeremy Rose);

Gallo Images: Iphepha 105: Sunday Times/Esá Alexander (Siba Mtongana),

Iphepha 107: JOHANN HATTINGH BEELD (Reuben Riffel),

Iphepha 109: Trevor Kunene (Katlego Mlambo).

Yonke eminye imifanekiso ekumaphepha ashicilelweyo ebonelelwe ngokusetyenziswa kwepremium ngu-Freepik, Rawpixel kunye no-Pexels.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-998960-34-7

Version 1: 2024



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, Ibakala 3, Ikota 2, CC BY 4.0.*

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho


Ii-ayikhoni nezishunqulelo	iv
Inkqubo ehlanganisiweyo yoLwimi lwaseKhaya neZakhono zoBomi	1
Isicwangciso-maxesha soLwimi lwaseKhaya, ubuncinane bexesha	1
Isicwangciso sekota yesi-2	2
Isicwangciso sovavanyo, iKota yoku-2	4
Inkqubo yokufunda ehlanganisiweyo – indlela yeFunda Wande	5
Ukufundisa uLwimi lwaseKhaya	6
Ukuphulaphula nokuthetha	6
Izandi	7
Ukubhala ngesandla	8
Ixesha elibekelwe Ukufunda nokubhala	10
Izifundo zokufunda	10
Izifundo zokubhala	18
Ukufundisa iZakhono zoBomi	21
Ulwazi Olusisiseko	21
Ezobugcisa	23
Ezemithambo	24
Iveki 1 Izinambuzane	26
Iveki 2 Izinambuzane	38
Iveki 3 Imijikelo yobomi	50
Iveki 4 Imijikelo yobomi	62
Iveki 5 Ukurisayikilisha	74
Iveki 6 Ukurisayikilisha	86
Iveki 7 Ukutya ngokusempilweni	98
Iveki 8 Ukutya ngokusempilweni	110
Iveki 9 Okunye malunga nezinambuzane	122
Iveki 10 Ukubethelela nohlaziyo	134
Uvavanyo Ikota yesi-2	136
Ulwimi lwasekhaya: Isicwangciso sovavanyo oluqhubekayo nolusesikweni, Ikota 2	136
Ukuphulaphula Nokuthetha iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	138
Izandi iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	139
Ukufunda Nengqiqo iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	140
Ukubhala Ngesandla iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	141
Ukubhala iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	142
ULwimi lwasekhaya, ikota yesi-2, iphepha lamanqaku	143
Izakhono Zobomi: Isicwangciso sovavanyo oluqhubekayo nolusesikweni, Ikota 2	144
Ulwazi olusisiseko kunye noPN iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	146
Ezobugcisa (Obubonwayo) iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	147
Ezobugcisa (Obeqonga) iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	148
Ezemithambo iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo	149
Izakhono zobomi, ikota yesi-2, iphepha lamanqaku	150

li-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya



Ukufundelwa
ngutitshala / iOrali



Ukufunda



Izandi



Ukubhala



Ukufunda ngamaqela



UMsebenzi Owenza
Wedwa

IZakhono zoBomi



ULwazi olusisiSeko
nokuziPhatha
nentlalo



Ezobugcisa beqonga




Ezemithambo

li-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY



Bhala



Faka imbala
okanye zoba



Sika

Ushunqulelo olusetyenzisiweyo

Incwadi kaTitshala – NT

INcwadi Yomsebenzi Yomfundi – NYY

UkuFunda ngamaQela – FQ

UkuziPhatha neNtlalo – PN

ULwazi olusisiSeko – LS

ULwimi lwaseKhaya – LK

UkuFunda ngabaBini – FB

Umsebenzi Owenza Wenza – MOW

Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso-maxesha soLwimi lwaseKhaya, ubuncinane bexesha

*Ibonisa amaphepha akwiNYY

Ixesha Ngosuku	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
10 imiz	Ixesha lokulawula: Irejista/ikhalenda/iintsuku zokuzalwa/izaziso				
1 iyure 30 imiz	IZIBALO				
1 iyure 35 imiz	UKUBHALA NOKUFUNDA				
15 imiz	lorali: lindaba	lorali: Ukuphulaphula nokuthetha	lorali: Ukuphulaphula nokuthetha	lorali: Ukuphulaphula nokuthetha	lorali: Ukuphonononga iveki
UTSHINTSHO: lola iipensile, hambisa iincwadi, imithambo yezandla					
10 imiz	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi A. Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo B. Ubizelo
10 imiz	*Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla	Ukubhala Ngesandla
UTSHINTSHO: Isicengcelezo/ingoma eneentshukumo					
15 imiz	Ukufunda: Utitshala ufunda ngokuvakalayo	Ukufunda notitshala: Ingqiqo	Ukufunda notitshala: Isigama	Ukufunda notitshala: A. Ulwimi B. Ukuziqhelanisa notyibiliko*	Ukufunda: Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa
15 imiz	IsiNgesi uLwimi lokuqala olongezelelweyo	*Ukubhala: Ingqiqo	*Ukubhala: Isigama	*Ukubhala: Ulwimi	*Ukubhala wedwa
UTSHINTSHO: Ukuzolula nokuzishukumisa umzimba. Amaqela aya emethini ukulungiselela ukuFQ					
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
(30 imiz ehamba nokuFQ)	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa
45 imiz	IsiNgesi ulwimi lokuqala olongezelelweyo				
1 iyure 30 imiz	IZAKHONO ZOBOMI				
30 imiz	*Ulwazi olusisiseko	*Ulwazi olusisiseko	*Ulwazi olusisiseko	Ulwazi olusisiseko Ukuphonononga umxholo	Incwadi yomsebenzi yeDBE Amaphepha eZakhono zoBomi noLwimi lwaseKhaya
UTSHINTSHO: Ukuziqhelanisa (imithambo) nokuphefumla, ukunikezela izixhobo					
30 imiz	EzobuGcisa obubonwayo Ulwazi lokufunda nokubhala nokwenza imifanekiso ebonwayo*/Owenziwayo	Ezobugcisa obubonwayo Owenziwayo	Ezobugcisa beqonga	Ezobugcisa beqonga	
UTSHINTSHO: Ukutshintsha impahla, ukuphuma phandle, ukunikezela ngezixhobo					
25 imiz	Ukulungiselela ezemithambo (30 imiz)	Izitishi zemisebenzi yezemithambo	Izitishi zemisebenzi yezemithambo	Izitishi zemisebenzi yezemithambo	Izitishi zemisebenzi yezemithambo

Isicwangciso sekota yesi-2

Iveki	Umxholo	Ukufunda ibali ngokuvakalayo	Ibali lokufunda notitshala	Umsebenzi wokufunda wedwa	Izandi
1	Izinambuzane	Izinambuzane	UNombulelo nesinambuzane esibi	Ingaba sisinambuzane esi? (iintlobo ezahlukeyo zemibuzo)	nqw, tyw
2	Izinambuzane	Imbovane kunye nentethe	UNombulelo nesinambuzane esibi	Okunye malunga nezinambuzane (Neentlobo ezahlukeyo zemibuzo)	ndl, ntl
3	Imijikelo yobomi	Imijikelo yobomi	Umnqa wokunyamalala koonojubalala	Izilwanyana eziphila ubomi obude neziphila ubomi obufutshane	ndw, ncw Ukuhlaziya: nd, ndl, ntl
4	Imijikelo yobomi	Intsomi: Inkosazana nesele (ibali eliyintsomi)	Umnqa wokunyamalala koonojubalala	Ibali elinezahluko lamaqanda azuba (ukuthekelela)	ntw, thw
5	Ukurisayikilisha	UMandla, uMaya nenkunkuma	Esona sigebenga sinobubele ehlabathini	Iflow tshati: iziphumo zongcoliseko kwiindawo ezahlukeyo (Umozobo wolwazi oluyinyani)	nd, tsh
6	Ukurisayikilisha	Umrhwebi ufunda isifundo	Esona sigebenga sinobubele ehlabathini	Ibali elinezahluko likaDyakalashe neNgonyama (ibali lesintu)	ngc, njw
7	Ukutya ngokusempilweni	Ukutya okunazo zonke izakha mzimba	UKumkani uMidasi	Ukutya ngaphandle kwekhaya eMzantsi Afrika	Ukuhlaziya: ncw, ndl, ndw, ngc, ntw nqw, tyw
8	Ukutya ngokusempilweni	Isuphu yelitye	UKumkani uMidasi	Ukutya okutyiwa rhoqo	Ukuhlaziya: njw, ntl, tyw
9	Okunye malunga nezinambuzane	UMandla nesigcawu esincinci esimnyama	Imibongo	Idayari yemihla ngemihla	ch, nc Ukuhlaziya: thw, tyw, nqw
10	Ukudityaniswa/Ukubethelela				

Ulwimi nengqiqo	Ukubhala	Ulwazi olusisiseko nePN	EzobuGcisa: Obubonwayo	EzobuGcisa: Obeqonga	Ezemithambo
Imibhalo eyinyani nengeyonyani Ulwimi kwingxelo yolwazi: izihloko, izihlokwana, nexesha langoku	Ukubhala ulwazi oluyinyani (umntanezulu)	YFF: Izinambuzane Leyibhelishamalungu omzimba. Jonga uze uzobe isinambuzane.	Ulingano-macala	Ukulinganisa ibali	Utithala ukhetha imisebenzi emine yeveki
Uyilo lwengxelo yolwazi	Ingxelo yolwazi: Umntanezulu	Izinambuzane ezisincedayo nezo zisenzakalisayo, inkcazelo nothelekiso, ukuhlelwa	Ukupeyinta ibhabhathane	Ukushu-kumela umculo	
Imithombo yolwazi lophando. Ukuqonda ukuhlelwa kunye nenkcazelo	Ukubhala ulwazi oluyinyani (Iphela)	YFF: Imijikelo yobomi Umjikelo wobomi bebhathathane Zoba umjikelo wobomi	Iziko lemiboniso yezobugcisa: Imizobo yendalo	Cula ingoma zaseMzantsi Afrika	
Ingxelo ngophando. Isishwankathelo sebali Isakhiwo sebali	Khetha isilwanyana oza kubhala ngaso. Ingxelo yolwazi: Isilwanyana osikhethileyo	Umjikelo wobomi besele Gqibezela itheyibhile Thelekisa imijikelo yobomi emibini eyahlukileyo	Qwalasela uzobe igqabi	Iintshukumo: Shukuma njengezidalwa ezahlukileyo	
Ukuxhasa uluvo Injongo yeziphumlisi xa ufunda ngokuvakalayo. Amalungu entetho: izibizo	Uluvo ngebali: Esona sigebenga sinobubele	YFF – Ukurisayikilisha Ukuhlela – ngowuphi umgqomo? Ukurisayikilisha iplastiki	Iziko lemiboniso yezobugcisa: umfanekiso oqingqiweyo wefoyile	Imidlalo yesingqi	
Isakhiwo sebali nesishwankathelo sebali	Isishwankathelo sebali. Ukuphono-nonga ibali: Esona sigebenga sinobubele	Ukwenza izinto zokudlala ngenkunkuma Ukuandela inkqubo Nciphisa, ebenzisa kwakhona, risayikilisha	Idayorama yomfanekiso oqingqiweyo wefoyile	Amaqela ayalinganisa	
Iingcinga eziphambili. Isakhiwo sebali	Isishwankathelo sebali: uHana noLizo	YFF: Ukutya okusempilweni Iphiramidi yokutya	Ugqinelwano kwezobugcisa	Imidlalo yesangqa Ukuqaphela izivo	
Ukumamela ngengqiqo Isishwankathelo sebali ngokuvala izikhewu	Amalungiselelo nokuphono-nonga ibali: uHana noLizo okanye ibali abalikhethileyo	Ukutya okutyiwa ngamaxesha athile nokutya okutyiwa nangaliphi na ixesha Iziphumo zokukhetha ukutya okungasi-lungelanga – amazinyo	Ubomi – isitya seziqhamo	Amaqela ayalinganisa	
Ukuphono-nonga umbongo (lusekelwe kuphono-nongo lwebali)	Idayari yemihla ngemihla Umbhalo wedayari wale veiki	YFF: Ulwazi olunika umdla malunga neegrogo	Umfanekiso oqingqiweyo we-3D – izinambuzane	Imibongo nomculo	

Isicwangciso sovavanyo, iKota yesi-2

Iveki yesi-4	Lwesihlanu	Ukubhala 1: Ingxelo yolwazi	OWENZIWAYO	NT iph 72
Iveki yesi-6	Lwesibini– Lwehlanu (luyaqhubeka kwiveki yesi-7)	Ukuphulaphula nokuthetha 1: Ukuphonononga ibali	IORALI	NT amaph 90, 92, 94
	Mvulo– Lwesibini	Ezobugcisa obubonwayo 1: Umfanekiso oqingqiweyo wefoyile	OWENZIWAYO	NT amaph 89, 91
	Lwesine	Ezobugcisa beqonga 1: Amaqela ayalinganisa	OWENZIWAYO	NT iph 95
	Lwesihlanu	Ezemithambo 1: Imidlalo	OWENZIWAYO	NT iph 97
Iveki yesi-7	Lwesibini– Lwesine (luyaqhubeka kwiveki yesi-6)	Ukuphulaphula nokuthetha 1: Ukuphonononga ibali	IORALI	NT amaph 102, 104, 106
	Lwesibini	Izandi 1: Ukubhala izandi	NY Y iph 139	NT iph 102
	Lwesibini	Izandi 1: Ukubhala izandi	NY Y iph 140	NT iph 102
	Lwesibini– Lwesihlanu	Ezemithambo 2: Isingqi nokusebenzisana kwamalungu omzimba	OWENZIWAYO	NT amaph 103, 105, 107, 109
	Lwesithathu	Ulwazi olusisiseko 1: Ukutya okunazo zonke izakha mzimba	NY Y iph 146	NT iph 105
Iveki yesi-8	Mvulo– Lwesihlanu	Ukufunda 2: Iorali ukufunda ngokuvakalayo	IORALI	NT amaph 113, 115, 117, 119, 121
	Lwesibini	Ukuphulaphula nokuthetha 2: Ukumamela ngengqiqo	NY Y iph 157	NT iph 114
	Lwezithathu	Ulwazi olusisiseko 2: Ukwenza ukhetho olululo lokutya	NY Y iph 163	NT iph 117
	Lwesihlanu	Izandi 2: Ubizelo	NY Y iph 167	NT iph 120
	Lwesihlanu	Ukubhala ngesandla: Ukubhala oonobumba abakhulu ngokudibanisa	NY Y iph 152	NT iph 120
	Lwesihlanu	Ukubhala 2: Ukuphonononga ibali	OWENZIWAYO	NT iph 120



Inkqubo yokufunda ehlanganisiweyo – indlela yeFunda Wande

Inkqubo yeFunda Wande idibanisa uLwazi lokufunda nokubhala loLwimi lwaseKhaya kunye neZakhono zoBomi. Ikwenza oku ngokusebenzisa imixholo eqhelekileyo kunye nezicwangciso zezifundo ezihlanganisiweyo, nangokusebenzisa ngokutsha isigama esingundoqo.

Ukwenzela ntoni?

- Ukwandisa nokongeza ubunzulu kuzo zombini izifundo.
- Ukuqinisekisa ukuba zonke izakhono zolwimi zifundwa kwimeko enentsingiselo yomxholo ofanelekileyo.
- Ngaxeshanye yenze nzulu umxholo kunye nolwazi lwengqiqo ngomxholo weZakhono zoBomi.
- Yandisa, yenze nzulu kwaye isebenzise ngokutsha isigama esingundoqo.
- Ukwenza nzulu ukuqonda imixholo kunye nendlela ezinxibelelana ngayo enye kwenye ukuphucula ukufunda ngengqiqo kunye nobuchule bezemfundo ngokubanzi.
- Konke ukufunda kunzulu, kunentsingiselo ngakumbi kwaye kufanelekile.
- Uyaziqonda izihloko ezingundoqo ezibandakanyekayo kunye neziphumo okanye iinjongo zomxholo.
- Isihloko saziswa kwisifundo seZakhono zoBomi, nokuba kusetyenziswa umlomo okanye kusetyenziswa isicatshulwa sokufunda esinika ulwazi oluyinyani.
- Ukufunda ngokuvakalayo, ukufunda notitshala kunye nezicatshulwa zokufunda wedwa, ezinxulumyaniswa nesihloko, zibonelelwe ngenjongo yokuziqhelanisa nokufunda.
- Izifundo zezakhono zobomi ziphuhlisa ngakumbi imixholo emitsha, isigama esitsha nezakhono ezinxulumene nesihloko.
- Izifundo zolwazi lokufunda nokubhala ziphuhlisa ngakumbi izakhono zomlomo, zokufunda, ukubhala nolwimi kuloo mxholo.
- Imisebenzi yokufunda nokubhala kuzo zozibini izifundo zisebenzisa ngokutsha kwaye zibethelela isigama esitsha.

Njani?

- Utitshala wenza uphando ngezihloko ezichazwe kwikharithulam ukuqinisekisa ukuba ukufunda okutsha akukhelelwanga nje phezulu.

UMJIKELO WENKQUBO YOKUFUNDA EHLANGANISIWEYO

- 1 Utitshala wenza nzulu ulwazi lwakhe ngomxholo ngokwenza uphando. →
- 2 Utitshala ulandela izicwangciso zezifundo ezakhiwe malunga nomxholo. →
- 3 KwiZakhono zoBomi izihloko ezitsha, izakhono kunye nesigama ziyafundisiwa. →
- 4 KuLwazi lokufunda nokubhala, abafundi bafunda izicatshulwa ezinxibelelene nomxholo. Wonke umsebenzi wolwimi usekwe kwezi zicatshulwa. →
- 5 Kuzo zombini ezi zifundo imixholo ebalulekileyo nesigama zisetyenziswa okutsha kwaye ziyabethelelwa. →
- 6 Izakhono kuzo zombini izifundo ziyaphuculwa.

Ukufundisa uLwimi lwaseKhaya



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zokuphulaphula
- Ukuphuhlisa izakhono zokuthetha

Njani?

lindaba zempelaveki (**Mvulo**) →

Izakhono zokuphulaphula nokuthetha (**Lwesibini**) →

Izakhono zokuphulaphula nokuthetha (**Lwesithathu**) →

Izakhono zokuphulaphula nokuthetha (**Lwesine**) →

Ukuphnononga iveki (**Lwesihlanu**)

Cinga, Ngababini, Yabelana ngendlela yokusebenza

- Abafundi mabahlale emethini. (kungangcono)
- Utitshala unika umsebenzi.
- **Cinga:** Cinga *ngokuthe cwaka* (1 imiz).
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iingcinga zakho. Phulaphula ezakhe iingcinga (5 imiz).
- **Yabelana:** Abafundi abakhethiweyo bacelwa ukuba babelane neklasi ngeengcinga zabo (5 imiz).
- **Phendula:** Utitshala ubonisa indlela yokucela ingcaciso ngokuthobekileyo. Abafundi bayafunda kwaye baziqhelanise nezi zakhono.

Umxholo

Kule kota, kuya kugxininiswa ekuphulaphuleni nasekuboniseni imibongo kwiVeki ye-9. Kwiiveki 1–8, kuya kubakho iingxoxo kunye neentetho ngamava omntu, iindlela zokufumanisa ngento ethile (uphando), kujongwe ibali ngokwembono ezimbini, ukubalisa kwakhona ibali, ukushwankathela ibali, ukwenza intetho ngophononongo lwebali ngomlomo, nokunika izimvo malunga namabali kunye nombongo, kuquka nokuxhasa uluvo lwakho. Ngaphandle kokufundisa izakhono zomlomo, izifundo zinxibelelene ngokusondeleyo nemisebenzi yokufunda nokubhala.



**Ukwenzela ntoni?**

- Ukuphuhlisa ulwazi lobudlelwane loonobumba nezandi kumxholo wamagama.
- Ukusebenzisa olu lwazi ukudibanisa nokuqhawula izandi xa efunda naxa ebhala.
- Ukufunda ukupela amagama ali-10 ngeveki.
- Ukuqaphela amagama abonwa rhoqo/amalungu amagama aqhelekileyo ngokufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Ikharityhulam yezandi yeBanga lesi-3

Kwikota yoku-1, hlaziya izandi ezifundisiweyo kumabanga angaphambili.

	Iveki yoku-1	Iveki yesi-2	Iveki yesi-3	Iveki yesi-4	Iveki yesi-5	Iveki yesi-6	Iveki yesi-7	Iveki yesi-8	Iveki yesi-9	Iveki ye-10
Ikota 1	Uvavanyo olusisiseko Uhlaziyo	Uhlaziyo	nt; ntw	nk; nkw	kh; khw	nx; nxw	gc; gcw	hl; hlw	mb; ty	Ukudityaniswa
Ikota 2	Uhlaziyo	kw; tw	gw; jw	qw; zw	nz; nq	gq; gx	qh; ty	oo; ii	kw; jw	Ukudityaniswa
Ikota 3	Uhlaziyo	ny; ts	nw; kr	qw; mf	ndl; ngc	ngq; nts	tsw; xhw	krw; ngx	ngxw; nkq	Ukudityaniswa
Ikota 4	Uhlaziyo	mp; mv	ncw; ndw	ngc; ngq	nkq; nkx	nkc; qhw	ntl; nts	ngx; ngw	Uhlaziyo	Ukudityaniswa

Njani?**Ukuqaphela isandi ngokukhawuleza (Qakatha iintsuku, wenze imizuzu emi-2)**

- Injongo kukuphuhlisa ukuqondwa kwesandi okuzenzekelayo nangokuchanekileyo.
- Ngokukhawuleza, bonisa oonotsheluza bezandi esele zifundisiwe (okanye ubakhombe edongeni okanye ebhodini.)
- Umfundi ngamnye, amaqela okanye iklasi yonke ibiza isandi.

Amagama abonwa rhoqo (ngexesha lokuFQ)

- Bhala amagama **abonwa rhoqo** ebhodini okanye koonotsheluza.
- Fundisa la magama **njengamagama apheleleyo**.
- Funda rhoqo, umz. koonotsheluza. Eleke nifunda yenyusa isantya. Utshintshe indlela alandelelana ngayo.

Imisebenzi yeNYY (yonke imihla)

- INYY inamaphepha emisebenzi yokuziqhelanisa kusetyenziswa izandi esele zifundisiwe.
- Hamba-hamba uncedise. Nika eminye imiyalelo ngexesha lokuFQ ukuba kuyimfuneko. Korekisha izivakalisi zabafundi.
- Jongani iimpendulo niyiklasi.

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Qakatha ooLwesihlanu)

- Ngababini. Iqabane ngalinye linamathuba amathathu okufunda ngomzuku o-1.
- Utitshala ubeka umzuzu, akhwaze, “qala” kunye no-“yima”.
- Umfundi ubiyela igama lokugqibela alifundileyo.
- Emva koko, utitshala ufunda onke amagama.
- Abafundi bayajonga beze babale amagama afundwe ngokuchanekileyo. (Thabatha amagama angachanwanga.)
- Khuthaza abafundi benze ngcono.

Ubizelo (Qakatha ooLwesihlanu)

- Ubizelo luvavanya ulwazi lwabafundi lokupela amagama ezandi kunye nokubhala izivakalisi.
- Biza igama ngokucacileyo nangokucothayo. Liphinde kube kanye kuphela.
- Nika abafundi ithuba lokubhala igama, mababhale ngeyona ndlela icacileyo.
- Jonga ulungise: Bhala igama okanye isivakalisi ebhodini ukuze bazimakishe.
- Ukuba igama alipelwanga ngokuchanekileyo, abafundi babhala igama elichanekileyo ngasentla ngepensile.

**UKUBHALA NGESANDLA****15 imiz****Ukwenzela ntoni?**

- Kwikota yesi-2, abafundi bayaqhubeka nokufunda ukubhala ngokudibanisa.
- Ingqwalasela yokuqala yindlela yokwakha nokudibanisa oonobumba abancinci noonobumba abakhulu.
- Ingqwalasela yesibini kukub ethelela indlela yokwakha nokudibanisa oonobumba abancinci.
- Ingqwalasela yesithathu yindlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba – ukudityaniswa koonobumba ngentla nangezantsi.
- Iipatheni zokubhala ngokudibanisa zinikiwe.
- Ekupheleni kwikota, abafundi banokuqalisa ukubhala ngokudibanisa kwimisebenzi elula yokubhala efana nokubhala umhla nokuzalisa amagama.
- Ukusukela kwikota yesi-3 ingqwalasela osekwandiseni isantya nakwimbonakalo kumdibaniso.

Njani?

- Kukho iphepha leNYY elinye lokubhala ngesandla kwiveki nganye, elibandakanya isifundo sosuku ngalunye lweveki, liboniswa ngemibala eyahlukileyo.
- Suku ngalunye, abafundi bacinezela unobumba okanye iipatheni zosuku kwiNYY, baze baphinde baziqhelanise ezincwadini zabo zokubhala ngesandla.

Amalungiselelo ezifundo zokubhala ngesandla

- Zoba iiseti zemigca emine ecaleni ebhodini. Ingaba sisigxina (ipeyinti) okanye icimeke nzima (itshokhwe efakwe emanzini aneswekile).
- Abafundi badinga iNYY, incwadi yokubhala ngesandla kunye nepensile ebukhali esele ilungile. Azifuneki iirabha!

Inkqubo yesifundo

Bonisa ebhodini

- Abafundi bajonga ebhodini xa ubonisa.
- Bhala unobumba izihlandlo ezi-2–3 kwimigca esebhodini.
- Chaza/ucacise ukubunjwa konobumba: apho uqala khona, indawo emgceni.
- Umzekelo ka-i: *Qala kumgca ophakathi, kekelela phezulu, kekelela ezantsi, kekelela phezulu.*
- Bonisa nokudibanisa oonobumba okanye iipatheni zosuku.
- Bonisa ukungaphakamisi itshokhwe njengoko ubhala ngokudibanisa.

Abafundi

- babhala **ngomnwe edesikeni** ngelixa utitshala ebonisa.
- babhala **ngokuzimeleyo kwiNYY**, becinezela phezu konobumba nakwimidibaniso yosuku
- babhala **ngokuzimeleyo ezincwadini** zokubhala ngesandla ukukopa ipatheni, unobumba kunye nemidibaniso yosuku ukuziqhelanisa ngakumbi.

Utitshala

Uhamba-hamba egumbini anika ingxelo malunga:

- nokubamba ipensile kunye nendlela yokuhlala: ukubamba njengemilenze yesele, isandla esincedisayo phezu kwephepha; ukuhlala nkqo ungagobeli intloko ephepheni, ingqiniba ihamba ngokukhululeka.
- ukubhala ngesandla: ucinizelo olufanelekileyo ephepheni, indawo yokuqala kunye nesiphelo, ukwakheka konobumba; ukungaphakamisi ipensile; iimidibaniso ecacileyo.

Abafundi bakhetha unobumba/igama 'elilelona libhalwe ngokogqwesileyo' kumgca ngamnye, baze balibiyele ukuze utitshala alijonge. Kungenjalo, utitshala unokuphawula unobumba owakheke kakuhle xa emakisha.

Iincwadi kufuneka zithathwe rhoqo ukuze kunikwe ingxelo. Bhala nokuba ngabaphi na oonobumba abangachanekanga kumgca ongabhalwanga. Umfundi ugqibezela umgca. Beka inkwenkwezi koonobumba ababunjwe kakuhle. Abafundi benza njalo izilungiso kwiveki ezayo ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.



IXESHA ELIBEKELWE UKUFUNDA NOKUBHALA

2 IYURE
15 imiz

IZIFUNDO ZOKUFUNDA

Ukufundelwa ngutitshala ngokuvakalayo (**Mvulo**) →
 Ukufunda notitshala – ingqiqo (**Iveki A Lwesibini**)/Utyibiliko (**Iveki B Lwesibini**) →
 Isigama (**Iveki A Lwesithathu**)/Ukuphonononga isigama nolwimi (**Iveki B Lwesithathu**) →
 Ulwimi (**Iveki A Lwesine**)/Ukuziqhelanisa notyibiliko (**Iveki B Lwesine**) →
 Ukuphonononga ukufunda wedwa (**Lwesihlanu**)
Usuku ngalunye: Ukufunda ngamaqela namaqela ahlukileyo ama-2;
 Umsebenzi owenza wedwa

UTitshala ufunda ngokuvakalayo (Mvulo)

Utitshala ufunda ngokuvakalayo amabali abandakanya amabali asekelwe kuncwadi kunye namabali anxulumene neZakhono zoBomi.

- Amabali asekelwe kuncwadi anxulunyaniswa nesicatshulwa sokuFunda notitshala, kwaye anokuba luhlelo olwandisiweyo lwebali, okanye ibali elikuhlobo olufanayo/ elinxulumene nomxholo. Iintlobo ntlobo zoncwadi zibandakanyiwe ukwandisa ulwazi lwezi ntlobo zoncwadi kuLwimi lwaseKhaya.
- Amabali eZakhono zoBomi azisa umxholo omtsha ngendlela efanelekileyo yokubalisa, nokuba kungengxoxo okanye ngebali lentelekelelo.

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa isakhono sokuphulaphula nesokuzikisa ingqondo.
- Ukwazisa ulwimi olutyebileyo ukwandisa isigama somlomo sabafundi.
- Ukwazisa iindidi ngeendidi zoncwadi okanye umxholo omtsha weZakhono zoBomi.

Njani?**Phambi kokufunda**

- Ukuphuhlisa isakhono sokuphulaphula nesokuzikisa ingqondo.
- Ukwazisa ulwimi olutyebileyo ukwandisa isigama somlomo sabafundi.

Funda ibali

- Sebenzisa imvakalelo okanye ukulinganisa ukutsala umdla wabantwana.
- Chaza ngokufutshane nasiphi na isigama esingaziwayo njengoko ufunda ibali, ngaphandle kokuphazamisa ukuhamba kwebali.

Emva kokufunda

- Vumela umzuzu o-1-2 yokuphendula ngokukhululekileyo.
- Buza imibuzo emi-2-3 ukujonga ukuqonda nokuzikisa ingqondo.

CAPS Reading Activities
Teacher Read Aloud**What is Teacher Read Aloud?**

33

Ukufunda notitshala (Lwesibini)

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zokufunda nolwimi ngenkxaso katitshala kumxholo onentsingiselo.
- Ezi zakhono zibandakanya: ingqiqo, uphuhliso lwesigama, ukwakhiwa kwezivakalisi nokufunda ngokutyibilika.

Phambi kokufunda

- Qhelanisa abafundi nencwadi yamabali ngokutsala ulwazi lwabo lwangaphambili, ukufunda isihloko, nokujonga imifanekiso kwiphepha lokuqala. **MUSA UKUTHATHA NGAPHEZU KWEMIZUZU emi-2-3.**


Ukufunda notitshala

- Funda ibali kunye nabafundi. Abafundi bayalandela, bangenelele apho banakho ukungenelela khona, kwaye bekhomba amagama kwiiNYY zabo njengoko ufunda.
- Funda ngokutyibilika nangeemvakalelo.
- Xa nifunda kwakhona, nanjengoko abafundi beqalisa ukufunda ngokuzithemba ngakumbi, yehlisa ilizwi lakho. Xa udibana namagama anzima okanye amabinzana, phakamisa ilizwi lakho.
- Ngosuku ngalunye cela abafundi ukuba bafunde igama okanye isivakalisi bengasebenzisi umxholo obhaliweyo ukukhangela ukuba bayafunda abankqayi.

Emva kokufunda

Kumxholo wesithuba seeveki ezimbini, abafundi baza kuziqhelanisa nezi zakhono zokufunda zilandelayo:

- Ingqiqo: isicatshulwa ngasinye silandelwa yimisebenzi emibini emifutshane, imisebenzi yengqiqo ebhalwayo, esinye ngeveki.
- Kule kota, ingqwalasela iza kuba kushwankathelo nasekunikeni uluvo. Oku kuhambelana nemisebenzi yokuBhala yekota. Eminye yemisebenzi yokuqonda iya kuba zizishwankathelo zokuvala izikhewu (*gap-filler*), kwaye eminye iya kufuna uluvo.
- Isigama: kuza kwaziswa amagama amahlanu esigama sokufunda kwibali ngalinye.
- Ulwimi/umsebenzi wezivakalisi: isivakalisi esinye ukuya kwezintathu ezingundoqo zithathwe kwisifundo sokufunda notitshala, kwaye zisetyenziselwa ukuphuhlisa ulwazi lwegrama.
- Utyibiliko/isantya: utyibiliko luyaboniswa, kwaye umsebenzi wokuziqhelanisa notyibiliko osekelwe kwisicatshulwa sokufunda notitshala unikiwe kwiveki nganye.



Ulwimi/igrama

- Izivakalisi ezingundoqo ziyahlalutywa ngenjongo yokuqwalasela kwigrama, njengexesha lentetha. Ugxininiso lwegrama luhambelana nomsebenzi wokuBhala weveki. Kule kota, kugxilwe kwixesha langoku elingajikiyo.
- Kuke kota, amagama enxalenye/amalungu entetha anokwaziswa, umz.isibizo, isenzi, isichazi.
- Abafundi babhala izivakalisi zabo ngokusekelwe kwipatheni yesivakalisi. Oku kuqinisekisa ukuba noyena mfundi usokolayo uza kubhala izivakalisi ezi-2–3 ngokwegrama echanekileyo ngeveki nganye.

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zegrama ngokuchonga injongo yamagama/amaqela amagama/amalungu amagama kwisivakalisi.
- Ukungqamanisa iimpawu zolwimi kunye nohlobo oluthile lokubhala, umzekelo: ingxelo yolwazi.
- Ukwakha ingqiqo yesakhiwo sezivakalisi esichanekileyo.
- Ukuphuhlisa ukuzithemba kwabafundi ekubhaleni.

Njani?

Yazisa isivakalisi

- Bhala isivakalisi/izivakalisi ezingundoqo ebhodini. Sifunde kunye nabafundi.
- Abafundi bakhangelela isivakalisi kwisicatshulwa baze basikrwelele umgca ngaphantsi/basifake umbala.

Sebenza ngezivakalisi

Chonga amagama/amaqela amagama/amalungu amagama. Buza imibuzo yomlomo:

- Ngubani?** kunye no **Yintoni?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge izibizo (abantu nezinto).
- Wenza ntoni?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge izenzi (izenzo, izinto abantu abazithethayo nabazivayo, ixesha lentetho).
- Nini?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge ixesha eyenzeka ngalo into ethile (isihlomelo).
- Phi?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge indawo (isihlomelo).
- Ngoba?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge isizathu sesenzo (isihlomelo).
- Njani?** yimibuzo enceda abafundi ukuba bachonge indlela into eyenzeka ngayo (isihlomelo).

Bhala

- Abafundi bakha ngokutsha izivakalisi ezingundoqo Amagama axutyiweyo okanye izivakalisi ezinezikhewu zinikiwe. Imisebenzi yokuvala izikhewu yindlela ethembekileyo yokubonisa ulwazi lokufunda ngengqiqo.
- Babhala izivakalisi zabo ezisekelwe kwipatheni.

Uhlanganiso nesiNgesi

- Kwiveki B, kuxoxwa ngoguqulelo lwesiNgesi lwesivakalisi kunye nabafundi.



Funda Wandé
Ukwakhiwa kwezivakalisi

isiXhosa



Isigama

Isigama/amagama oonotsheluzwa achongwa kwisicatshulwa ngasinye sokufunda notitshala. Abafundi baza kuwava bawabone amagama, kwaye bafunde ukuwafunda nokuwabhala. Kwiveki ye-9, amagama **amalunga** nezicatshulwa.

Ukwenzela ntoni?

- Ukwandisa isigama sokufunda.

Njani?

Oonotsheluzwa besigama

- Yenza oonotsheluzwa bamagama amahlanu esigama.
- Babeke kudonga lwamagama, aze afundwe yonke imihla kumxholo weeveki ezimbini.
- Sebenza ngamagama: bonisa inkalo yesakhiwo segama (umz. inani lamalungu, isandi sokuqala, isandi sokugqibela, njl. njl.); wabeke ngokolandelelwano lwealfabhethi; hlela amagama anoonobumba bamanani afanayo, abaqala/abaphela ngonobumba ofanayo, njl.njl.

Khangela amagama

- Phinda ufunde ibali, okanye inxalenye yebali (okufundwayo kubonisiwe kwiNT) njengesifundo sokufunda notitshala kunye nabafundi.
- Abafundi bafumana baze bakrwelele umgca ngaphantsi/babiyele/bafake umbala amagama esigama esikwisicatshulwa.
- Xoxa ngentsingiselo yegama ngalinye.

Ukuziqhelanise nokufunda kunye nokubhala amagama

- Abafundi babhala amagama njengenxalenye yemisebenzi yeNYY.
- Bakhuphela amagama esigama kwizichazi-magama zabo.
- Ukongeza, bangasebenza ngamagama oonotsheluzwa njengoko kuchaziwe.

Uhlanganiso nesiNgesi

- Kwiveki B, kuxoxwa nabafundi ngesigama esiguqulelwe esiNgesi.



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izinga lokufunda ngokukhawuleza, ngokuchanekileyo nangemvakalelo.
- Ukufunda ngokutyibilika **kuphumelisa kwingqiqo**: ukuba abafundi bawafunda ngokukhawuleza nangokuchanekileyo amagama, baya kukwazi ukuqwalasela intsingiselo yesicatshulwa.
- Ukuvavanya inani lamagama, umfundi unokufunda umhlathi ngomzuzu omnye ukunika utitshala indlela ecacileyo yokubona izinga labo lokufunda.
- Ukufunda ngokuphindaphindiweyo isicatshulwa okanye ukunkqaya amagama asetyenziswa rhoqo kukhulisa ubuchule bokuthetha notyibiliko.

Imigangatho yokufunda ngokuvakalayo yeDBE yesiXhosa

	35	Ekupheleni kwebanga lesi-3 Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo AMAGAMA angama-35 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.
	20	Ekupheleni kwebanga lesi-2 Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo AMAGAMA angama-20 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.
	40	Ekupheleni kwebanga loku-1 Bonke abafundi kufuneka bazazi kakuhle IZANDI ZOONOBUMBA babo, bafunde ngokuchanekileyo izandi ezingama-40 ubuncinane ngomzuzu.

Njani?

- Rhoqo ngoLwezibini wesibini, abafundi babekelwa ixesha lokufunda isicatshulwa. Esi, sisicatshulwa esithathwe kwibali lokufunda notitshala, ngaphandle kokuthetha ngemifanekiso. Ukuphindaphinda ukufunda kunceda ukwenyusa isantya sokufunda.
- Rhoqo ngooLwezihlanu besibini babekelwa ixesha lokufunda amagama abonwa rhoqo okanye amagama ezandi. Ukuphindaphinda ukufunda kwenyusa ukwazi ukuqaphela nokuqonda amagama.

Indlela yokusebenza

- Abafundi basebenza ngababini. Utitshala uqalisa ixesha.
- Umfundi wokuqala ufundela iqabane lakhe ngokuvakalayo kwiNYY. Amagama angaziwayo ayatsitywa.
- Utitshala umisa iwotshi emva komzuzu omnye. Umfundi ubiyela igama lokugqibela elifundiweyo.
- Phinda oku, kufunde elinye iqabane.
- Utitshala ufunda isicatshulwa ngokuvakalayo ukuze bakwazi ukufunda nawaphi na amagama abangawaziyo, kwaye abafundi bave igama/amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Abafundi badibanisa inani lamagama afundiweyo, ngaphandle kwamagama angaziwayo.
- **Phinda** lo msebenzi wokufunda ngexesha elibekiweyo uphindaphinda ukuze abafundi bafumane ithuba lokuphucula amaxesha abo balungise neempazamo zabo.
- Qaphela, **olu ayililo ukhuphiswano phakathi kwabafundi**, koko abafundi bazama ukuphucula **ixesha labo** ngokufunda kwakhona, iiveki ezimbini. Emva kwesifundo, abafundi banokukhuthazwa ukuba baphinde bafunde isicatshulwa okanye amagama ukuze baziqhelanise notyibiliko. Oku kunokuba ngexesha lokuphumla kunye neqabane, limbekela ixesha, okanye ekhaya, namalungu osapho.



Ukufunda wedwa (Yonke imihla, kuhambelana noFQ)

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa ukuzifundela eyedwa, ukulungiselela abafundi kumabanga aphakamileyo.
- Ukubanika amathuba okuziqhelanisa yonke imihla.
- Ukuphuhlisa inkuthazo yokufunda ngokufunda izicatshulwa ezinomdla neziyinyaniso.
- Ukwenza nzulu nokwandisa ulwazi lwangaphambili lomfundi, olunegalelo kwingqiqo.
- Ukuphuhlisa izakhono zokubhala njengoko bephendula imibuzo ebhaliweyo okanye bephendula isicatshulwa.
- Ukusebenzisa kwakhona okanye ukuhlaziya isigama somxholo.

Njani?

Izicatshulwa zokufunda eyedwa


- Kunikezelwa izicatshulwa ezihlanu ezimfutshane veki nganye.
- Isicatshulwa sokuqala sinezivakalisi ezisuka kupelo lwamagama lweveki okanye izandi ezaziwayo. Bonke abafundi, kwanabo basokolayo, kufuneka bakwazi ukuvakala kwaye bafunde esi sicatshulwa.
- Ezi zicatshulwa zine zilandelayo zinxulunyaniswa nomxholo kodwa zidlulela ngaphaya koko, ukwandisa ulwazi lwabafundi ngokubanzi. Kule kota, kukho izicatshulwa ezimfutshane eziyinyani ngemixholo enika umdla, ibali laseAfrika elahlulahlulwe lazi'zahluko,' iiflowu tshati ezibonisa iziphumo zongcoliseko kwiindawo ezahlukileyo, kunye nemibhalo yedayari yomntwana yemihla ngemihla.
- Isicatshulwa ngasinye sinomsebenzi okanye imibuzo emifutshane yokujonga ukuqonda kwabafundi nokubanika ithuba lokuba baphendule ngokubhala. Kwiveki ye-9, le mpendulo ibhaliweyo ithatha imo yedayari yemihla ngemihla ebhalwa ngumfundi.

Ngokwamava akho ngeKota yoku-1, khumbuza abafundi

- Ukuba kukwenza ntoni ukufunda wedwa. *Ufunda isicatshulwa wedwa, ngaphandle kokubiza amagama ngokuvakalayo. 'Uzinika ithuba lokuzama' ukufumana intsingiselo nokuqonda.*
- Into **ongayenziyo** xa ufunda wedwa: *Ukuthetha, ukuphakama, ukunikezela.*
- nto omawuyenze xa ufikelela kwigama ongaliqondiyo: *Jonga amalungu egama, biza oonobumba, buza umhlobo wakho, qikelela ukuba lithetha ukuthini uze uqhubeke ufunda.*
- Into omawuyenze xa usigqibile isicatshulwa. *Phendula imibuzo kwiNYY yakho.*

Phonononga rhoqo ngooLwezihlanu

- NgoLwezihlanu, utitshala **ufundela** abafundi zonke izicatshulwa ezintlanu, lo gama belandela ezincwadini zabo.
- Xoxa ngezicatshulwa, uphendule imibuzo ngomlomo, bagxile kwingqiqo.
- Abafundi bazilungise ngokwabo umsebenzi wabo.
- Cacisa nawaphi na amagama abafundi abawafumene eyingxaki.





Ukufunda ngamaqela (Yonke imihla)

Ukwenzela ntoni?

- Ukufundisa amaqela akwinqanaba elifanayo nezidingo ezifanayo.
- Ukusebenzisa izicatshulwa ezikwinqanaba labo ukuze bakukhuthalele ukufunda.
- Ukunika ithuba lokuhlola inkqubela nokufundisa izakhono ezitsha zokufunda.



Njani?

Ukufunda ngamaqela

- Yohlula iklasi ngokwamaqela amahlanu akwizinga elifanayo.
- Abanye abafundi bangakwinqanaba labaqalayo, kodwa uninzi lwabo kumele ukuba luyaqala ukufunda ngokutyibilika.
- Biza iqela ngalinye lifunde nawe imizuzu eli-15, iqela ngalinye kabini ngeveki. (Ukuba ufumana ubunzima ekucwangciseni oku, chitha imizuzu engama-30 neqela ngalinye ngeveki.)
- Sebenzisa incwadi yamabali akwinqanaba leqela. Oko kuthetha ukuba khetha isicatshulwa esifumaneka:
 - kwincwadi yengqokelela yamabali okanye nayiphina incwadi ekwinqanaba labafundi.
 - kwisicatshulwa sokufunda notitshala seveki.
 - kwesinye sezicatshulwa zokufunda wedwa.
- Eli lixesha lakho elikhethekileyo neqela ngalinye. Jonga inkqubela. Sebenzisa amathuba okufundisa ukuphuhlisa izakhono zabo zokufunda.
- Khangela apho kufuneka uncendo ngamandla, uze ubeke ixesha lokukwenza oko.
- Ukufumana imisebenzi yenqanaba labasaqalayo ukufunda, cofa apha
- Ukufumana imisebenzi yenqanaba labaqalayo ukutyibilika, cofa apha



Ukukhwela iLeli Yokufunda

Umfundi ofunda ngotyibiliko kwasekuqaleni	5 Inkwenkwezi Efundayo 	Ndiyakwazi eukufunda itekisi ende • Ukufunda imihlathi ngotyibiliko. • Ukufunda ngokuvakalayo okanye ngokuthe cwaka • Ukuqaphela amagama abonwa rhoqo • Ukubiza izandi zamagama angaziwayo • Ukufunda ngotyibiliko, ndiqaphela iimpawu zokufunda • Ukuphendula imibuzo entsokothileyo	Ndincede • Ndifundise ukushwankathela endikufundileyo. • Ndinike iindidi zetekisi ndifunde. • Ndinike amathuba amaninzi okuzifundela.
	4 IRokethi Elifundayo 	Ndiyakwazi endikufundayo • Ukuqikelela into ethethwa sisihloko/ imifanekiso • Ukuqaphela iimpawu zokubhala • Ukufunda ndibonakalisa imvakalelo • Ukuphendula imibuzo	Ndincede • Ndiqhelanise nokufunda imihlathi. • Ndibuze imibuzo entsokothileyo. • Ndifundise ukuzifundela ngaphakathi.
Umfundi osaqalayo ukufunda	3 Ilanga Elifundayo 	Ndiyakwazi ukufunda ngokuvakalayo • Ukufunda amagama ngotyibiliko • Ukuqaphela amagama asetyenziswa rhoqo • Ukufunda 1-3 izivakalisi ezimfutshane ngokuvakalayo • Ukuzifunda ngesantya esifanelekileyo	Ndincede • Ndifunde izivakalisi ezinde. • Ndifundise iimpawu zokubhala. • Ndibuze imibuzo ngetekisi, nangemifanekiso.
	2 UKhozi Olufundayo 	Ndiyakwazi ukubaqaphela oonobumba • Ukujonga ndifunde oonobumba, nabasemagameni • Ukuxela ngangaphi oonobumba abafanayo • Ukubiza izandi • Ukukhangela ndifumane oonobumba abakhulu	Ndincede • Ndicazulule igama ngokwamalungu. • Ze ndicazulule amalungu. • Ndiphinde ndiwakhe. • Ndifunde amagama ngotyibiliko.
Umfundi okwinqanaba lokufunda olusakhulayo	1 Intaka Ezuba Efundayo 	Ndiyakwazi izandi emagameni • Ukuqhwaba ngokwamalungu • Ukubala amalungu • Ukuxela izandi ezisekuqaleni • Ukuxela izandi ezisekugqibeleni • Ukubala izandi egameni • Ukukhupha esahlukileyo	Ndincede Ndibonise, undifundise oonobumba nezandi. • Ndifundise oonobumba abakhulu. • Ndibonise oonobumba egameni.



IZIFUNDO ZOKUBHALA

Iveki A: Ukubhala ngengqiqo (**Lwesibini**) → Ukubhala wedwa (umbhalo wakhe) (**Lwesihlanu**)

Iveki B: Ukubhala ngengqiqo (**Lwesibini**) → Ukubhala notitshala: (**Lwesine**) → Ukubhala wedwa (umbhalo ocwangcisiweyo) (**Lwesihlanu**)

Ukubhala wedwa

Ukwenzela ntoni?

- Ukunceda abafundi babhale isicatshulwa esivakalayo nesinentsingiselo, kwaye bakwazi ukuvakalisa izimvo zabo ngokucacileyo.

Njani?

- Khuphela umsebenzi ebhodini njengoko kubonisiwe kumanqaku emihla ngemihla.
- Umbhalo wabafundi wenziwa kwiincwadi zokubhala.
- Kwikota yesi-2, ukubhala wedwa kuya kutshintshana phakathi kwiveki A, ngomsebenzi wokubhala omnye, Kwiveki B, ngemisebenzi emibini elandelelanayo yokubhala.

Izifundo zezinye (**Iveki A, Lwesihlanu**)

- Kule ngxoxo imfutshane yaphambi kokubhala (imizuzu emi-2-3), yazisa umsebenzi.
- Abafundi babhala ngokukhululekileyo ngokusekelwe kumsebenzi. Eli lithuba elingenxinzelelo lokuba abafundi baphuhlise ukubhala ngokuzithemba.
- Khuthaza kwaye uncome iimbono ezintsha nezinomdla kunye nesigama.
- Khuthaza abafundi ukuba 'bazame' ngopelo.
- **Ukukorekisha:** Hlomla endaweni yokwaba amanqaku. Oku kukhuthaza ngakumbi kunokunika amanqaku. Phawula ngomxholo. Umzekelo: *Umalume wakho uvakala nje ngomntu onika umdla okanye bendinqwenela ukuba bendindwendwele eThekwini.*



Izifundo eziphindwe kabini (**Iveki B, Lwesine noLwesihlanu**)

- Lo ngumbhalo ocwangcisiweyo ukufundisa abafundi ukubhala ngokuchanekileyo kuhlobo loncwadi oluthile.
- Kwikota yesi-2 iindidi zoncwadi yingxelo yolwazi, uphononongo lwencwadi/lwebali kunye nedayari.
- Uhlobo ngalunye loncwadi lunxulumaniswe nesicatshulwa sokufunda njengomzekelo. Bonisa:
 - o iimpawu zescatshulwa ezifana nemihlathi, izihloko, izihlokwana kunye noyilo
 - o igrama enxulumene nohlobo loncwadi (ixesha lentetho, ngubani obhalayo, iziphumlisi ezikhethekileyo).
- Isivakalisi esingundoqo esikhethelwe izifundo zoLwimi sikwalungelelaniswa nohlobo loncwadi.
- Kwisifundo sokuqala kwezi zibini zokubhala, kuya kubakho amalungiselelo (ukubhala notitshala, okanye ukubhala amanqaku, ukubhala uyilo (*draft*)).

- Kwisifundo sesibini, abafundi baya kube bebhala uyilo lwabo olugqityiweyo.
- Apho kunokwenzeka, cela abafundi bafunde umhlobo okanye iqela imibhalo yabo ukuze bajonge ukuba iyavakala kwaye bakwazile ukuhlela.
- Ukukorekisha: Zikorekisha ezi zicatshulwa zicwangcisiweyo.



– **Yabela i-50% yamanqaku**

kumxholo: isicwangciso esibonisa ukuqika nezimvo endaweni yeengcinga ezingacwangcisiwanga; Izimvo ezizezakhe; uchongo lwamagama olunomdla, isihloko esinye kumhlathi ngamnye, ukhetho olufanelekileyo lwezihloko.

– **Yabela i-50% yamanqaku kwigrama, upelo neempawu zesicatshulwa**

ezichanekileyo: ukwakhiwa kwezivakalisi okuchanekileyo, iziphumlisi ezifanelekileyo, upelo oluchanekileyo lwamagama asetyenziswa rhoqo; ixesha lentetha elifanelekileyo lohlobo loncwadi, ukusetyenziswa kwexesha lentetha elingaguqukiyo, uyilo oluchanekileyo kunye neendlela yokwakheka.

Ukubhala ngengqiqo

Kukho isicatshulwa esifutshane veki nganye ukwakha ukubhala nokufunda ngokuzithemba kubafundi nokuqinisekisa isimo sengqondo esifanelekileyo kwiimvavanyo zengqiqo. Kule kota, isishwankathelo sebali siquka ukubhala ngengqiqo. Oku kukuhlola ukuqonda ibali kunye nokwakha ngaxeshanye ulwazi lokubhala izishwankathelo (ezisetyenziswa kuphononongo lwebali).

Ukwenzela ntoni?

- Ukufundisa abafundi bafumane iimpendulo kwisicatshulwa (oko kukuthi, kungankqaywa isicatshulwa kodwa ngokuqwalasela, okanye ngokuhlalutya isicatshulwa).
- Ukwazisa abafundi **kwiintlobo ngeentlobo zeefomathi zemibuzo** abanokuthi bahlangane nazo kwiimvavanyo zangaphandle okanye ezikumgangatho ofanayo, umz. iitheiyibhile, ukukhetha impendulo echanekileyo, iitsheklisi, ukuvala isithuba, izivakalisi ezipheleleyo, njl. njl.
- Ukwazisa abafundi **kumanqanaba ahlukileyo emibuzo**, ukuze bakwazi ukubona unxibelelwano phakathi kombuzo, uhlobo lwempendulo efunekayo, nalapho impendulo iza kufumaneka khona. Ekupheleni kwekota yoku-1, abafundi kufuneka babenakho ukuchonga ukuba umbuzo ngumbuzo othi, **Khangela ufumane** (ocacileyo), **Funda ucinge** (uthelekelelo) okanye **Ngokukokwam/Ngokuzimela** (izimvo zakho).
- Fundisa iindlela zengqiqo ezinokusetyenziswa ngabafundi xa befunda ukuze bafunde ngengqiqo Kule kota, ezi ziquka ukuqikelela, ukufumana ulwazi oluyinyani kwisicatshulwa eziyinyani, ukwahlula phakathi kwezicatshulwa eziyinyani nezo zingeyonyani, ukushwankathela ibali, ukufumana nokuveza iziganeko okanye iingcinga eziphambili, ukunika uluvo lwebali kunye nokuxhasa uluvo.



Njani?

Funda imibuzo yengqiqo

- Ukongezelela, kusenokufuneka wenze oku:
- **Cacisa iindidi zemibuzo yaloo veki**, umz.
 - **Ukugqibezela itheyibhile**: bonisa ulwazi olusuka kwisicatshulwa kwitheyibhile.
 - **Imibuzo yokukhetha impendulo echanekileyo**: funda zonke iimpendulo ozinikiweyo uze uphawule kuphela echanekileyo.
 - **Itshekhlist**: funda zonke iimpendulo ozinikiweyo uphawule zonke ezichanekileyo.
 - **Vala isikhewu**: khetha amagama ambalwa ukugqibezela isivakalisi okanye fakela igama elifanelekileyo kulawo anikwe kuluhlu.
 - **Isivakalisi esipheleleyo**: phendula umbuzo usebenzisa isivakalisi esipheleleyo kunye neempawu zokubhala ezichanekileyo.
 - **Ukulandelelana kweziganeko**: beka inani kwiziganeko ebalini.
- Khumbuza abafundi ngentlobo ezahlukileyo zeempendulo ezinokufuneka:
 - **Khangela ufumane** – umbuzo onempendulo ecacileyo: Impendulo ikhona kwisicatshulwa.
 - **Funda ucinge** – Umbuzo ofuna uthelekelele: Impendulo iyacetyiswa kwisicatshulwa kodwa kuya kufuneka ucinge ngayo kwaye uyibhale ngawakho amazwi.
 - **Ngokukokwam/Ngokuzimela** – Izimvo zakho: Impendulo ayikho kwisicatshulwa kodwa ikuwe engqondweni.
- Cacisa **indlela yengqiqo** yeveki ukuba ikhona (amaxesha amaninzi. oku kufihlakele endaweni yokuba kucace gca).



Umsebenzi wokubhala

- Abafundi bagqibezela umsebenzi wokubhala ngengqiqo kwiNYY.
- Ukuba kukho ixesha, korekisha umsebenzi kunye neklasi.
- Cacisa ukuba kutheni iimpendulo ezithile zichanekile okanye zifanelekile, nangona abafundi abohlukileyo babhala iimpendulo ezohlukileyo.

Ukufundisa iZakhono zoBomi

Mvulo noLwesibini:

Ulwazi olusisiseko/PN; EzobuGcisa obubonwayo, Ezemithambo →

Lwesithathu noLwesine:

Ulwazi olusisiseko/PN; EzobuGcisa beqonga, Ezemithambo →

Lwesihlanu: Ukuphonononga umxholo, Ezemithambo



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukufundela ulwazi

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa ukufunda ukuze ufunde izakhono zokufunda iincwadi zezifundo zexesha elizayo kunye nezinika ulwazi oluyinyani.
- Ukuphuhlisa ulwazi lwesakhiwo sezicatshulwa ezinika ulwazi oluyinyani kunye nezixhobo zokuhlela ulwazi ezifana neetheyibhile.
- Ukuphuhlisa izakhono zokuthelekelela ulwazi.

Njani?

Ulwazi lwangaphambili

- Njengokufunda notitshala, funda isihloko uze uqhelanise abafundi nomxholo.
- Fumanisa ukuba yintoni abayaziyo malunga nomxholo (ngomlomo).

Ulwazi olutsha

- Bonisa isakhiwo/ifomathi yesicatshulwa, umz. Itheyibhile, umzobo weVenn, umfuniselo, umzobo olebhelishiweyo, uthelekiso, imihlathi enezihloko, iifoto ezinezihloko, njl. njl.
- Fundela abafundi isicatshulwa, ucacise nawaphi na amagama amatsha kumxholo.

Ukubhala

- Funda umsebenzi ongqamene nesicatshulwa.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiNYY.

Izifundo zeYFF

Ukwenzela ntoni?

- Nceda abafundi bakhe ulwazi ngokudibanisa ulwazi olutsha noko sele bekwazi.
- Banike amathuba okuziqhelanise nokuqulunqa eyabo imibuzo nokukhangela iimpendulo.
- Banike amathuba okuziqhelanise nokubhala.
- Khuthaza abafundi ukuba bajonge koko bakufundileyo.

Njani?

Khupela itshathi yeYFF ebhodini (Iveki A Mvulo)

Into esiyaziyo (Mvulo wokuqala womxholo omtsha)		Bhala into eyaziwa ngabafundi. Abafundi bakhetha inqaku elinge ubuncinane lokukhuphela kwitshathi yeYFF, bayibhale kwiiNYY zabo.
Into esifuna ukuyazi (Mvulo wokuqala noLwesine)		Bhala imibuzo yabafundi apha. Bakhetha inqaku elinge ubuncinane lokukhuphela kwitshathi yabo yeYFF.
Into esiyifundileyo (Lwesine wokuqala nowesibini)		Gqibezela ngexesha lengxelo ngoLwesine. Abafundi babhala inqaku elinge ubuncinane.

Cinga, Ngababini, Yabelana

- **Cinga:** Bebodwa, abafundi bacinga ngento esele beyazi malunga nomxholo.
- **Ngababini:** Abafundi baxoxa kunye ngento esele beyazi.
- **Yabelana:** Abanye abafundi baxebele iklassi (nika wonke umntu ithuba ngekota). Utitshala ubhala phantsi ezinye iingcinga kwikholum yoku-1 yetshathi yeYFF ebhodini.

Ukubhala

- Buza abafundi ukuba bafuna ukufunda ntoni ngesihloko. Khuthaza bonke abafundi ukuba baqulunge imibuzo. Bhala imibuzo kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye ubuncinane kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo ze-YFF, okanye babhale ezabo izimvo.

Jonga into efundiweyo (Iveki A no-B Lwesine)

- Buyela kwitshathi yeYFF yangoMvulo.
- Buza imibuzo:
 - Sifunde ntoni kule veki?
 - Ingaba siyifumene into ebesifuna ukuyazi?
 - Yintoni ofuna ukuyifumanisa kule veki izayo? (Lwesine wokuqala kuphela)
- Nceda abafundi babhale iimpendulo zabo kwitshathi.

Oobhontsi phezulu/oobhontsi ezantsi (ekwabizwa ngokuba yiNdlela yokuKhangela/yokuJonga imibuzo)

Ukwenzela ntoni?

- Ukwenzela nzulu ulwazi lwabafundi ngemiba engundoqo.
- Ukuvavanya ukuqonda kwabafundi imiba engundoqo.

Umsebenzi

- Khetha imiba emithathu engundoqo enxulumene nesihloko, uze ubhale umba ngamnye kunotsheluzi.
- Phakamisa unotsheluzi ucele abafundi ukuba bayifunde ngokuvakalayo.



- Yenza iinkcazelo zibe ntathu ezinxulumene nombra.
- Yalela abafundi ukuba banyusele oobhontsi phezulu ukuba ingxelo iyinyani nobhontsi ezantsi ukuba ayiyonyani.
- Phinda ujonge eminye imiba emibini.

Uhlanganiso nesiNgesi

Ukwenzela ntoni?

- Ukulungiselela abafundi ukufunda iincwadi zezifundo zesiNgesi kwiBanga lesi-4.
- Ukuphuhlisa ulwazi lokufunda nokubhala lwabafundi ngesiNgesi.

Umsebenzi

- Phakamisa unotsheluzi ngamnye kwabo basetyenziswe kwimibuzo, oobhontsi phezulu/oobhontsi ezantsi.
- Buza abafundi ukuba bayawazi na amagama esiNgesi; bancede basebenzise amagama kwizivakalisi.
- Bhala amagama koonotsheluzi uze uwabeke kudonga lwamagama esiNgesi uLwimi lokuqala olongezelelweyo.
- Abafundi bazikhuphela kwizichazi-magama zabo/iincwadi zesigama.

Umsebenzi/izifundo zenkqubo

Ukwenzela ntoni?

Ulwazi lwangaphambili

- Ngqamanisa nesicatshulwa sokufundela ulwazi.

Ulwazi olutsha

- Ukuphuhlisa izakhono zenkqubo engqamene nolwazi olusisiseko, umz. Ukwahlulahlula, ukuqwalaselwa, ukwenza umfuniselo, njl. njl.
- Ukuphuhlisa ulwazi gabalala, ulwazi lwamava nolwazi oluthile olungena nzulu kwimixholo ethile.
- Ukuphuhlisa izakhono zokudlulisa ulwazi.



EZOBUGCISA

Ukwenzela ntoni?

- Kuphonononga iindlela ezahlukeneyo zokujonga ihlabathi.
- Kunika ithuba lokuphonononga nokuvakalisa izimvo ngokubonakalayo nangobuqu.
- Ukuphuhlisa ubuchule kunye nokucinga.

Njani?

- Kukho iphepha lezobuGcisa obubonwayo kwiNYY rhoqo ngeveki yesibini. Oku kuyatshintshana phakathi kokufundisa isigama sezobuGcisa obubonwayo kunye nemiba kunye nokuxatyiswa kwezobugcisa (umboniso wobugcisa).
- Imisebenzi yezobuGcisa obubonwayo idla ngokuqhutywa kwizifundo ezithathu. Utitshala makanikezele ngephepha, iikhrayoni, ipeyinti, njl. njl.
- Bonisa umsebenzi ogqityiweyo eklasini.
- Yenza ingqokelela yezinto ezilahlwayo eziza kusetyenziselwa kubugcisa be-3D.
- EzobuGcisa obubonwayo – buphuhlisa izakhono ezifana nomgca, umbala, ukuphatheka njl. njl. uMzobo, ikholaji, njl. njl.
- KwezobuGcisa beqonga, ngumbono olungileyo ukuba neklasi eneengqokelela yezinxibo ezifana nezikhafu, iminqwazi kunye nemakrofoni.



EZEMITHAMBO

Mvulo

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lama-25.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

Lwesibini–Lwesihlanu


Ukuzifudemeza

- Baleka ngeenzwane okonomabhabhathane/ ngqisha okwesigebenga/tyibilika okwedada.
- Landela imiyalelo yam. Hamba ngamacala/ jika ngasekhohlo/jika ngasekunene/chopha/ xhumela phezulu.
- Ukuqhwaba ngesingqi/ukungqisha, kukhokelwe ngabafundi abohlukeneyo.



Izititshi zemisebenzi

- Amaqela ajikeleza izititshi, esenza umsebenzi omnye ngosuku, ngoLwesibini–Lwesihlanu. Jonga imizekelo kwiphepha lama-23.
- Utitshala ujikeleza ejonga onke amaqela ecebisa.



Ukuzipholisa

- Ukuphefumla nzulu.
- Yolula amalungu omzimba uhleli phantsi okanye ume ngeenyawo.
- Ziqinise uphinde uzikhulule izihlunu, uqale ezinzwaneni ukuya entloko.

Imisebenzi yezititshi zemisebenzi yezemithambo yeKota yesi-2

Khetha imisebenzi emine ngeveki, engqale kwizakhono ezahlukeyo.

1 Iintshukumo zamalungu omzimba: Ugqatso

- Ukubaleka nokuhamba ngeendlela ezahlukeyo.
- Ukuhamba usiya ecaleni, phambili, emva ngokulandelelana.

2 Ukuqonda iintsukumo: Ukuphosa nokuganga ibhola

- Ukuhamba ngesangqa kumgangatho oqinileyo – gqampisa ibhola yentenetya emoyeni nasemgangathweni.
- Kunye neqabane, phosa ungange ibhola – phezulu nasezantsi
- Phosa ibhola edongeni, kwindawo emakishiweyo – phuzulu nasezantsi.

3 Isingqi: Ugqaphu

- Tsibatsiba wedwa – ndawoninye naxa uhamba ngesantya.
- Dlalani imidlalo yogqaphu yamaqela.

4 Ukusebenzisana kwamalungu: Ukugqampisa nokudlulisa

- Hambisa ibhola ngeenyawo (ibholayesoka), ngokuyigqampisa (ibhola yomnatha).
- Hambisa ibhola kwimiqobo – umqobo ogosogoso.
- Dlulisa ibhola ubalela (ibhola yomnyazi, yombhoxo, ekhatywayo).

5 Isithuba:

- Umdlalo wemiqobo onzima.

6 Ukuxhathisa

- Ugqatso lwerileyi: Baleka gosogoso kwizinto zokumakisha ugqatso.
- Xhathisa ngomlenze omnye.
- Umdlalo wejimnastiki: Ukuma ngentloko/ukuma ngezandla, ukuma ngokuxhwesileyo.

7 Icala

- Ulandelelwaniso lwesixhobo zezandla njengokumisa *iihula hoop* okanye iiribhoni, ezifuna iintshukumo zasekhohlo nasekunene ezifanayo.



ISICWANGCISO SEVEKI YOKU-1



Izinambuzane

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ukuba izilwanyana zihlelwa (ngamaqela) ngokweempawu zazo.
- Kufunda iimpawu ezibonwa ngazo izinambuzane.
- Kujonga, bazobe baze baleyibhelishe amalungu eenyosi.
- Kuqonda umahluko phakathi kwezicatshulwa eziyinyani nezingeyonyani.
- Kufunda izicatshulwa ezimfutshane ezisekelwe kumxholo wokuchonga izinambuzane.
- Kujonga ulingano-macala kwizifundo zezobuGcisa obubonwayo.
- Kubhala ulwazi oluyinyani malunga nomntanezulu.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

Isigama solwimi	ukuhlelwa	inkangeleko	imikhwa	isifuba	isinqe (isisu)
Isigama seZakhono zoBomi	iimpondo	iimpiko	amehlo abona mbaxa		
	feelers	wings	compound eyes		

Isivakalisi

Ukuhlelwa: lintethe zombona zizinambuzane.

Inkangeleko: Zinombala omdaka.

Imikhwa: Zitya izityalo nezilwanyana.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha eliyi-A4, iipensile neekhrayoni zezobuGcisa obubonwayo
- Iimilo zokubonisa ulingano-macala kwezobuGcisa obubonwayo (isangqa, isikwere, unxantathu).
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Isigama (Lwesithathu), Izivakalisi (Lwesine), Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu) Ukubhala (ulwazi oluyinyani), Ukubhala ngesandla, Ingqiqo, Umsebenzi wesigama nolwini, Amaphepha oLwazi olusisiseko.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba ngeeholide

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethhekileyo? Ubusenza ntoni ngeeholide zesikolo?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

• Yabelana:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi iindaba zabo zeholide.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethhekileyo, njl. njl.).



IZANDI

Hlaziya izandi u-nqw no-tyw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 9

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 8

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Zeziphi izinambuzane owakhe wazibona? Ingaba uyazithanda okanye awuzithandi izinambuzane?
- Nika injongo yokuphulaphula: Mamela ukuze wazi ngakumbi malunga nezinambuzane.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Mangaphi amalungu omzimba ezinambuzane? Mingaphi imilenze yazo? Luphi ugoxo lwamathambo azo?
- Zihamba njani izinambuzane?
- Zisinceda/zisenzakalise njani Izinambuzane?

NT
IPH 27

15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 10

30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Inqwelontaka kunye nenqwelomoya zizithuthi zomoya.

Inqwelomafutha yona sisithuthi sendlela.

Utata ufuna ukutywina uphahla lwendlu ngaphambi kokuba kune.

Ekhaya bekusilwe utywala bomngeno wamakhwenkwe.

Iqela lethu lebhala litlutyatyushe kakuhle iqela ebesidlala nalo.

Kutheni le nto utata efuna ukutywina uphahla lwendlu?

10 - IZEKI YOKU-1 - MVULO



ULWAZI OLUSISISEKO

Yazisa umxholo

- Kwakhe kwangena isinambuzane kokwenu? Yayisesiphi? Kwakutheni size singene endlwini?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngezinambuzane?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.

Izinambuzane

- **Yabelana:** Yabelana neklasi.

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukuyifunda ngezinambuzane kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshati zabo zeYFF.

IPH 11

30 imiz

UMHLA

Izinambuzane

Into endigasiya

Into endifuna ukuyisi

Into endigafundisa

Izeki yoku-1

Izeki yoku-2

11 - IZEKI YOKU-1 - MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ulingano-macala

Funda ngolingano-macala

- Bonisa imisiko (eyimizekelo) yesangqa, isikwere, unxantathu olinganayo. Goba iimilo embindini ukuze zibe neziqingatha ezibini ezifanayo.
- Cacisa ukuba iimilo ezinolingana-macala ziyafana twatse kumacala omabini omgca ozotywe embindini.

Umsebenzi weNYY

- Krwela umgca wolingano-macala kumfanekiso ngamnye oza kuwohlula phakathi ngqo.
- Faka umbala kwimifanekiso.

Ingxoxo yeklasi

- Ingaba imizimba yethu inolingano-macala?
- Zeziphi ezinye izinto kwindalo ezinolingano-macala?
- Zeziphi izinto esizibonayo ezingenalo ulingano-macala?

IPH 12

30 imiz

UMHLA

Ulingano-macala

Krwela umgca ukwenza amacala amabini alinganayo.

12 - IZEKI YOKU-1 - MVULO



EZEMITHAMBO

Isingeniso

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Umntwana omtsha esikolweni

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Xoxani ngendlela yokuphatha abantwana abafikayo esikolweni.
- Cinga:** Ucinga ukuba kunjani ukuya kufunda kwisikolo esitsha?

- Ngababini:** Xelela iqabane lakho ukuba ungamnceda njani umntwana ofikayo esikolweni sakho.
- Yabelana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

15 imiz



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 13

10 imiz

UMHLA

Bhala amagama ngendlela echanekeleyo.

1		leletye	tywelele
2		natyiwi	
3		nitywimu	
4		ibanqwa	
5		umzinqwa	
6		umnonqwe	
7		ilonqwe	
8		intalolongweka	

IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI • 13




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 8

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko nomfanekiso wokuqala. Ubona ntoni? (Musa ukutyhila iphepha.)
- Nika injongo yokufunda: Makhe sibone ukuba kwenzeke ntoni ngesi sinambuzane sibi.

Ukufunda notitshala

- Funda ibali **kunye** nabafundi.
- Yima ucacise nawaphi na amagama amatsha okanye umxholo omtsha, umz.

Ingqiqo

ungasebenzisa imifanekiso okanye isithethantonye.

- Chaza ukuba *intethe yombona* sinambuzane sokwenyani.
- Funda ingxelo yolwazi** kunye nabafundi.

Emva kokufunda

- Ngowuphi umahluko omkhulu phakathi kwebali kunye nengxelo yolwazi? (yinyani/ngumfanekiso-ngqondweni)
- Yeyiphi enika ulwazi olungeyonyani, iyeyiphi enika ulwazi oluyinyani? Wazi njani?

IPH 2-7

15 imiz

U-Nombulelo nesinambuzane esibi

U-Nombulelo wangena eklasini ecatha. Wayengawaboneli ukungena ngaphakathi. Wayengawabonga kwisikolo sakhe esiha esisedolophini. Wayekhumbula isikolo sakhe esefama eLafunda. Kuba, wayehlala nonobumba, wabhele kuloo fama. Kodwa ngoku wayesefehlala nonina edolophini.

Wayebekhumbula abahlobo bakhe. Kwesi sikolo sakhe sitsha, abanye abantwana babemghula. Babemhleka bembeza bebalili, "ntambo yasefama!" Babesithi usisidenge esingapinto kuba ephuma ezifama. Akukho mntu wayedlala naye, kwaye loo nto yayimkhathaza kakulu.

2 • IVEKI YOKU-1



UKUBHALA

Ingqiqo

Funda nize nixoxe ngemibuzo

- Khumbuza abafundi: **iindidi zemibuzo** ikuxelela ukuba uzikhangela phi **iimpendulo**.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekiske.

IPH 14

15 imiz

UMHLA

Ingqiqo

Funda ibali, U-Nombulelo nesinambuzane esibi.

Phanda ufumane

1. Yintoni igama lakwenyani lesi sinambuzane esibi?

2. Zaziphi izinambuzane eklasini?

Funda ucinge

3. Kwakutheni ukuba abantwana baqhule u-Nombulelo? Kungakuba...

Ngokukokwem/Ngokuzemela

4. Bhala isivakalisi ngomntu amatyala osuka kwindawo eyahlulileyo. Chaza ukuba kutheni umthando.


14 • IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Izinambuzane*

IPH 15
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Inyosi

Funda nize nixoxe


- Xoxani ngoko abafundi sele bekwazi malunga nokwakheka kwezinzambuzane.
- Jonga umzobo uze uchonge amalungu amathathu omzimba – intloko, isifuba kunye nesinqe (isisu).
- Chonga ezinye iimpawu: imilenze, iimpondo, amaphiko, amehlo.
- Cacisa ukuba yintoni iliso elibona mbaxa (iliso elinye elinamehlo

- amancinci amaninzi, ukujonga macala onke).
- Buza ukuba luphi ugoxo lwamathambo enyosi.
- Cacisa ukuba inyosi zidinga amehlo amakhulu ukuze zikwazi ukubona iintyatyambo ezimgama.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 16
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba umfanekiso onolingano-amacala


Ngababini

- Umfundi ngamnye ujonga ngononophelo ubuso bomnye, baze baxoxe ngolingano-macala lweempawu zobuso.

Umsebenzi (ipensile nephepha)

- Goba isiqwenga sephepha eliyi-A4 embindini ngobude balo.
- Jonga iqabane lakho, uze uzobe ubuso balo.
- Umgca womgobo kufuneka wehle embindini wobuso.
- Qinisekisa ukuba amacala omabini omfanekiso ayahambelana (ayafana).

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ebalini, kwakutheni ukuze abantwana baqhule uNombulelo? Kwakutheni lento oku kwakubonakalisa ukungabi nobuntu? Wababonisa njani uNombulelo ukuba wonke umntu ukhethekile, nokuba usuka phi?

Ingxoxo ngebali

- **Ngababini:** Yabelana neqabane.
- **Yabelana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

15 imiz



IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 17

10 imiz

UMHLA

Gqibezela izivakalisi ngegama elifanelekileyo.

tywaa utywina elitywatsi ingqaba umngqazi ngomngqweni inqwelo

1. Uthata uphahla emva kwezantya-ntyala zemula.
2. Umama unqwenela womngqaphu.
3. UNqaba usivela wakhe.
4. Uusi akafuni yakhe iqutywe ngomnye umntu.
5. Abahlali bamtywatyushe bamshisa
6. Usele utywala watala tywaa elangeni.

IVEKI YOKU-1 • LWESITHATHU • 17




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 8

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki esibhalwe ebhodini okanye koonotsheluzi:

ukuhlelwa	inkangeleko	imikhwa	isifuba	umnqe (isisu)
-----------	-------------	---------	---------	---------------

Ukufunda notitshala

- Phinda ufunde **ingxelo yolwazi** yodwa **kunye** nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Abafundi bajonga isigama kwisicatshilwa esikwiNYY njengoko ufunda. Mabakrwele umgca ngaphantsi kwegama elitsha ngalinye okanye balibiyele.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokokulandelelana kwealfabhethi.

15 imiz

UMHLA

UNombulelo nesinambuzane esibi

UNombulelo wangama ekilasi ecatha. Wayengangweneli ukungenisa ngaphakathi. Wayengonwabanga kwisikalo sakhe esinthe esisedolophini. Wayekhumbula isikalo sakhe sesifama ebefunda kuso. Wayehlala nomkhulu wakhe kuloo fomu. Kadeva ngoku wayesetshala nonina edolophini.

Wayekhumbula abahlali bakhe. Kwezi sikalo sakhe sitsha, abanye abantwana babemphula. Babemhleka bamboza beethi, "ntombi yasefama!" Babesithi usisidenge esingazinto kubu ephuma ezifama. Akukho mntu wayedlala naye, kwaye loo nto yayimkhathaza kakulu.

2 • IVEKI YOKU-1 • LWESITHATHU



UKUBHALA

Isigama

IOrali

- Jonga imisebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala ekwiNYY. Jonga uze ukorekise.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Bonisa oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.

IPH 18

15 imiz

UMHLA

Isigama

ukuhlelwa inkhwa isifuba inkangeleko isinge

Tatshisa isigama nentsingisela.

ukuhlelwa	isinto ephile ukuzama
inkangeleko	igale lantwanyana
imikhwa	isisu
isifuba	indlela ekhangeleka ngayo
isinge	umntu womzimba

Bhala amagama uze ugqibezele itheyibhili.

Isigama	Oonobumba	Amalungu
ukuhlelwa	ti	4
imkhwa		
isifuba		
imkhwa		
isifuba		
imkhwa		

18 • IVEKI YOKU-1 • LWESITHATHU



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ingaba umntanezulu sisinambuzane?*

IPH 19
30 imiz

UMHLA

Ingaba umntanezulu sisinambuzane?

Umntanezulu unomlingo omkhulu onomzimba kunye nemilenze emihandathu. Uxinambuzane imilenze yangaphambili mde kakhulu. Ibhongilela ngathi ingqila. Umntanezulu uyamama ende kakhulu. Intloko yakhe imile oku konwazi. Uxinambuzane ayisi, ayababizela ukubhala. Umntanezulu uqinisa umzimba emilenze ezingqongileyo noma uqinise. Umluhlu lwameva abukhali emilenze yangaphambili ukwenza ukubamba i-haba kakhulu, uku ngokuthi intloko kugile. Ngamanye amaxesha umntanezulu uqinisa umzimba.

1. Sebenzisa la magama ukugqibezela izivakalisi.

ihaba	abukhali	meva
Uxinambuzane imile	ukusika inyama	
Ingonyama ziyisigqibo ukubamba	liso	
Umluhlu lwameva wawuna	abukhali	

2. Kutheni umntanezulu onameva abukhali kumilenze yakhe yangaphambili?

IVEKI YOKU-1 - LWESITHATHU - IPH



ULWAZI OLUSISISEKO Zoba isinambuzane

- Qwalasela**
- Hlaziya ukwakheka kwesinambuzane.
 - Abafundi mabaphume phandle, baze bakhangele n isinambuzane abanokusiqwalasela kwindawo yokudlala (umz. iimbovane).

- Zoba uze uleyibhelishe umzobo**
- Eklasini, zoba umzekelo wesinambuzane ebhodini (sizobe usijongele kwicala langaphezulu, uqinisekise ukuba sinolingano-macala).
 - Abafundi basebenzisa ipensile ukuzoba umzobo wesinambuzane abasibonileyo.
 - Abafundi mabalelile imizobo yabo besebenzisa amagama akwibhokisi.

IPH 20
30 imiz

UMHLA

Zoba isinambuzane.

Khangela isinambuzane ebantini lakudlala. Kokusifumana, siqwalasela ngenanophelo.

Zobwa ngokuba yintoni isinambuzane sakho? Mngqithi imilenze ayibonayo? Mngqithi umlingo omzimba onobonayo? Yintoni enye into ayibonayo?

Zoba umfanekiso wesinambuzane sakho. Leyibhelishe umzobo wakho.

imilenze intloko impenda isinge amaphiko amehlu abantu abasele isifuba

20 - IVEKI YOKU-1 - LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA Linganisa ibali

- Lungisa**
- Phonononga ibali elithi, *Nombulelo nesinambuzane esibi.*
 - Niyiklasi, abafundi mabachaze abalinganiswa, mabachaze noko bakwenzayo.
 - Xoxani ngezimvo: Bekuza kwenzeka ntoni ukuba uNombulelo ebengayihlangulanga intethe yombona?

- Amaqela**
- Ngamaqela azizithandathu, abafundi benza amalungiselelo kwaye bayaziqhelanisa nokulinganisa umdlalo onesinye isiphelo kuneso sebali.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Amabali angeyonyani nayinyani

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba ibali ebesilifunda liyinyani okanye aliyonyani? Yona ingxelo yolwazi? Leliphi olithande kakhulu? Ngoba?

- **Ngababini:** Xeleta iqabane lakho loluphi uhlobo lwesicatshulwa oluthandayo, uchaze nesizathu. Nika imizekelo.
- **Yabealana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ngokukhawuleza wezandi ezifundiswe kwibanga lesi-2.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 21

10 imiz

UMHLA

Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.

IVEKI YOKU-1 • LWESINE • 21



UKUBHALA NGESANDLA

Bethela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 8

10 imiz

LWESINE

x ax gr fm ur qu ok

x ok ur qu gr ax fm



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz

Yazisa izivakalisi

- Bhala izivakalisi ezithathu ebhodini.
- Funda izivakalisi ngokucotha kunye nabafundi.
- Abafundi bakhangela baze bakrwele umgca ngaphantsi kwezivakalisi **kwingxelo yolwazi** ekwiphepha lesi-7.

Sebenza ngezivakalisi

- Chonga iimpawu zokubhala (oonobumba abakhulu, izingxi, iikhloni) kwizivakalisi.
- Chaza izihloko ezintathu? Uzibona ngantoni ukuba zizihloko? (zibhalwe ngqindilili)

- Singabani isivakalisi sokuqala? (*iintethe zombona*). Kutheni sikwisininzi? (*simalunga nazo zonke iintethe zombona*).
- Igama, 'zona' lithetha ngantoni kwizivakalisi sesibini nesesithathu? (*iintethe zombona*) Kutheni kungaphindwanga amagama athi 'iintethe zombona'? (*ivakala njengoluhlu ukuba usebenzisa igama ngokuphindaphindiweyo*).
- Uqaphela ntoni ngezenzi kuzo sznke izivakalisi? (*ixesha langoku*).

Ukuhlelwa:

Iintethe zombona zizinambuzane.

Inkangeleko:

Zinombala omdaka.

Imikhwa:

Zitya izityalo nezilwanyana.



UKUBHALA

Ulwimi

IPH 22

15 imiz

UMHLA

Umsebenzi wezivakalisi

Gqibezela izivakalisi usebenzise amagama akwizibini.

1. Ukukhaleka: Iintethe zombona (zinambuzane, zi)

2. Inkangeleko: zimdaka (Zona, ngebola)

3. Imikhwa: Zitya (zitya)

Khetha olunge uhlobo lwesinambuzane, uze ubhale ngaso.

amabhubhubhane imbavane izingxi umntanazulu

1. Ukukhaleka: zinambuzane

2. Inkangeleko: Zimdaka ngebola

3. Imikhwa: Zitya

22 • IVEKI YOKU-1 • LWESINE



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ingaba isigcawu sisinambuzane?*

IPH 23
30 imiz

UMHLA

Ingaba isigcawu sisinambuzane?

Isigcawu sinamalunga amabini amzimba kunye nemilenze esibizo. Ayisici isinambuzane. Isigcawu elinye isinambuzane esininane esifana neempukane, imibane noma imibane. Ithi ibandakanya isibho ngazo etambo zazo. Ezinye isigcawu zenza i-lyfhu, ezithi ziyahlela kwisibho lizo. Isigcawu ziza kushela izilwanyana ezinye ukuya ngaphandle kwenkumbi yazo. Zihlala isibho lizo ngelwela i-lyfhu umzimba wethaba uke ngamandla onokuya amnyama. Emva koko, isigcawu sifuneka amandla onokuya amnyama zazo.

1. Mingaphi imilenze yesigcawu? Phawula ibholisi echonakileyo.
☐ mine ☐ mibandathu ☐ isibho

2. Sebenzisa amagama ukugqibezela izivakali.
lyfhu belyisa mabha

3. Abantu ukuya esusini.

4. Ezinye iingalo, conomakudwane nezigcawu zisebenzisa ukubulala isibho lizo.

5. Isinambuzane zingabanyiswa nga wezigcawu.

IVUKI YOKU-I-LWESINE - 23



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-11)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa oonotsheluzi abathathu beelwimi ezimbini begama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

iimpondo

1. Izinambuzane sinesibini sazo.
2. Zifumaneka esifubeni sesinambuzane.
3. Zinceda izinambuzane zive ukuba izinto ziphi na.

amaphiko

1. Zonke izinambuzane zinamaphiko.
2. Imithambo esemaphikweni yenza ukuba amaphiko omelele.
3. Uyakwazi ukubona ngapha kwamaphiko okanye anganeepatheni kuwo.

amehlo abona mbaxa

1. Akukho siding sokuba iinyosi zijike intloko yazo ukuze zibone into esemva kwazo.
2. Amehlo abona ambaxa anamanye amehlo amancinci ngaphathi.
3. Abantu banamehlo abona mbhaxa.

Uhlanganiso nesiNgesi: *feelers, wings, compound eyes.*



EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa

30 imiz

Isingeniso

- Khumbuza abafundi ngebali loqobo.

Linganisa

- Ngamaqela abafundi balinganisa imidlalo yabo emifutshane besebenzisa ezinye iziphelo zebali.

Vavanya

- Ncoma iqela ngalinye.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enomdla oyenzileyo kule veki.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Cinga uze wabelane:** Xa ucinga ngoNombulelo nangendlela ikhosi eyamphatha ngayo phambi kokuba aqubulisane nezinambuzane ezimbi, yintoni eyahlukileyo esiza kuyenza kwiveki ezayo?

15 imiz




IZANDI

Amagama afundwa ngexesha elibekiweyo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

IPH 24

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala nokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 8

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** ikhosi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngezicatshulwa

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA EYEDWA

Ukubhala amanqaku ayinyani

- Cacisa: Izicatshulwa zolwazi ziqulethe **amanqaku ayinyani**.
- Amanqaku ayinyani zezi zinto uzibonayo (uziqwalaseleyo), oko kuyinyani, okanye oko sikufumana kwiincwadi ezinika ulwazi oluyinyani.
- Jonga isicatshulwa soMOW esikwiNYY, iphepha le-19, esimalunga nomntanezulu. Phindani nisifunde kunye.
- Abafundi babhala nawaphi na amanqaku ayinyani amathandathu malunga nomntanezulu. Bakhetha awona bawafumana enomdla kakhulu.
- **Khangela:** Indlela yokukhetha amanqaku anika umdla.

15 imiz

Amanqaku ayinyani malunga nomntanezulu

1. Unentamo ende.
2. Unameva emilenzeni yakhe.
3. _____



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ingaba iphela lisisinambuzane?*

IPH 25
30 imiz

UMHLA

Ingaba iphela lisisinambuzane?

Iphela linamandla amakhulu amancinci kunye namandla amakhulu amancinci. Iphela linamandla amakhulu amancinci kunye namandla amakhulu amancinci. Iphela linamandla amakhulu amancinci kunye namandla amakhulu amancinci.

Qibezela ithayibhile.

Iqela	Inani lamandla amakhulu amancinci	Inani lamandla amancinci	Ingaba lisisinambuzane?
umthetho			
ingqin			
iphela			
imibane			

IVIKI YOKU-1: LWESIHLANU - 25



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezela imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha encwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lama-21, Izinambuzane, iphepha lama-42 nelama-43.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha le-106.

30 imiz

Ibanga lesi-3

Izakhono zoBomi ngesiXHOSA
Incwadi yoku-1
Ikhala 1 & 2

SIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
Incwadi yoku-1
Ikhala 1 & 2

Ibanga lesi-3

Iqela: **Ikhali:**

basic education
Department of Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA


Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncedo.**
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki, ndazibona izifundo endingazigqibanga.**
- **ndiyijongisile incwadi yam, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.**

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.**
- **Lokufundisa umfundi ngamnye, umz. xa ikhali ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.**

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.



Izinambuzane



OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuxoxa ngendlela izinambuzane ezinokuba luncedo okanye zibe yingozi ngayo kuthi.
- Kufunda ukuba zonke izinambuzane zinendima ebalulekileyo kwindalo.
- Kuqonda ukuba kufuneka sizikhusele izinambuzane kunokuba sizitshabalalise.
- Kumamela intsomi, baze bayibalise kwakhona, besebenzisa iimbono ezahlukileyo.
- Kufunda izicatshulwa ezimfutshane eziyinyani ezisekelwe kwizinambuzane.
- Kuchonga kwaye baziqhelanise neempawu ezinxulumene neengxelo zolwazi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

Isigama solwimi	ukuhlelwa	inkangeleko	imikhwa	isifuba	isinqe (isisu)
Isigama seZakhono zoBomi	uncedo	ubungozi	ukukhusela		
	helpful	harmful	protect		

Isivakalisi

Ukuhlelwa: lintethe zombona zizinambuzane.

Inkangeleko: Zinombala omdaka.

Imikhwa: Zitya izityalo nezilwanyana.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha eliyi-A4, ipeyinti eyimibala eyahlukileyo kwiziciko zeplastiki (ipeyinti yepowusta okanye ipeyinti yamanzi), amacephe eplastiki okanye izinti zokhuni zokupeyinta, isikere, iipensile ukwenza imisebenzi yezobuGcisa obubonwayo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo
- Iingoma ezahlukileyo zomculo wezobuGcisa beqonga
- Iincwadi zokubhalela zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze ukorekise: Ukubhala eyedwa (Lwesihlanu); Umsebenzi wesigama nolwimi (Lwesithathu); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ubizelo, ingqiqo, umsebenzi wolwazi olusisiseko wokuziqhelanisa notyibiliko

Intsomi engezilwanyana: Imbovane kunye nentethe

Le ntsomi engezilwanyana. imalunga nezinambuzane ezimbini, Imbovane kunye neNtethe.

Kwakusehlotyeni, iimini zitshisa lilanga.

UMbovane wayechitha iintsuku ezininzi esebenza. Wayelungiselela ubusika obubandayo. Wayesomeleza umzi wakhe. Wayetheza iinkuni. Wayekwaqokelela neenkozo zengqolowa zokutya.

Ucinga ukuba uNtethe yayisenza loo msebenzi nayo? Hayi, uNtethe wayezihlalela elangeni imini yonke. Ngamanye amaxesha wayethanda ukuziculela. Akazangeaizikhathaze ngokuxhobela ubusika.

“Kutheni usebenza nzima kangaka?” wabuza ehleka uNtethe, eqhula uMbovane. “Kutheni ungaphumli nje uzonwabele, njengam lo?”

UMbovane waphendula wathi: “Kungokuba ndafundiswa ukuba uqala usebenze uze emva koko uphumle. Ndenza loo nto ke ngoku.”

Zaye zibanda zona iintsuku. UNtethe wagxalathelana ukuya kufuna iinkuni, kodwa zonke iinkuni zazithathiwe. Yaleqisa ukuya kufuna ukutya, kodwa kwabe sekuphelile.

Bagaleleka bona ubusika. Umoya wokuqala wobusika wayivuthuza indlu yentethe. Wayegodola elambile. Wabona UMbovane ehleli kwindlu yakhe efudumeleyo, esitya isidlo sangokuhlwa.

Wankqonkqoza kwindlu yembovane. “Ndiyacela ndingangena? Ndiyagodola kwaye ndilambile. Akukho apho ndingaya khona.”

Ucinga ukuba kufanele enze ntoni uMbovane? Kufanele imvumele ukuba angene okanye ingamvumeli? Ngoba?

UMbovane wayenobubele, wavuma ukuba uNtethe angene. Wampha ukutya. UMbovane wathi, “Inokuba ngoku uyasazi isizathu sokuba ndandisithi, qala wenze umsebenzi wakho, wandule ke uphumle.”

“Kwihlobo elizayo ndiya kwenza kanye loo nto,” watsho uNtethe. “Ndisifundile isifundo.”



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempela vekhi?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

Yabelana:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.).



IZANDI

Hlaziya izandi u-ndi no-nti

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 27

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-ny

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 26

10 imiz



UKUFUNDA

Ututshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Yintoni intsomi engezilwanyana? (libali elikufundisa into ethile)
- Zeziphi iintsomi ezingezilwanyana owakhe waziva?
- Nika injongo yokuphulaphula: Masijonge ukuba le intsomi iza kusifundisa ntoni.

Fundela abafundi isicwatshulwa

Emva kokufunda

- Yintoni le intsomi ibizama ukusifundisa yona?

NT

IPH 39

15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 28

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Izinambuzane ezisenzakalisayo okanye ezisincedayo

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngexesha wawusoyika ngalo isinambuzane.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ukuba yayisesiphi isinambuzane, kwaye kwakutheni uze usoyike.
- **Yabelana** neklasi

Funda nize nixoxe

- Fundani kunye iphepha leNYY.
- **Buza:** Ingaba izinambuzane zingoyikeka kwaye zibe luncendo ngaxeshanye?

IPH 29

30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Lungiselela

- Thetha ngolingano-macala kumabhabhathane – imilo kunye nepatheni yamaphiko, umzimba, iimpondo.
- Jonga umfanekiso webhabhathane okwiNYY ukubonisa oku.

Umsebenzi (peyinta)

- Goba isiqwenga sephepha eliyi-A4 embindini ngobubanzi.
- Sebenzisa icephe okanye


Umzobo webhabhathane

ikhuni lokubeka amathontsi amancinci eepeyinti zemibala eyahlukileyo kwicala elinye.

- Goba iphepha ukuze ipeyinti ibe ngaphakathi.
- Cinezela ngobunono iphepha ukwenzela ukuba amathontsi epeyinti agqume amacala omabini ephepha.
- Vula iphepha ulishiye ukuze lome.

Gcina kukhuselekile ukuze nigqibezele ngomso.

30 imiz



EZEMITHAMBO Isingeniso

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphinda ubalise ibali

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ngubani obesebebalini leMbovane kunye neNtethe?
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho ibali. Ngomso iqabane lakho liza kufumana elalo ithuba.
- **Yabelana:** Biza umfundi omnye okanye ababini babalisele iklasi ibali.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 30

10 imiz

UMHLA

Fakela izandi esishiyiweyo.

i ndl u	i anzi
i oko	i ovu
i ebe	i ela
i za a	i iziyo

30 • IVEKI YESI-2 • LWESIBINI



UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-U

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 26

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

Ukufunda notitshala

- Funda nokuba ngawaphi na amaphepha amabini ebali kunye nabafundi.
- Bonisa indlela yokufunda **ngotyibiliko nemvakalo** (qaphela iimpawu zokufunda, ubizo magama, imvakalelo, isantya esilungileyo).

Ukufunda ngababini

- Amaqabane afunda iphepha etshintshiselana, eziqhelanisa nokufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhambahamba eklasini, okanye usebenzise eli xesha njengexesha lokunceda umfundingamnye.

IPH 2-7

15 imiz

U Nombulelo nesinambuzane esibi

U Nombulelo wangena eklasini ecatha. Wayengawoneli ukungena ngaphakathi. Wayengawabonga kwisikola sakhe esitha esisedolophini. Wayekhumbula isikola sakhe esefana ebfundo kuso. Wayekhula nomkhulu wotho kulo foma. Kodwa ngoku wayesethala nonina edolophini.

Wayekhumbula abahlobo bakhe. Kwesi sikola sakhe sitha, abanye abantwana babemkhula. Babemhloka bembiza bawhi, "ntombi yasefama!" Babemhloka usidenge esingqirisa kuba ephuma ezifama. Akukho mtu wayedlala naye, kwaye loo nto yayimkhathaza kakuhlu.

2 • IVEKI YOKU-1



UKUBHALA

Ingqiqo

Funda nize nixoxe ngomsebenzi

- Cacisa ukuba lo msebenzi uza kuba neempendulo zomntu ngamnye (imibuzo **ngokuzimeleyo**).
- Abafundi basebenzisa awabo amagama (musa ukukopa ebalini).
- Wonke umntu uya kuzivakalisa ngokwahlukileyo kancinci (khumbula oku xa ujonga naxa ulungisa).

Bhala

- Gqibezela umsebenzi weNYY.

Jonga uze ulungise, uvumele iyantlukwano kwisishwankathelo sebali.

IPH 31

15 imiz

UMHLA

Ingqiqo

Funda ibali, U Nombulelo nesinambuzane esibi.

Ngokukhuluma/Ngokuzimela

Sebenzisa amakhono amazwi ukushekwathela ibali.

1. **Umlinganiselo:** Umlinganiselo oyintloka ngu- _____
2. **Izinto sentlalo:** Izinto sentlalo e- _____
3. **Izishwankathelo sebali:** _____

U Nombulelo wayengawabonga ngoba _____

Wabona _____ phantsi kwentloko kothatho.

Abanye abantwana babemkhula _____

Wayemesibini U Nombulelo, wothatho _____

Uthatho kunye nabantwana _____

IVEKI YESI-2 • LWESIBINI • 31

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Zizikhusela njani izinambuzane?*

IPH 32
30 imiz



Ndiyintoni?

- Phinda ujonge ukuba abafundi bazi ntoni ngezimbuzane eziluncedo neziyingozi.
- Ngababini abafundi bafunda iinkcazelo, baze bazitshatise nemifanekiso.

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 33
30 imiz



Umfanekiso webhabhathane (uyaqhubeka)

- Goba kwakhona amaphepha apeyintiweyo (ipeyinti yomile).
- Kwicala elingenanto zoba icala lemilo elula yebhabhathane.
- Sika emgceci.
- Vula iphepha uze wongeze iimpawu, umz. iimpondo, amehlo, njl. njl.

- Abafundi bacacisa ngolingano-macala lwebhabhathane labo.

30 imiz



Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphinda ubalise ibali

15 imiz

Cinga, Ngababini, yabelanani

- **Cinga:** Ngubani obesebebalini leMbovane kunye neNtethe?
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho ibali. Ngomso iqabane lakho liza kufumana elalo ithuba.
- **Yabelana:** Biza umfundi omnye okanye ababini babalisele ikhosi ibali.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.



IZANDI

Bhala izivakalisi

IPH 34

10 imiz

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

UMHLA

Bhala izivakalisi

Bhala izivakalisi ezikhayo ezi-5 ubucane, usebenzisa amagama akwikhosi. Ungasebenzise amagama ababini nangaphesuli kwivakalisi. Amagama owasebenzisileyo usebhale ngesitile enombala.

intona indaba intona isandla
indaba indlu inkakheza
intle intlungu

1 _____
2 _____
3 _____
4 _____
5 _____

34 - IVEKI YESI-2 - LWESITHATHU




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-*W*

IPH 26

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Ukuphonononga Isigama nolwimi

Isigama (NYY iphepha le-18)

- Funda oonotsheluzi beveki ephelileyo:

ukuhlelwa	inkangeleko	imikhwa	isifuba	isinge (isisu)
-----------	-------------	---------	---------	----------------

- Abafundi bajonga umsebenzi wesigama weNYY weveki ephelileyo, baze benze izilungiso.

Umsebenzi wezivakalisi (NYY iphepha lama-22)

- Bhala isivakalisi esichanekileyo ebhodini. Abafundi bayajonga.
- Abafundi bafundela iqabane izivakalisi zabo.

15 imiz

UMHLA

Isigama

ukuhlelwa inkangeleko
imikhwa isifuba isingqo

Tshatsha isigama nentsingiselo.

ukuhlelwa isingqo ephela ukuzama
inkangeleko igqela lezivakalisi
imikhwa isisu

UMHLA

Umsebenzi wezivakalisi

Gqibezela izivakalisi usebenzise amagama akwibizigeli.

1. Ukuhlelwa: Intsethe zombona _____ (zinambuzane, zi)

2. Inkangeleko: _____ zindaka _____ (Zona, ngebala)

3. _____ isityalo



UKUBHALA

Uhlanganiso nesiNgesi

Isigama

- Thetha ngendlela abizwa ngayo amagama oonotsheluzi ngesiNgesi.

Isivakalisi

- Xoxani ngendlela esivakaliswa ngaso isivakalisi ngesiNgesi.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi weNYY.
- Jongani nize nikorekise niyiklasi.

IPH 35

15 imiz

UMHLA

Isigama nolwimi

Gqibezela ithayibhile.

appearance	habits	classification
Isigama	Intsingiselo	Isigama lesiNgesi
ukuhlelwa	igqela lezivakalisi ezineempawu ezilungileyo	
inkangeleko	Indlela ekhangela ngayo	
imikhwa	Isinto ephela ukuzama	

Funda izivakalisi.


Ukuhlelwa: Intsethe zombona zininambuzane.
Inkangeleko: Zininambuzane zindaka.
Imikhwa: Ziya isityalo nezivakalisi.

Bhala izivakalisi esingqo kwezi zingqo ngesiNgesi.

IVEKI YESI-2 - LWESITHATHU - 35

IPH 36

30 imiz



IPH 37
30 imiz



25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Indlela obona ngayo

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- UMbovane kunye noNtethe banezimvo ezahlukileyo malunga nokwenzekileyo. Nika imizekelo yezinto abanokuzithetha.
- **Cinga:** UMbovane/uNtethe angathini ngale nto yenzekileyo?

- Umfundi ngamnye uxelela iqabane ukuba kwenzeke ntoni ngokwembono yeMbovane. Iqabane lichaza into eyenzekileyo ngokwembono yeNtethe.
- **Yabelana** neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ngokukhawuleza wezandi ezifundiswe kwibanga lesi-2.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-15

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 26

10 imiz



UMHLA

IPH 38
10 imiz

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

5 zintlanu intloko indlovu intlobo indlanathi indlu

1. Utiliza utshi yakhe ibuhlungu.

2. Ekhaya kwakhiwe enkulu.

3. Umama utshi ayisindwa ngumbaka wayo.

4. Abantwana badlala nge elwandle.

5. Nalibone kumzi weziwanganayo.

6. Inkomo zasekhaya zizonke.

38 • IVEKI YESI-2 • LWESINE



UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ukufunda ngababini

- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa benikana mathuba.
- Beka ixesha lokufunda (1 umz ngamnye). Bhala inani lemigca efundiweyo.
- Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulela kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufunda emakhaya.

IPH 39

15 imiz

UMHLA

IPH 39
15 imiz

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda aku kabini. Mangaphi amagama awafundileyo?

UNombulelo wangena eklasini ngokucutha. Wayengangweneli ukungena ngaphakathi. Wayengawabanga kwisikolo sakhe esitsha esisedolophini.

Wayekhumbula isikolo sakhe sasefama ebefunda kuso. Wayehlala nomkhulu wakhe kuloo fama. Kodwa ngoku wayehlala nonina edolophini.

Wayebakhumbula abahlobo bakhe. Kwesi sikolo sakhe sitsha, abanye abantwana babemqhuba. Kungekho namnye odlala naye, kwaye loo nto yayimkhathaza kakhulu.

	1	2
Inani lamagama endiwafundileyo.		
Inani lamagama andingawazanga.		

IVEKI YESI-2 • LWESINE • 39



UKUBHALA NOTITSHALA

Ukubhala ingxelo yolwazi

- da ufunde ingxelo yolwazi malunga neentethe zombona.
- Xoxa ngezihloko, uchaze izihlokwana. Bonisa iimpawu zokubhala noyilo.
- Kunye nabafundi, gqibezelani ingxelo yolwazi ebhodini.
- Khetha abafundi abaza kufunda isivakalisi kwisicatshulwa zabo solwazi (zeveki ephelileyo), bachaze ukuba zingena phantsi kwesiphi isihlokwana.
- **Iimpawu:** Umgca omtsha kwisihlokwana ngasinye, ikholoni, krwela umgca ngaphantsi kwesihloko, ixesha langoku, amanqaku ayinyani kuphela.

15 imiz


Ingxelo yolwazi

(Isihloko)

Ukuhlelwa:

Inkangeleko:

Imikhwa:





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Izinambuzane ezihlala zingamaqela*

IPH 40
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-11)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa oonotsheluzi abathathu belwimi ezimbini zegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

ziluncedo

1. Zonke izinambuzane ziluncedo.
2. Ezinye izinambuzane ziyasinceda ezinye ziyasenzakalisa.
3. Izinambuzane zisinceda ngokuchumisa ngomungu izityalo.

ziyingozi

1. Zonke izinambuzane ziyingozi.
2. Ezinye izinambuzane ziyasinceda ezinye ziyasenzakalisa.
3. Iintethe ziyasenzakalisa xa zisitya izityalo zethu.

ziyazikhusela

1. Ezinye izinambuzane zizikhusela ngokuzifihla (ikhamaflaji).
2. Ezinye izinambuzane zizikhusela ngokuhlaba.
3. Zonke izinambuzane zizikhusela ngokuhlaba.

Uhlanganiso nesiNgesi: *helpful, harmful, protect*



EZOBUGCISA BEQONGA

Isingeniso

- Mamelo umculo okhethiweyo.

Amaqela

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane.
- Iqela ngalinye lithetha ngomdaniso olula nangokuziqhelanisa nayo.

Linganisa

- Iqela ngalinye lidanisela umculo benikana amathuba.

Ukushukumela umculo

Vavanya

- Khuthaza ukuba abafundi banike ingxelo ekhuthazayo kwabanye xa begqiba ukulinganisa.
- Phawula ngentshukumo nokuhambelana nomculo, ukubamba isingqi esizinzileyo kunye nokutolika komculo.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngezinambuzane ozoyikayo (njengenyosi). Njengokuba usazi ngakumbi/banzi ngazo, usazoyika?
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Cinga uze wabelane:** Yintoni oza kuyenza ngokwahlukileyo xa ubona isinambuzane?

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

Amagama: **inqwelo** no-**utywantsi**Isivakalisi: **Ukhweliswe kwinqwelo yezigulana elutywantsi kukubethwa.**

IPH 41

10 imiz

Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.					
gho	eliwandle	uluhtu	yakha	ndifuna	
udonga	amagama	tsho	ingxolo	ukutya	
abahlaba	chaba	zonke	yonke	ukwenza	
umfanekiso	intsha	ngemva	chatha	badwa	
itshtishi	inabha	udinwe	itsizi	ubusuku	
inkwenkwe	indlovu	ghezulu	iyatsha	ukwini	
waganda	bona	ihlati	rhaga	kokuba	
esikalweni	chaza	khuma	ngemva	ngaphaya	

Amagama awafunde ngokuchanekileyo: _____

IVEKI YESI-2 • LWESIHLANU • 41



UKUBHALA NGESANDLA

Ukudibanisa oonobumba abakhulu

y u w v

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 26

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngesicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha oluyinyani olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA EYEDWA

Ingxelo yolwazi ngomntanezulu

- Cima ulwazi kwingxelo yokufunda notitshala.
- Abafundi babhala eyabo ingxelo yolwazi ngomntanezulu, bekhetha ulwazi abaza lufaka.
- **Khangela:** Ukuba kusetyenziswe uyilo olufanelekileyo neempawu zokubhala, ukuqonda imixholwana, ixesha langoku.

15 imiz

Ingxelo yolwazi
Isihloko:
Umntanezulu
Ukuhlelwa:
(isivakalisi esi-1)
Inkangeleko:
(izivakalisi ezi-2)
Imikhwa:
(izivakalisi ezi-2)



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Izinambuzane ezityiwayo*

IPH 42
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha encwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lama-21, Izinambuzane, iphepha lama-45.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1, iphepha le-109.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncdo.**
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki, ndazibona izifundo endingazigqibanga.**
- **ndiyijongisisile incwadi yam, ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.**

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.**
- **Lokufundisa umfundi ngamnye, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.**

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-3



Imijikelo yobomi

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda izigaba zokukhula, baze bazobe umzobo womjikelo wobomi.
- Kuqonda ukuba zonke izinto eziphilayo zinexesha lokuphila.
- Kukhumbula ukubaluleka/injongo yazo zonke izidalwa eziphilayo.
- Kufunda ibali kunye nengxelo yolwazi esekelwe emaseleni.
- Kuqonda imixholo yokuhlela kunye neenkcazelo.
- Kuphanda baze babhale amanqaku ayinyani malunga nesilwanyana okanye isinambuzane.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

Isigama solwimi	unojubalala	umnqa	iamfibhiyeni	ukunyamalala	incangathi
Isigama seZakhono zoBomi	umbungu	uphunguphungu/iqokobhe		ibhabhathane	
	caterpillar	pupa		butterfly	

Isivakalisi

Ukuhlelwa: Amasele ziamfibhiyeni. Iamfibhiyeni liqela lezilwanyana eziphila phakathi emanzini nasemhlabeni.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha le-A4, iipensile eziloliweyo neerabga zezobuGcisa obubonwayo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekiske: Isigama (Lwesithathu); Izivakalisi (Lwesine); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)


Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu); Ukubhala (amanqaku ayinyani); Ukubhala ngesandla; Ingqiqo, Umsebenzi wesigama nolwini, Amaphepha oLwazi olusisiseko.

Imijikelo yobomi

Esi sicatshulwa siyintshayelelo kumxholo weZakhono zoBomi wemiyobomi. Utitshala uyasifunda ngoMvulo (Jonga iNT, iphepha lama-51). Sithungelana nemifanekiso yesifundo sangoMvulo soLwazi olusisiseko okwiNYY, iphepha lama-53.

Zonke izinto eziphilayo zinomjikelo wobomi. Ziqala ngendlela ethile zize zitshintshe. Ngamanye amaxesha zikhula zibenkulu. Kodwa ngamanye amaxesha ziyatshintsha. Umjikelo wobomi uchaza izigaba edlula kuzo into ephilayo kubomi bayo.

Yonke imijikelo yobomi bezilwanyana iqala ekuzalweni, iqala incinane, ikhule ibe nkulu, ibe ndala ide iguge.




Cinga ngawe – wawumngakanani ngesiqu ukuzalwa kwakho? Ngoku ungakanani? Ucinga ukuba uya kuba mngakanani xa umdala? Ingaba useza kukhangeleka njengomntu onomzimba, intloko, iingalo nemilenze? Ewe, xa abantu nezinye izilwanyana ezanyisayo zizalwa, zibanenkangeleko ezizakuba yiyo xa sele zikhulile. Kumjikelo wobomi bazo ziyakhula kwaye zikwazi ukwenza izinto ezininzi.

Kodwa ezinye izidalwa, ezifana namabhabhathane namasele, ziqala zibe ngamaqanda zize zidlule kwizigaba ezininzi ngaphambi kokuba zibe ndala. Xa ziqala ukuphuma eqandeni, azifani nendlela eziza kujongeka ngayo xa zindala.

Ibhabhathane liqala libe ngumbungu, emva koko, libe nguphunguphungu phambi kokuba libe libhabhathane elidala.

Isele liqala libe ngunjubalala ngaphambi kokuba likhule imilenze, lize ekugqibeleni liphume emanzini njengesele esele likhulile.

Iintaka nazo ziqala zibe ngamaqanda. Intaka ikhula phakathi kweqanda, le ntaka iyakhula ize ekugqibeleni iqanduselwe ibe lintshontsho lentaka. Idinga abazali bayo bayondle ide ibe nkulu ngokwaneleyo ukuba ingabhabha.



Izityalo nazo zinemijikelo yobomi. Zonke izityalo ziqala ngembewu. Imbewu iqala intshule iingcambu, ize emva koko ikhule amagqabi. Ekugqibeleni isityalo siyakhula sibe sikhulu size sivelise iintyatyambo kunye nembewu. Imbewu entsha ikhula ibe zizityalo ezitsha.

Imijikelo yobomi iyaziphindaphinda. Eminye imijikelo yobomi mifutshane kakhulu, ize eminye ibe mide kakhulu. Eminye imithi iphila kangamawaka eminyaka. Ezinye izinambuzane ziphila iiyure ezimbalwa kuphela. Kodwa zonke izidalwa eziphilayo ziyakhula kwaye ziyatshintsha.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

Yabelana:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo njl. njl.).



IZANDI

Hlaziya izandi u-ncw no-ndw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 51

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-n

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 50

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

NT
IPH 51

15 imiz

Phambi kokufunda

- Usakhumbula ngokuya sasisenza ulandelelwano lwamaxesha? Sikhumbule indlela esikhule ngayo.
- Nika injongo yokuphulaphula: Mamela ukuze ufamanise indlela ezikhula ngayo izidalwa eziphilayo.

Fundela abafundi isicwatshulwa

Emva kokufunda

- Ingaba zonke izinto eziphilayo zinomjikelo wobomi?
- Uqala njani umjikelo wobomi bomntu? Uphele njani?
- Chaza izidalwa ezintathu eziqala umjikelo wobomi bazo ngamaqanda.
- Izityalo ziwuqala njani umjikelo wobomi bazo?
- Ingaba yonke imijikelo yobomi ithatha ixesha elilinganayo?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengolwimi lokuqala olongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 52
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Imijikelo yobomi


Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngemijikelo yobomi?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngemijikelo yobomi kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bazikhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

IPH 53
30 imiz



EZOBUGCIA OBUBONWAYO

Iziko lemiboniso yezobugcisa: Umzobo wendalo

Malunga nomzobo

Imizobo yendalo iyimixube yenzululwazi nobugcisa. Igcisa liqwalaselisisa indalo lize lizame ukuzoba kanye oko likubonayo. Le mifanekiso inenkangeleko yokwenyani.

Lo mzobo wendalo womjikelo wobomi bombungu wapeyintwa ngowe-1700 ngumfazi waseSwitzerland, uMaria Sybilla Merian. Ngelixa wayeneminyaka eli-13 ubudala, wayegcina imibungu yesilika, waza waba nomdla kumjikelo wobomi bayo. Iminyaka emininzi wafunda imijikelo yobomi bemibungu namabhabhathane, waze wenza imizobo yazo zonke izigaba. Kamva, imizobo yakhe yapapashwa ezincwadini. Umntu othile wambiza ngokuba, "Ngumfazi owenza inzululwazi ibe ntle".

Ngababini

- Jongisisa umzobo.
- Phendula imibizo ekwiNYY.

Ingxoxo yeklasi

- Yintoni umzobo wendalo?
- Jonga iinkcukacha kwizityalo nakwizidalwa. Ingaba zikhangeleka njengezokwenyani?
- Kule mihla abantu bathatha ifoto kunokuba bazobe nokuba baipayinte umfanekiso ngolu hlobo. Ukhetha eyiphi? Ngoba?

IPH 54
30 imiz



EZEMITHAMBO

Isingeniso

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukukhula

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Kwikota edlulileyo sithethe malunga nokukhula. Ngowuphi umahluko phakathi kosana nomntwana ohamba isikolo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ukuba ungamnceda njani umntwana ofikayo esikolweni sakho.
- **Yabelana** neklasi.
- Bhala encwadini yakho oko ukuqwalaseleyo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 55

10 imiz



IVEKI YESI-3 • LWESIBINI • 55



UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-M

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 50

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

IPH 44-49

15 imiz

Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane isihloko: Yintoni umnqa?
- Jongani umfanekiso wokuqala kunye (Musa ukutyhila iphepha). Iphi **imo yentlalo** yeli bali? (*edamini*). Ziintoni ezi zidalwa? (*oonojubalala*).

Ukufunda notitshala

- Funda ibali **kunye** nabafundi.
- Bonisa indlela oonojubalala abatshintsha ngayo emfanekisweni (*ayichazwanga ebalini*).
- Funda amaqamza entetho ngamazwi ohlukileyo.
- Emva kwebali, funda **ingxelo yolwazi** ngamasele kunye nabafundi.



44 • IVEKI YESI-3



UKUBHALA

Ingqiqo

IPH 56

15 imiz

Funda nize nixoxe ngemibuzo

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekise.



56 • IVEKI YESI-3 • LWESIBINI



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Isilwanyana esiphila ixesha elide: Ufudo*

IPH 57
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Funda nize nixoxe

- Chonga izigaba ezahlukeyo zomjikelo wobomi bebhhabhathane.
- Yazisa isigama esitsha: umjikelo wobomi, umbungu, ukuwa isikhumba, uphunguphungu/iqokobhe, ukuqandusela.
- Bonisa umhlathi: umhlathi ngamnye uthetha ngesigaba esahlukeyo somjikelo wobomi.

Umjikelo wobomi bebhhabhathane

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba umntwana wombungu uyafana nomama wakhe? Amabhabhathane atshintsha njani kumjikelo wobomi bawo?
- **Ngababini:** Cacisela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 58
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba igqabi

Lungisa


- Yiza neendidi zamagqabi (iziphelo ezigudileyo, iziphelo ezifana nesarha, iimilo ezahlukeyo, imibala eyahlukeyo, njl. njl.).
- Nika iqela ngalinye igqabi elinye.
- Xelela abafundi baqwalaselisise igqabi (ukumila, umbala, imithambo, iimpawu okanye imingxuma, isiphelo).

Umsebenzi (ipensile ephepheni)

- Abafundi bazoba amagqabi abo, bongeze zonke iinkcukacha abazibonayo.
- Lijonga jongo igqabi njengoko ulizoba.

Gcine izinto zikhuselekile, uza kugqibezela kwiveki ezayo.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ingxoxo
ngophando

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Sifunda izinto ezintsha ezininzi esikolweni kodwa zikhona nezo singazifundi ngaphandle kwesikolo..
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho malunga nendlela onokufumana ngakumbi ngayo ngesilwanyana obunomdla kuso

- (umzekelo, ukubuza abantu abadala, ukuphanda kwi-intanethi, ukujonga isilwanyana, iincwadi zethala leencwadi, njl. njl.)
- **Yabelana** neklasi. (Titshala *ungabhala ezinye iimbono.*)
 - Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqapheleyo.



IZANDI

Hlaziya izandi u-ncw no-ndw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 59

10 imiz

UMHLA

Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.

indibongela intlekisa iindwendwe uyancwina uncwala undwebile indlu

1. Kukho _____ eziza kusindwendwe apha ekhaya.
2. Undwebile umntwana wokubaBathandwa.
3. UNcwala _____ ipanga ngemela.
4. UKen wenza _____ ngabanye bade babeneentloni.
5. Isisu sikasisi sibuhlungu, ude zintlungu.
6. Indlela enkulu ngayo _____ yokuBathandwa.

IVEKI YESI-3 • LWESITHATHU • 59




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-B

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 50

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi:

unobjubalala	umnqa	iamfibhiyeni	ukunyamalala	incangathi
--------------	-------	--------------	--------------	------------

Ukufunda notitshala

- Funda iphepha lama-44 ukuya kwelama-49 **kunye** nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Abafundi bajonga isigama kwisicatshilwa esikwiNYY njengoko ufunda. Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama elitsha ngalinye okanye balibiyele.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokokulandelelana kwealfabhethi.

IPH 44-49

15 imiz

UMHLA

Umnqa wokunyamalala koonjubalala

Mala bhulani! Mlamani bhulani!

Uzibi wayengubhalala. Wayenobhuti noasisi obangapheshe kweshulu obangengubhalala! Wayengayena amncinci, kwaye engayena mncinane ngesiqo. Uasipho loonjubalala leedhala emanzini aphilileyo nanzulu echibi. Babekwazi ukubona ukukhangela kwegama phezu kude behlala phantsi kwamanzi.

Uzibi wayikwazibela kakhulu ukudada nobhuti kunye noasisi bakhe phakathi kwesityalo zasemanzini. Kwakukho ukutya okuninzi, wayelala phezu kwegqabi kunye nobhuti bakhe obangama-20.

44 • IVEKI YESI-3



UKUBHALA

Isigama

IOrali

- Jonga umsebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala ekwiNYY. Jonga uze ukorekise.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Bonisa oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.

IPH 60

15 imiz

UMHLA

Isigama

unobjubalala ukunyamalala umnqa incangathi

Tatshisa isigama nentsingiselo.

ukunyamalala	umntwana weselo
unobjubalala	ihlala emanzini nasemhlabeni
umnqa	ukudaka
iamfibhiyeni	incangathi oku ngathi yifu
incangathi	kuncima ukuyiganda

Bhala amagama ukugqibezela itheyhule.

Isigama	Oonobumba	Amalungu
unp	u n p	
unp	u n p	
unp	u n p	
unp	u n p	

60 • IVEKI YESI-3 • LWESITHATHU



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Isilwanyana esiphila ixesha elide: Umnenga*

IPH 61
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Zoba umjikelo wobomi


Funda nize nixoxe

- Phinda ufunde isicatshulwa solwazi kwiphepha lama-49 leNYY.
- Funda izivakalisi ezisembindini womjikelo wobomi.
- Ucinga ukuba ungazoba ntoni kwisangqa ngasinye?

Ukubhala notitshala

- Nceda abafundi bazobe imifanekiso ukugqibezela umzobo womjikelo wobomi.

IPH 62
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Ziqhelanise nengoma yokufowuna nokuphendula

Lungisa

- Khetha ingoma eyaziwayo yaseMzantsi Afrika efuna ukuba umntu afowune ze omnye aphenhule.
- Bhala amagama ebhodini okanye kwitshati.

Yenza

- Fundisa abafundi amazwi kunye nethoni yengoma.
- Yicule amatyeli amaninzi bade abafundi bazithembe,

kwaye bakwazi ukuzicula zombini ezindawo (ukufowuna nokuphendula).

Xoxani

- Buza abafundi ukuba yeyiphi indawo abathanda ukuyicula kakhulu (ukufowuna okanye ukuphendula).
- Xelela abafundi ukuba baqhubeke nokuziqhelisa le ngoma nabahlobo babo ngexesha lekhefu.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izipitshi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezipitshi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ingxoxo ngophando

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Sesiphi isilwanyana ongathanda ukwazi ngokubanzi ngaso? Ngoba?
- **Ngababini:** Xoxani ngeembono zakho neqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi. (Utitshala angabhala ezinye iimbono.)

- **Cacisa:** Umfundi ngamnye kufuneka akhethe isilwanyana afunde ngokubanzi ngaso. Baza kufumana ithuba lokwabelana neklasi ngento abayifumanisileyo kwiveki ezayo.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqwalaseleyo.



IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ngokukhawuleza wezandi ezifundiswe kwibanga lesi-2.
- Abafundi baqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 63

10 imiz

UMHLA

Bhala izivakalisi ngomfanekiso ngamnye.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Isilwanyana esiphila ixesha elifutshane: Impukane yeziqhamo*

IPH 65
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

- Itshati yeYFF (iphepha lama-53)**
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ukuphonononga umxholo

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzi weelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

30 imiz

Umbungu

1. Umbungu uqanduselwa emaqandeni.
2. Imibungu iyatshintsha ibe ngoonjubaalala.
3. Umbungu uwa isikhumba xa umkhulu kakhulu.

Uphunguphunu/Iqokobhe

1. Uphunguphunu sisigaba sokugqibela somjikelo wobomi bebhathathane.
2. Umbungu utshintsha ngaphakathi kuphunguphunu.
3. Ibhathathane liphuma kuphunguphunu.

Ibhathathane

1. Amabhathathane abekela amaqanda emagqabini.
2. Ibhathathane liphuma eqokobheni phantsi kwamanzi.
3. Amabhathathane nemibungu yiyinxalenye yomjikelo wobomi omnye.

Uhlanganiso nesiNgesi: *caterpillar* (umbungu), *pupa* (uphunguphunu/iqokobhe), *butterfly* (ibhathathane)



EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa ingoma yokufowuna nokuphendula

Lungisa

- Hlaziya amazwi engoma yosuku olungaphambili.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amabini – elinye liza kufowuna, elinye liphendule.

Linganisa

- Yicule ingoma kabini ubuncinane – vumela amaqela atshintshiselane ngokufowuna nokuphendula.

Vavanya

- Ingaba amazwi nethoni bezicacile?
- Ingaba abafundi “ebebefowuna” bakhokele?
- Ubuyonwabele ingoma?

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enye ibinika umdla oyifundileyo ngezilwanyana kule veki.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Yintoni oyenze kakuhle kule veki? Yintoni oza kuyenza ngokwahlukileyo kwiveki ezayo?

15 imiz



IZANDI

Amagama afundwa ngexesha elibekiweyo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

IPH 66

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA


Ukudibanisa oonobumba abakhulu

N M B R

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 50

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklassi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngesicatshulwa

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela.. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA EYEDWA

Ukubhala amanqaku ayinyani

Xoxani

- Kwiveki ephelileyo sibhale ngamanqakuayinyani, salandela ngengxelo yolwazi ngomntanezulu.
- Kule veki siza kubhala amanqaku ayinyani ngesinye isilwanyana.
- Ingaba liphela (NYY, iphepha 25) okanye ukhethe nokuba sesiphi isilwanyana.
- **Khangela:** Amanqaku ayinyani anika umdla.

15 imiz

Amanqaku ayinyani malunga (iphela)

1. Lingaphila ngaphandle kwentloko.

2. _____

3. _____

4. _____



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Intyatyambo ephila ixesha elifutshane: INyibiba yosuku*

IPH 67

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lomsebenzi 25, iphepha lama-50 nelama-51.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-113.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:



- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncdo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-4



Imijikelo yobomi

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ibali ngokwezahluko malunga nomjikelo wobomi bentaka.
- Kufunda baze bathelekise imijikelo yobomi bamafudo, bamasele kunye nobeenkukhu.
- Kuxoxa ngeziphumo zophando.
- Kubhala ingxelo yolwazi ngesilwanyana abasikhethileyo.
- Kumamela, baze babalise kwakhona, ibali eliyintsomi malunga nesele.
- Kuqalisa ukuqonda isakhiwo sebali kunye nezishwankathelo.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

Isigama solwimi	unojubalala	umnqa	iamfibhiyeni	ukunyamalala	incangathi
Isigama seZakhono zoBomi	isele	unojubalala	iziphunga		
	frog	tadpole	lungs		

Isivakalisi

Ukuhlelwa: Amasele ziamfibhiyeni. Iamfibhiyeni liqela lezilwanyana eziphila phakathi emanzini nasemhlabeni.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha eliyi-A4, iipensile, iikoki neekhrayoni zezobuGcisa obubonwayo
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo
- Iincwadi zokubhalela zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Umsebenzi wesigama nolwimi (Lwesithathu); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ubizelo, ingqiqo, umsebenzi wolwazi olusisiseko wokuziqhelanisa notyibiliko

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni

Lwesihlanu	Ukubhala Uvavanyo 1: Ingxelo yolwazi	OWENZIWAYO	NT iph 72
------------	--------------------------------------	------------	-----------

Intsomi: Inkosazana nesele

Kwayekukho inkosazana eyayihlala ebhotwe noyise, ukumkani. Wayengenabantakwabo noodade wabo ano kudlala nabo, ngoko ke, uyise wamnika ibhola yegolide.

Ngenye imini yathi isadlala ngebhola yayo yegolide yasuka yaqengqeleka yangena echibini. Inkosazana yayiyibona ibhola emanzini anzulu kodwa yayingakwazi ukuyikhupha.

Kwathi kanye ngelo xesha isele elincinane eliluhlaza latsibela ngaphandle emanzini lathi, "Ndingakukhuphela ibhola yakho yegolide. Kodwa kuqala kufuneka undithembise."

"Ndingenza nantoni na ukuze ndiyifumane ibhola yam," yatsho inkosazana.

Isele lathi, "Ndililolo. Ndingathanda ukuza kudla isidlo sangokuhlwa ebhotwe. Ukuba uyandithembisa ukuba ndingeza, ndiza kuntywila echibini ndize ndikhuphe ibhola yakho yegolide."

Inkosazana yathembisa, laze ke isele lantwila emanzini laza layifumana ibhola.

Inkosazana ayizange isilibale isithembiso sayo. Lathi lakufika ixesha lokubuyela ebhotwe, walithatha isele elincinane, wangena ngaphakathi nalo. Walibeka etafileni ecaleni kwepleyiti yakhe.



Uukumkani, wamangaliswa, "Sikhuphele phandle eso sidalwa," watsho.

Kodwa ke inkosazana yachaza, "Ndenze isithembiso tata." Yatsho ichaza isithembiso sayo.

Ekubeni evile ukumkani, wathi ngobubele, "Wamkelekile sele elincinane."

Isele labelana ngesidlo sabo sangokuhlwa. Kungekudala esi sithathu sasincokola sihleka kunye sonwabile. Inkosazana yalibala ukuba isidalwa esincinci yayilisele, yaqalisa ukulithatha njengomhlobo wakhe. Sakuba sigqityiwe isidlo sangokuhlwa, yamema isele ukuba lize kutya isidlo sangokuhlwa kwakhona.

Ngequbuliso, phambi kwamehlo akhe, kwenzeka umlingo. Isele lajika laba ngumfana.

Lo mfana waye wathetha wathi, "Uwasusile amazwi othakatho. 'Ndaguqulelwa ndaba lisele ngamazwi othakatho. Loo mazwi othakatho ebengasuswa ngokuthi umntu abengumhlobo wam."

Ngoko ke, umfana nenkosazana baba ngabahlobo banaphakade.



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempelaveki?
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

Yabelana:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.).



IZANDI

Hlaziya izandi u-ntw no-thw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 69

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-H

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 68

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

NT

IPH 63

15 imiz


Phambi kokufunda

- Yintoni inkosazana?
- Yintoni intsomi? (ibali elinomlingo elimalunga nabantu neendawo ezisekelwe kumfanekiso – ngqondweni)
 - Nika injongo yokuphulaphula: Le intsomi imalunga nenkosazana nesele! Makhe sijonge ukuba yintoni abafana ngayo aba babini.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda


- Ngabaphi abantu abathathu ababesebalini?
- Lenzeka phi ibali?
- Ingaba inkosazana yasigcina isithembiso sayo? Ikuxelela ntoni loo nto ngayo?
- Laphela njani ibali?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengolwimi lokuqala olongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 70

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Umjikelo wobomi besele

Funda nize nixoxe

- Hlaziya umjikelo wobomi bebhathathane.
- Fundani kunye iphepha leNYY.
- Thetha ngesigaba ngasinye somjikelo wobomi besele.
- Gxininisa isigama esitsha.

Cinga, Ngababini, Yabelanani


- **Cinga:** Ingaba oku kunxulumana njani nebali elithi, **Umnqa wokunyamalala koonojubalala?**
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 71

30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Faka igqabi lakho umbala

Umsebenzi (ipensile akanye iikoki neekhrayoni okanye ipeyinti)

- Jonga umfanekiso okwiNYY kwiphepha lama-54 kwakhona.
- Qaphela imigca emincinci kumagqabi kunye nevivingane elongeza uburhabaxa kumzobo.
- Abafundi bongeza uburhabaxa kumzobo wabo wamagqabi ngokuzoba imigca emihle ngepensile okanye ngekoki.
- Abafundi bafaka umbala kumfanekiso besebenzisa ipeyinti okanye iikhrayoni.

Gcina izinto zikhuselekile ukuze ugqibezele ngomso.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Isingeniso

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphinda ubalise ibali

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ngobani abalinganiswa kwibali elifundwa ngokuvakalayo?
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho ibali. Yima apho isele lisiya ebhotwe uyekele kwiqabane lakho ligqibezele ibali.
- **Yabelana:** Biza umfundi omnye okanye ababini babalisele ikhosi ibali.

- **Khumbuza ikhosi:** Kwiveki iphelileyo nifunde ngakumbi malunga nesilwanyana enisikhethileyo. Ngomso nango Lwesine ningabelana ngenikufundileyo.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqwalaseleyo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

IPH 72

10 imiz

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

IPH 68

10 imiz

Unobumba omkhulu u-K

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

IPH 44-49

15 imiz

Ukufunda notitshala

- Funda nokuba ngawaphi na amaphepha amabini ebali kunye nabafundi.
- Bonisa indlela yokufunda **ngotyibiliko nemvakalelo** (qaphela iimpawu zokufunda, ubizo magama, imvakalelo, isantya esilungileyo).

Ukufunda ngababini

- Amaqabane afunda iphepha etshintshiselana eziqhelanisa

- nokufunda ngotyibiliko nangemvakalozwi.
- Abafundi mabatshintshe amazwi abo xa oonjuba bethetha ebalini (emaqamzeni entetho)
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhambahamba ekilasini okanye usebenzise eli xesha njengexesha lokunceda umfundi ngamnye.



UKUBHALA

Ingqiqo

IPH 73

15 imiz

Funda nize nixoxe ngomsebenzi

- Cacisa ukuba lo msebenzi uza kuba neempendulo zomntu ngamnye (imibuzo **ngokuzimeleyo**).
- Abafundi basebenzisa awabo amagama (musa ukukopa ebalini).
- Wonke umntu uya kuzivakalisa ngokwahlukileyo kancinci.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ulungise, uvumele iyyantlukwano kwisishwankathelo sebali.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Isahluko 1: Amaqanda azuba

IPH 74
30 imiz

UMHLA

Amaqanda azuba (Isahluko 1)

Nyaphambili, endle ekhaya, kwakho umthi onomoya. Isigaba somthi kwakulula umoya. Emagangeni ngoko kwakulula indawo efukumalekayo, ayandlovu ngamagangeni. Kule indawo kwakulula amaganda amane amahle aluhlaza naba ayikho umbala kancinci abomile.

Kwathi ka, amva kwengqondo, kwenzeka into echulumancinyo. Amaganda aqaliso ukungqeka!

1. Licinga ukuba yintoni eza kugqibezela kula maganda?

2. Yintoni enye oyibonayo emthini?

74 • IYEKI YESI-4 • LWESIBINI



ULWAZI OLUSISISEKO

Funda nize nixoxe

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Chaza izigaba zomjikelo wobomi besele?
- **Ngababini:** Cacisela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Bhala

- Cqibezela itheyibhile ngokubhala isivakalisi esinye okanye ezibini kwisigaba ngasinye somjikelo wobomi. Nika isigama esongezelelweyo ukuba kuyimfuneko.

Bhala isicatshulwa solwazi

IPH 75
30 imiz

UMHLA

Bhala isicatshulwa solwazi.

Izihloko	Umgqibezela wobomi besele
Isingeniso	
Isigaba 1	
Isigaba 2	
Isigaba 3	
Isigaba 4	

IYEKI YESI-4 • LWESIBINI • 75



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Cqibezela imizobo yeqqabi

Bonisa nize nixoxe

- Abafundi bacacisa ukuba amagqabi abo ahluke njani ngokumila.
- Bachaza indlela abongeze ngayo uburhabaxa ngokuzoba imigca ebhityileyo neminye imibala engacacanga.

Zoba igqabi (kuyaqhubeka)

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Ukwabelana ngophando lwethu

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Kwiveki ephelileyo besithetha ngezilwanyana esinqwenela ukufunda ngakumbi ngazo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ufunde ntoni. Chaza indlela oyifunde ngayo lo nto. (ukufunda, ukubuza ukuqwalasela, njl. njl.).
- **Yabelana:** Biza umfundi omnye okanye ababini baxebele iklassi ngento abayifundileyo, baze bachaze ukuba bayifunde njani.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqwalaseleyo.



IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 76

10 imiz

UMHLA

Bhala izivakalisi

Bhala izivakalisi ezikhisayo ezi-5 ubuncinane, usebenzisa amagama akwibhale. Ungasebenzisa amagama ababini nangaphezu kwizivakalisi. Amagama owasebenzisileyo uwabhale ngepensile enombala.

intwala	thwala	intwala
umntwana	thwala	indlathi
unantolantol		indlathi

1 _____

2 _____

3 _____

4 _____

5 _____

76 • IVEKI YESI-4 • LWESITHATHU




UKUBHALA NGESANDLA

IPH 68

10 imiz

Unobumba omkhulu u-*l*

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



UKUFUNDA

Ukuphonononga Isigama nolwimi

Isigama (NYY iphepha lama-60)

- Funda oonotsheluzi beveki ephelileyo:

unobjubalala	umnqa	iamfibhiyeni	ukunyamalala	incangathi
--------------	-------	--------------	--------------	------------

- Abafundi bajonga umsebenzi wesigama weNYY weveki ephelileyo, baze balungise.

Umsebenzi wezivakalisi (NYY iphepha lama-64)

- Bhala izivakalisi esichanekileyo ebhodini. Abafundi bayajonga.
- Abafundi bafundelana iqabane izivakalisi zabo.

15 imiz

UMHLA

Isigama

unobjubalala umnqa iamfibhiyeni ukunyamalala incangathi

Tshatsha isigama nentsingiselo.

unobjubalala umntwana unobjubalala umntwana unobjubalala

Ukubhalela: Amasela zii _____ . Ligela le _____ .

nase _____ .

Khethe esinye isilwanyana oza kubhala ngaso. Sebenzisa ulwazi olukwizibhale.

UMHLA

Umsebenzi wezivakalisi

Gqibezela izivakalisi usebenzisa la magama.

silwanyana amfibhiyeni phakathi embilabeni

Ukubhalela: Amasela zii _____ . Ligela le _____ .

nase _____ .

Khethe esinye isilwanyana oza kubhala ngaso. Sebenzisa ulwazi olukwizibhale.



UKUBHALA

Uhlanganiso nesiNgesi

Isigama

- Thetha ngendlela abizwa ngayo amagama oonotsheluzi ngesiNgesi.

Isivakalisi

- Xoxani ngendlela esivakaliswa ngayo isivakalisi ngesiNgesi.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.
- Jongani umsebenzi nize niwukorekiske niyiklassi.

IPH 77

15 imiz

UMHLA

Isigama nolwimi

Gqibezela izibhale.

Isigama	Intsingiselo	Isigama lesiNgesi
ukukula, ukungabawo	disappearing	
umntwana wesile	tailpole	
kunzima ukugonda	myth	??
silwanyana esiphila emanzini nasemibambeni	amphibian	
incamathla ngengele	sticky	

Funda izivakalisi.

Ukubhalela: Amasela zii amfibhiyeni, amfibhiyeni ligela isilwanyana esiphila phakathi emanzini nasemibambeni.

Bhala izivakalisi sokugala ngesiNgesi.

UMHLA

IVEKI YESI-4 • LWESITHATHU • 77



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Isahluko 2: Amaqanda azuba*

IPH 78

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Funda nize nixoxe

- Yintoni ufudo? Luhlala phi ufudo?
- Jonga imifanekiso uze ufunde izivakalisi zemizobo elandelelanayo.
- Xoxa ngomjikelo wobomi benkukhu nofudo.
- Yintoni efanayo, ize ibeyintoni eyahlukileyo?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Ingaba oomama ababini (inkukhu nofudo) kohluka njani ukuziphatha kwabo?


Thelekisa imijikelo yobomi emibini

- Ingaba abazali abangabantu baziphatha njengesikhukukazi okanye ufudo?

Bhala

- Bhala uluhlu lwezinto ezifanayo kwimijikelo yobomi emibini.
- Bhala uluhlu lwezinto ezahlukileyo kule mijikelo mibini yobomi.

IPH 79
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Lungisa

- Thetha ngezilwanyana abafundi abenze uphando ngazo.
- Yahlula abafundi babe ngamaqela ezilwanyana ezifanayo okanye eziyeleleneyo.

Yenza

- Ngamaqela, abafundi bashukuma njengesilwanyana abasikhethileyo.
- Baxelele ukuba bajonge emizimbeni yabo njengoko beshukuma:
 - Shukuma ngokungathi isilwanyana sakho singxamile – cinga ngobume bomzimba wakho.

Ukushukuma njengesilwanyana

- Shukuma ngokungathi isilwanyana sakho siphumle kwaye siyacotha – xhathisa.
- Shukuma ngokungathi isilwanyana sakho siyatsiba okanye siyemka – tsibela phezulu uze uhlale phantsi ngokuzilelileyo ngamadolo agobileyo.

Xoxani

- Ingaba kunzima ukuxhathisa xa ushukuma ngokukhawuleza okanye ngokucutha?
- Ingaba ukuhla kulula ukuba utsibela phezulu okanye ezantsi?
- Ingaba uye wacinga ngomzimba wakho nangendlela owenze ngayo ubume besilwanyana sakho?

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA


Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngazo zonke izilwanyana ofunde ngazo kule kota eklasini okanye ekhaya xa ubusenza uphando lwakho. Khetha sibe sinye oza kubhala ngayo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ukuba sesiphi isilwanyana okhethe ukubhala ngaso uchaze nesizathu.

Izilwanyana esifunde ngazo

15 imiz

- **Yabelana:** Biza bonke abafundi baxebele ikhosi ukuba sesiphi isilwanyana abasikhethileyo. Njengoko bekunika amagama, bancede ngokuhlela, umz. Inyoka? Sisilwanyana esirhubuluzayo eso!
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqwalaselayo.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 80

10 imiz

UMHLA

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

ntwasa lintwala ntwazana

umntwana umntwana bathwele

1 Ekhaya kukho umntwana omhle.
inyanda zokubasa umfola.

2 Ulizo ebephetha kwiholide zePosika.
omnini ukuya

3 Ukulitha yi entle, kwaye unobubela.
zisazeka lula kubantwana besikola.

4 Uxisi uyathanda ukuxhetha uqhethwe
yi.

80 • IVEKI YESI-4 • LWESINE




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-j

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 68

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ukufunda ngababini

- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa benikana amathuba.
- Jonga/beka ixesha lokufunda (1 umz emnye). Bhala inani lemigca efundiweyo.
- Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufunda emakhaya.

IPH 81

15 imiz

UMHLA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda oku kabini. Mangaphi amagama awafundileyo?

Uzibizwa wayengunobumba. Wayenaobhuti noosisi abangaphesvu kwekhulu! Wayengayena mncinci, kwaye engayena mncinane ngesiqu. Uqagho loonanjubalala luhlala emanzi echibi aphallileyo nanzulu.

Ngenye imini uZibi waqophela ukuba bambalwa aobhuti nasisi anakudlala nabo. Babengamalala! Yayingumnqo! Kwakubonakala oonanjubalala abangama-90 kugqibezela! Suka noku, inani labo lalinga lincinane. Kungokudlala, kwesala aobhuti abangama-20.

	1	2
Inani lamagama awafundileyo		
Inani lamagama awafundileyo		

81 • IVEKI YESI-4 • LWESINE



UKUBHALA NOTITSHALA

Amalungiselelo engxelo yolwazi

Xoxa ngomsebenzi

- Uza kubhala ingxelo yolwazi malunga nesilwanyana osikhethileyo.
- Funda iingcebiso ezisebhodini.
- Yenza umzekelo, umz. **Inyoka:** isilwanyana esirhubuluzayo, esinesikhumba esinamaxolo, eside esibhityileyo; esitya izilwanyana; esilumayo okanye esitshicayo; isinyethu, esisanduselwa eqandeni).
- Ukuba kukho ixesha, abafundi banokuqalisa iNgxelo yabo yoLwazi ngesilwanyana abasikhethileyo.

15 imiz

Ingxelo yolwazi

(Isihloko) _____ (igama)

Ukuhlelwa: (isinambuzane, intaka, isirhubuluzi, isilwanyana esenyisayo, intlanzi)

Inkangeleko: (ubungakanani, umbala, amalungu omzimba, amalungu entloko, isikhumba, njl. njl.)

Imikhwa: (intshukumo, ukutya, umjikelo wobomi, ukuzikhusela, imikhwa. njl. njl.)



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Isahluko 3: Amaqanda azuba*

IPH 82
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha lama-53)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzo welwimi ezimbini wegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

isele

1. Isele yiamfibhiyeni.
2. Onke amasele ayatsiba.
3. Onke amasele ahlala emanzini.

unojubalala

1. Unojubalala lisele eliselula.
2. Oonojubalala babanemilenze xa beqanduselwa.
3. Oonojubalala bayaphuma emanzini xa imiphunga yabo yomelele.

imiphunga

1. Unojubalala unemiphunga ekhule ngokupheleleyo.
2. Isele linemiphunga ekhule ngokupheleleyo.
3. Amasele aphefumla nge miphunga yawo.

Uhlanganiso nesiNgesi: *frog* (isele), *tadpole* (unojubalala), *lungs* (imiphunga)



EZOBUGCISA BEQONGA

Isingeniso

- Khumbuza abafundi ngendlela ebeleshukuma ngayo njengesilwanyana.
- Thetha ngesivakalisi sentshukumo: siqala ngentshukumo yokuqala – njengokuvuka; emva koko, kukho indawo esembindini – njengokujikeleza, ukuxhuma, ukuhla, njl. njl.; siphetha ngentshukumo yesiphelo – njengokubuyela ebuthongweni.

Amaqela

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela.
- Iqela ngalinye lithetha lize liziqhelanise nesivakalisi sentshukumo esimalunga nesilwanyana elisikhethileyo.

Yenza isivakalisi sentshukumo

Linganisa

- Iqela ngalinye lilinganisa intshukumo yalo.
- Amanye amaqela ayaqashisa ukuba sesiphi isilwanyana abasikhethileyo.

Vavanya

- Khuthaza ukuba abafundi banike ingxelo ekhuthazayo kwabanye xa begqiba ukulinganisa.
- Phawula ngentshukumo, ukuxhathisa nokuhla kwakunye nokutolikwa kweentshukumo zezilwanyana zabo.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento ibenye enomdla malunga nezilwanyana ofunde ngazo kule veki.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Uza kuqinisekisa njani ukuba uyayikhumbula yonke into oyifundileyo?

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

Amagama: iindwendwe no-incwadi

Isivakalisi: Ekhaya kufike iindwendwe ziphethe iincwadi ezininzi.

IPH 83

10 imiz

UMHLA

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu amnye.

yikha	yonke	qhekeza	phuma	intloko
bethu	phaya	ityuwa	iqhina	inkwenkwe
funda	kangaka	emotweni	infuyo	umsebenzi
emva	iziqhamo	ngoko	tsala	abaninzi
yiyo	ukwenza	ibhanti	kwaba	ungaze
bona	rhoqo	igrafu	ikeyiki	uhambile
nantsi	baleka	idesika	umfonekiso	ipensile
itsho	iflegi	ugqibe	ingununu	ekugeleni

Amagama awafunde ngokuchanekileyo: _____

IVEKI YESI-4 • LWESIHLANU • 83



UKUBHALA NGESANDLA


Ukudibanisa oonobumba abakhulu

H K E J

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 68

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Fundu uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklassi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/ imibuzo. Kwizicatshulwa


zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngesicatshulwa

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA UVAVANYO 1

Ingxelo yolwazi

Bhala

- Abafundi babhala eyabo ingxelo yolwazi.

Ukukorekisha

- **Khangela:** Ukuba kusetyenziswe uyilo olufanelekileyo neempawu zokubhala, ukuqonda izihlokwana, ixesha langoku, ukukhetha kwezilwanyana okunomdla kunye namanqaku ayinyani.

Ukukorekisha: Jonga iph 142
Amanqaku: 10

15 imiz

Ingxelo yolwazi

Isihloko:

Ukuhlelwa:

(1 isivakalisi)

Inkangeleko:

(2 izivakalisi)

Imikhwa:

(2 izivakalisi)



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Isahluko 4: Amaqanda azuba

IPH 84
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1 iphepha 26, Imijikelo yobomi, iphepha 52 nelama-53.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-114.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncedo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-5



Ukurisayikilisha

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuqonda imixholo yokusebenzisa izinto kwakhona, ukuphinda kusetyenziswe, ukurisayikilisha nokunciphisa.
- Kukwazi nzulu ngokukwahlulahlula ngokuhlela inkunkuma.
- Kufunda iimpawu zokurisayikilisha zeeplastiki kunye neezicatshulwa zobungozi bokulahla nje inkunkuma.
- Kufunda baze baphendule kwibali lomfanekiso-ngqondweni.
- Kunika baze babhale uluvo malunga nebali.
- Kuphuhlisa utyibiliko ngokuqaphela iimpawu zokubhala.
- Kuqaphela iimpawu zolwimi ezinxulumene nencoko yababini emfutshane: iimpawu zokucaphula, iimpawu zokukhuza, njl. njl.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	umhlangala	ihagu yasendle	inkubabulongwe	esimdaka	ezintle
Isigama seZakhono zoBomi	inkunkuma/ukulahla inkunkuma	iplastiki	iitoti		
	<i>litter</i>	<i>plastic</i>	<i>cans</i>		

Isivakalisi

- "Yintoni ingxaki?" sabuza isigebenga.
- "Intamo yam iyagodola," yatsho indlulamthi kalusizi.
- "Ina, thatha iqhina lam elitsha," satsho isigebenga.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Ifoyile yealuminium, isikere, iikoki zemisebenzi yezobuGcisa obubonwayo (jonga iphepha lama-79)
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Isigama (Lwesithathu); Izivakalisi (Lwesine); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu); Ukubhala ngesandla; Ingqiqo, Umsebenzi wesigama nolwimi, Amaphepha oLwazi olusisiseko

UMandla, uMaya nenkunkuma

Eli bali liyintshayelelo kumxholo weZakhono zoBomi wezinambuzane. Utitshala uyalifunda ngoMvulo (Jonga iNT, iphepha lama-76). Lithungelana nemifanekiso ekwiYFF, iphepha lama-95. Abafundi bangajonga imifanekiso kwiiNYY zabo njengoko ufunda.

Ngelixa ufunda linganisa iimvakalelo neentshukumo.

Eklasini kaMandla kwakukho intombazana egama linguMaya. Yonke imihla uMaya wayechola amaphepha neziqwenga zeplastiki eklasini, aze azifake emgqomeni. Abanye abantwana babemhleka uMaya. Babesithi, "Uphambene!" "Umdaka, uchola inkunkuma!"

"Ingaba bethu kutheni esenza le nto," wacinga njalo uMandla. Wambuza ukuba kutheni ezikhathaza ngenkunkuma kube kungekho mntu wumbi ozikhathazayo. "Cinga ukuba bekuzakuba kuhle njani ukuba bekungekho nkunkuma," watsho uMaya. UMandla wazenzela umfanekiso-ngqondweni wesikolo sabo sikhangeleka sicocekile. "Kungakuhle," watsho, "kodwa kumdaka kakhulu! Angekhe ukwazi ukusicoca sonke!"


"Hayi ke," watsho uMaya, "Ndingasicoca kancinci," waze wafaka amaphepha awacholeyo emgqomeni.

Abanye abantwana baqhubeka behleka uMaya. Kodwa uMandla wayesoloko ecinga ukuba isikolo singaba sihle njani ngaphandle kwenkunkuma. Ngenye imini wathi kwabanye abantwana ngexesha lesidlo sasemini, "Yizani. Masicoce iklassi yethu," waza waya kunceda uMaya. Bonke abantwana babemthanda uMandla. ngamnye ngamnye bayeka ukuhleka ukucholwa kwenkunkuma, baza bancedisa. Bacholachola onke amaphepha kufutshane negumbi labo lokufundela.

Ututshala wabo wachukumiseka. "Ningabantwana abathandekayo!" watsho kubo. "Igumbi lethu lokufundela libukeka lilihle kakhulu! Kodwa ningalibali ukuhlamba izandla zenu – andifuni zandla zinukayo eklassini yam." Batsho bebaleka abantwana ukuya kuhlamba izandla.

Ngosuku olulandelayo utitshala weza neebhokisi ezinkulu esikolweni. Kwenye wabhala, "PLASTIKI". Kwenye wabhala, "IPHEPHA/IKHADIBHHODI". Kwenye wabhala, "IITOTI". Uxelele abantwana ngendlela ezinye izinto esizilahlayo ezinokurisayikilishwa ngayo, zenziwe enye into ukuze ziphinde zisetyenziswe. Waye wachaza abantu bangafumana imali ngokuqokelela ezinye iintlobo zenkunkuma baze bazithengisele kwindawo yokurisayikilisha izinto. Abantwana bawuthanda loo mbono, baze baqalisa ukuqokelela iitoti zesiselo kunye neebhotile zeplastiki neekhadibhodi ukuze bazifake kwibhokisi zokurisayikilisha.

Utata kaMandla wavolontiya ukuthatha iibhokisi azise kwindawo yokurisayikilisha rhoqo ngeveki. Wayeyinika utitshala imali ayifumeneyo. Ekupheleni kwekota imali yayanele ukuba utitshala athathe uhambo kunye nabantwana. "Nifuna ukuya phi?" wabuza eklassini. "Elwandle!" bakhwaza abantwana.



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

lindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

Yabelana:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.).



IZANDI

Hlaziya izandi u-nd no-tsh

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 93

10 imiz



IVEKI YESI-5 - MVULO - 93




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-ŋ

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 92

10 imiz



92 - IVEKI YESI-5



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

NT
IPH 75

15 imiz

Phambi kokufunda

- Uziva njani xa iklasi yakho imdaka? Ungenza ntoni ukuyicoca?
- Nika injongo yokuphulaphula: Mamela ukuze ufamanise indlela uMandla noMaya abacoco ngayo isikolo sabo.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda


- Kutheni le nto babemhleka abanye abantwana uMaya?
- Kwakutheni ukuze baqalise ukucoca xa becelwe nguMandla?
- Waza nantoni utitshala esikolweni?
- Ucinga ukuba kutheni le nto babehlela inkunkuma kwiibhokisi ezahlukeyileyo?
- Ukuba iklasi yethu ingenza imali ngokurisayikilisha, ningafuna ukuya phi?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengolwimi lokuqala olongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 94

30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

UNdumiso unxibe impahla endala.

Amaqanda entoka agandusele amantshantsho amahle.

Utata uthengele umama ilokhwe nezihlangu ezitsha.

Indoda yathi ifuna ukuzakhele ikhaya elitsha.

Ndophule umtshayela katishala ngempazamo.

Ucinga ukuba wiphuke xa bekutheni umtshayela?

94 : IVEKI YESI-5 - MVULO



ULWAZI OLUSISISEKO

Yazisa umxholo

- Kwakhe kwangena isinambuzane kokwenu? Yayisesiphi eso sinambuzane? Kwakutheni ukuze singene endlwini?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngokurisayikilisha? Yintoni onokuyirisayikilisha?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Ukurisayikilisha

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngokurisayikilisha kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

IPH 95

30 imiz

UMHLA

Ukurisayikilisha

Into emihlango

Into emifuna ukugazi

Into emihlango

Iveki yesi-5

Iveki yesi-6

95 : IVEKI YESI-5 - MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukuxabisa ubugcisa: Umfanekiso oqingqiweyo

Malunga nomfanekiso oqingqiweyo

Le ndawo esisikhumbuzo iliwonga kuNelson Mandela. Yenziwe ngeentsika zetsimbi ezingama-50. Zasikwa ngeleyiza (*laser*). Xa uyijonga ngakwicala elithile, iintsika zime ngokulandelelana ukuze zijongeke njengomfanekiso we2D kaMandela

Ngababini

- Jongisisa imifanekiso yendawo esisikhumbuzo.
- Phendula imibuzo ekwiNYY.

Ingxoxo yeklasi

- Yintoni umfanekiso oqingqiweyo? (umsebenzi wobugcisa obonakala amacala amathathu owenziwe ngokubumba ilitye, umthi, udongwe, intsimbi okanye ezinye izinto).
- Kutheni uNelson Mandela ehlonitshwa ngemifanekiso eqingqiweyo emininzi kangaka ehlabathini?
- Yeyiphi imifanekiso eqingqiweyo owakhe wayibona kwidolophu yakho okanye kufuphi nayo?

IPH 96

30 imiz

UMHLA

Umfanekiso oqingqiweyo

Indawo yengqongileyo kuyo iNelson Mandela, eKZN

1. Ingaba lo mfanekiso wobugcisa ngowe-2D okanye ngowe-3D?

2. Ucinga ukuba lo mfanekiso oqingqiweyo wenziwe njani?

3. Yintoni elwimi elingqongileyo?

4. Yintoni elwimi elingqongileyo?

96 : IVEKI YESI-5 - MVULO



EZEMITHAMBO

Isingeniso

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ngawaphi amabali owathanda kakhulu? Uthanda amabali asekelwe kwizinto zokwenyani okanye amabali asekelwe kumfanekiso-ngqondweni? Amabali amalunga nezilwanyana, okanye ngabantu? Amabali aphela ngolonwabo? Amabali akufundisa into? Amabali akukhumbuza into?

Uluvo ngebali

- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ukuba ngawaphi amabali owathandayo.
- **Yabelana** neklasi.
- Zama ukumamele abafundi abaninzi. Vumelana nabakuthandayo kunye nabangakuthandiyo.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

15 imiz



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 97

10 imiz



IVEKI YESI-5 - LWESIBINI - 97




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-J

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 92

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko: Yintoni isigebenga?
- Yazisa iingcinga yala magama, *esihle/ezintle no-esimdaka*. Thungelanisa nomfanekiso okwiphepha lokuqala.
- Ucinga ukuba isigebenga singaze sibesihle? Kungafuneka senze ntoni?
- Nika injongo yokufunda: Masifunde sive ukuba isigebenga siye sabasihle na.

Ukufunda notitshala

- Funda ibali **kunye** nabafundi.
- Yima ekupheleni kwephepha ngalinye, uze ufunde imibuzo yengxoxo.
- Abafundi bayacinga baze abambalwa beze neempendulo (1 umz ngombuzo).
- Lithuba lakho lokujonga ukuba abafundi babeka esweni (bajonga ukuba bayaqonda) xa befunda.

Emva kokufunda

- Ucinga ukuba isigebenga sasinobubele? Ngoba?
- Isigebenga saphinda sabamdaka. Ingaba ilungile lo nto? Ngoba?

IPH 86-91

15 imiz



86 - IVEKI YESI-5



UKUBHALA

Ingqiqo

Funda nize nixoxe ngemibuzo

- Kwimibuzo **yokuPhanda ufumane**, kubalulekile ukuba abafundi bakhangele impendulo kwaye bangaphenduli ngokunkqaya.
- Kwimibuzo yokuFunda ucinge, cacisa ukuba ungaba nezimvo ezohlukileyo, kodwa kufuneka **uxhase** impendulo (ukuqhelanisa abafundi nokusekela izimvo zabo kulwazi oluyinyani).

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekise.

IPH 98

15 imiz



98 - IVEKI YESI-5 - LWESIBINI

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Umlambo*

IPH 99
30 imiz



Funda nize nixoxe

- Phinda ujonge ibali likaMandla, uMaya kunye nenkunkuma.
- Kutheni le nto kufuneka sihlele izinto zokurisayikilishwa ngokwezinto ezifanayo?
- Buza ukuba zeziphi iintlobo zezinto zokurisayikilishwa ezingena kumgqomo ngamnye oboniswe kwiphepha leNYY.

Ngowuphi umgqomo?

- Hlula izinto ezahlukileyo ngokodidi ngalunye, umz. iibhotile zobisi kudidi lwePlastiki, ikhadibhodi kunye neentlobo ezahlukileyo zamaphepha kudidi lwamaPhepha, iitoti zokutya kunye neetoti zesiselo kudidi lweeToti neeNkonkxa.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwNYY.

IPH 100
30 imiz



Umfanekiso oqingqiweyo wefoyle

Abafundi badinga: 30cm yesikwere sefoyle yealuminiyam engqindilili, isikere, irula, iikoki

Yazisa umsebenzi

- Yenza umfanekiso-oqingqiweyo oyi-3D womntu ngefoyle.
- Emva koko, kwiqela, cwangcisa imifanekiso yakho eqingqiweyo ukuze ubalise ibali.


Bonisa, ngelixa abafundi belandela

- Ecaleni komphetho ongentla, yahlula ifoyile kathathu. Krwela

imigca ezantsi ukusuka kuphawu
ngalunye.

- Kumphetho ongezantsi, yahlula ifoyile kabini. Krwela umgca ukusuka kwindawo ephawuliweyo.
- Sika emigceni.
- Shwabanisa ifoyile wenze imilenze kunye neengalo.
- Tyhala iingalo zenze umzimba wangasenta.
- Yenza intloko.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cacisa ngezimvo: Asithandi mabali afanayo sonke, kwaye oko kulungile. Kodwa kufuneka sichaze ukuba **kutheni** siwathanda okanye singawathandi.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngebali olithande kakhulu.
- **Ngababini:** Xelesa iqabane lakho ukuba kutheni ulithanda. (umzekelo, elingabantwana bokwenyani)

Izimvo ngamabali

- okanye izilwanyana, liphele kamnandi, imifanekiso enika umdla, likukhumbuza ngento entle/emnandi, likwenze wanqwenela ukuba ube lapho, njl. njl.) Phawula ngezimvo ezichazwe kakuhle ezixhaswe ngokubhekisele kwinto ethile esebalini.
- **Yabelana** nekasi.
 - Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqwalaseleyo.

15 imiz



IZANDI

Hlaziya izandi u-nd no-tsh

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 101

10 imiz

UMHLA

Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.

iindevu iphephandaba amaganda indala ngetshfu itshakolethi tshiphe indondo

1. Uasi uqhata _____ ekhishini.
2. Unama uthanda ukufunda _____.
3. Kubuye ubhuti awaye _____ ePhawuleni.
4. USam uzisula isilevu _____.
5. _____ kaNoma itshane emanzini.
6. Indoda ichaba iindevu ngomashini wokucheba.

IVEKI YESI-5 • LWESITHATHU • 101




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-7

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 92

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

Isigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi:

umhlangala	ihagu yasendle	inkubabulongwe	esimdaka	ezintle
------------	----------------	----------------	----------	---------

Ukufunda notitshala

- Funda iphepha lama-44 ukuya kwelama-48 **kunye** nabafundi.
- **Ukukhangela amagama:** Abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa esikwiNYY njengoko ufunda. Mabakrwele umgca ngaphantsi kwegama elitsha ngalinye okanye balibiyele.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokokulandelelana kwe alfabhethi.

IPH 86-91

15 imiz

Esona sigebenga sinobubele ehlabathini

Ngapheleli, kwakukho sigebenga esolima izinto kwifama yase, size sithengise kwimiseko yase. Abantu bala lali babethi. "Usona sigebenga sinobubele" ehlabathini. Usona Usona ihagu elingela elidala kunge neembodaka. Isigebenga esimdaka sasiyibiza ukuba inkuba sifanele sifumane impahla ezintle kuni na.

Sabona iinkqubo zemigca ezingamaphepha ezilungile ngaye wonke umntu, ezintle ezininzi. Nalaba nempahla ezingamaphepha sigebenga sagqibela ekubeni sithenge impahla ezintle. Sathenga...

ihenge enkulu emhlabeni
isigama esimeka
ihubukhwe engondisi ezintle
isigama esimeka

Kunye neqhanga esinyama ezintle

Kwakutheni uze sigebenga sifanele ukuxela impahla ezintle?

86 • IVEKI YESI-5



UKUBHALA

Isigama

IOrali

- Jonga umsebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala ekwiNYY. Jonga uze ukorekise.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.
- Bonisa oonotsheluzi besigama kudonga lamagama.

IPH 102

15 imiz

UMHLA

Isigama

umhlangala esimdaka inkubabulongwe esintle
ihagu yasendle esintle

Tshatsha igama namfanekiso.

Bhala amagama uze ugqibezele ithayibhili.

Isigama	Oonobumba	Amalungu
igama		
umhl		
W		


102 • IVEKI YESI-5 • LWESITHATHU



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ithafa*

IPH 103
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Funda nize nixoxe

- Ukuba unakho, bonisa abafundi iimpawu zeplastiki kwibhotile/kwisikhongozeli okanye kwileyibhile yento yokwenyani.
- Funda kwaye uxoxe ngophawu ngalunye.
- Xoxa ngendlela iindidi ngeendidi zeplastiki **ezifanayo** (umzekelo, zonke zenziwe ngabantu) kunye nendlela **ezahluka** ngayo (umzekelo, ezinye uyakwazi ukubona okungaphakathi kuze,

Zazi iiplastiki zakho

ezinye awukwazi ukubona okungaphakathi kuze).

- Cacisa ukuba iiplastiki ezininzi UNAKHO ukuzirisayikilisha kodwa akukho mizi-mveliso eyaneleyo yokurisayikilisha eMzantsi Afrika, ngoko ke, ezinye iiplastiki zilahlwa kwiindawo zokulahlwa inkunkuma (etipini).

Bhala

- Abafundi baphawula ibhokisi echanekileyo kwiNYY.

IPH 104
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Imidlalo yesingqi

Isingeniso

- Yenza izandi ezahlukeyo: qhwaba (izandla kunye), betha (izandla emathangeni), mbambazela (izandla esifubeni okanye esiswini), nqakra (nqakra iminwe).
- Xoxa ngethoni yezandi ezahlukeyo, umz. esingxolayo, esiphantsi, esikhwazayo/esibukhali, esipholileyo.

Mamela uze uphinde

- Qhwaba iipatheni ezahlukeyo zesingqi usebenzisa ukwahluka kwezandi, umz. qhwaba-qhwaba-mbambazela-mbambazela-betha-nqakra.
- Abafundi bamamele baze baphinde iipatheni zesingqi sakho.

Ngababini

- Abafundi baqweba ipatheni ukuze amaqabane abo alinganise.

Isiphelo

- Abafundi babelana neklasi ngeepatheni zezingqi ezinzima nezinomdla.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yintoni oyithandileyo okanye ongayithandanga ngebali, *Esona sigebenga sinobubele ehlabathini*, umz.
 - Ingaba ibali likufundise into okanye likwenze wacinga?
 - Ingaba likuhlekisile (umzekelo, indlela izilwanyana ezisebenzisa ngayo iimpahla)?

Uluvo ngebali

- Ucinga ukuba isiphelo sasionwabisa nangona isigebenga saphinda sabamdaka?
- Uyithandile imizobo?
- **Ngababini:** Xeleta iqabane lakho into oyicingayo.
- **Yabelana** neklasi.
- Sebenzisa incwadi yakho ubhale izinto oziqwalaseleyo.

15 imiz




IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 105

10 imiz



IVEKI YESI-5 • LWESINE • 105




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-L

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 92

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

Yazisa izivakalisi

- Bhala izivakalisi ezintathu ebhodini.
- Funda izivakalisi ngokucotha kunye nabantwana usebenzisa imvakalozwi ukuqinisekisa intsingiselo.
- Abafundi bakhangela baze bakrwele umgca ngaphantsi kwezivakalisi ebalini.

Sebenza ngesivakalisi

- Chonga iimpawu zokufunda.
- Cacisa ukuba kutheni kubalulekile ukuqaphela iziphumlisi, umz.
 - Wenza ntoni xa ufika kwisingxi okanye ikoma? (*unqumama kancinci*)

- Chonga iimpawu zocaphulo. Kufuneka utshintshe ilizwi lakho kancinci kwisithethi ngasinye? (ewe)
- Kunye nabafundi, ziqhelanise ukufunda izivakalisi ngokuvakalayo, niqaphele zonke iziphumlisi.
- Yazisa igama elithi **isibizo**
 - Chaza izibizo ezine/ amagama ezinto kwizivakalisi (*isigebenga, intamo, indlulamthi, iqhina*).

15 imiz

“Yintoni ingxaki?” sabuza isigebenga. “Intamo yam iyagodola!” yatsho indlulamthi, kalusizi. “Ina, thatha iqhina lam elitsha,” satsho isigebenga.



UKUBHALA

Ulwimi

Iklasi


- Gqibezela umsebenzi ngomlomo.
- Kukho ifomati yokhetho lwebali kule veki. Akukho mpendulo zichanekileyo.

Umsebenzi weNYY

- Abafundi baza kuyila awabo amabali ngokokuzikhethela kwabo.

IPH 106

15 imiz



106 • IVEKI YESI-5 • LWESINE



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Unxweme*

IPH 107
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (NYY iphepha lama-95)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzi welwimi ezimbini zegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

inkunkuma ethe saa

1. Inkunkuma ethe saa yinkunkuma eshiywe nje phantsi engafakwanga emgqomeni.
2. Inkunkuma ethe saa idla ngokuba mdaka.
3. Inkunkuma ethe saa ingarisayikilishwa.

iplastiki

1. Iplastiki ayinakurisayikilishwa.
2. Iplastiki ezininzi zinokurisayikilishwa.
3. Inkunkuma yeplastiki iba yingxaki xa ingene elwandle.

iitoti

1. Iitoti neenkonkxa zifakwa kumgqomo omnye wokurisayikilisha.
2. Iitoti zingarisayikilishwa zibe ziitoti ezintsha.
3. Ungafumana imali ngokurisayikilisha iitoti.

Uhlangano nesiNgesi: *litter* (inkunkuma), *plastic* (iplastiki), *cans* (iitoti)



EZOBUGCISA BEQONGA

Imidlalo yesingqi

30 imiz

Xoxani

- Bonisa izixhobo ezenziwe ngezinto ezirisayikilishiweyo, umz. isihlukuhli esenziwe ngebhotile eneemboty, igubu elenziwe ngetoti yekofu, njl. njl.
- Xoxa ngezandi ezahlukeyo ezenziwa zezi zixhobo, umz. isandi esibukhali (ubetha igubu), isandi esikhenkcezo (uhlukuhla isihlukuhli).

Yenza izingqi

- Abafundi okanye amaqela abafundi avavanya izandi ezahlukeyo kwisixhobo.
- Dlala iipatheni zesingqi, uze uvumele abafundi baphinde ipatheni yesingqi, ukuqala kwesilula ukuya kwesinzima ngakumbi.

Ingoma

- Dlala okanye ucule ingoma ngesingqi esizinzileyo. Abafundi badlala isingqi ngelixa ucula/udlala ingoma.



EZEMITHAMBO

Izitimisi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitimisi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngomntu obumbone enceda omnye kule veki, umz echola inkunkuma, eboleka omnye ipensile, ephathise utitshala imantyi yakhe, obenobuntu komnye, njl. njl.
- **Ngababini:** Yabelane neqabane lakho.
- **Yabelana:** Uza kuzama ukunceda bani kwiveki ezayo? Njani?

15 imiz



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

IPH 108

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Ukubethelela ukubhala oonoobumba abakhulu & J j L l

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 92

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo


- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngesicatshulwa

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA EYEDWA

Izimvo malunga nebali

Yazisa ukuphonononga

- Kwiiveki ezimbini ezizayo siza kufunda ukubhala uphononongo malunga namabali okanye iincwadi.
- Uphononongo lubandakanya uluvo lwakho ngebali okanye incwadi.

Nika uluvo

- Xoxa ngeziqalo zezivakalisi: *Iyahlekisa apho i ...; indikhumbuza ...; ifundisa isifundo sokuba u ...; inesiphelo esihle apho ... Indenza ndizive ... xa ... (ungabhala ebhodini)*
- Bhala uluvo lwakho malunga nebali, *Esona sigebenga esinobubele.*

15 imiz

Esona sigebenga sinobubele

Uluvo:

Ndiyalthanda/
Andilithandi eli
bali ngoba



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Ukwenza iindawo zokudlala zikhuseleke

IPH 109
30 imiz

UMHLA

Ukwenza iindawo zokudlala zikhuseleke

1. Abafundi basikalo samabanga aphakamileyo bangakufaka inkunkuma emlangeni. Bafaka inkunkuma ezingqaweni. Baza ingqaweni kwindawo yokudlala inkunkuma.
2. Abantu basafuni basaza khafa. Babiza abagqirisi benkunkuma ukuba baze bangakufaka ezi ngqaweni. Bangqirisi imithi amaninzi.
3. Abantwana basaza unxweme baze bafaka inkunkuma emlangeni.
4. Izangqoma ezininzi, zizambuzane kunye neentaka zibugqirisi kanti ndawo. Abantwana bakwazi ukufaka ngakukhuselekileyo emlangeni, ephufeni okanye elunxwemeni kwakhona. Babekwazi ukufaka kuyo yenke indawo.

Uluke wayibona phi inkunkuma ehe soo? Ungena ntoni?

IVEKI YESI-5 - LWESIHLANU - 109



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lomsebenzi 28, iphepha lama-56 nelama-57.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-117.

30 imiz

Ibanga lesi-3

Izakhono zoBomi ngesiXHOSA
Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2

IXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

Ibanga lesi-3

IXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

Incwadi yoku-1 Ikota 1 & 2

basic education
Department of Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

- Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.
- Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncedo.
- Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- ndiyijongisisile incwadi yam, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- Lokuleqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa umfundi ngamnye, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-6



Ukurisayikilisha

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngezinto eziyinyani zobom ngokusebenzisa kwakhona inkunkuma, ukwenza izinto zokudlala.
- Kufunda iintsomi zaseAfrika ngokwezahluke, baziqhelanise nezakhono zokuthelekelela.
- Kumamela ibali elisekelwe kwelo belifundwe notitshala kwiveki yesi-5.
- Kulungisa babhale uphononongo lwebali.
- Kusebenzisa iimpawu zolwimi ezingqamelana nophononongo lwebali: isihloko, ixesha langoku, ukunika uluvo.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	umhlangala	lhagu yasendle	inkubabulongwe	esimdaka	ezintle
Isigama seZakhono zoBomi	nciphisa	sebenzisa kwakhona	risayikilisha		
	reduce	reuse	recycle		

Isivakalisi

"Yintoni ingxaki?" sabuza isigebenga.

"Intamo yam iyagodola," yatsho indlulamthi kalusizi.

"Ina, thatha iqhina lam elitsha," satsho isigebenga.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Olusesikweni: Ubizelo, ingxelo yolwazi, ingqiqo, Ukubhala ngesandla, Amaxesha okuziqhelanisa notyibiliko, Imisebenzi yoLwazi olusisiseko

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni

Lwesibini–Lwesihlanu (luyaqhubeka nakwiveki yesi-7)	Ukuphulaphula nokuthetha 1: Uphononongo lwebali	IORALI	NT amaph 90, 92, 94, 96
Mvulo–Lwesibini	Ezobugcisa obubonwayo 1: Umfanekiso oqingqiweyo wefoyle	EYENZIWAYO	NT amaph 89, 91
Lwesine	Ezobugcisa beqonga 1: Amaqela alinganisa umdlalo	EYENZIWAYO	NT iph 95
Lwesihlanu	Ezemithambo: imidlalo	EYENZIWAYO	NT iph 97

Umrhwebi ufunda isifundo

Isigebenga esinobubele safika edolophini sizokuthengisa iitumato. Sabona umrhwebi owayemthengisele iimpahla zakhe ezintle. Wambulisa, "Molo, unjani?"

Kodwa umrhwebi akazange ambulise. Wasuka wathi, "Hayibo! Kwenzeke ntoni kwiimpahla zakho ezintle? Nceda usuke kum. Andifuni abantu bandibone nomntu onje ukuba mdaka."


Isigebenga saziva sinentloni. Saguquka semka, amehlo aso ezele zinyembezi.

Kodwa umhlobo waso, indlulamthi, samva umrhwebi. Sathetha naye. "Esi sigebenga saphisa ngazo zonke iimpahla zaso ezintle, kwizilwanyana ezazizidinga kakhulu. Sinobubele kakhulu. Ngoku sisebenzisa kwakhona iimpahla zaso ezindala, ukwanceda noko kusingqongileyo. Ngizazingca ngokuba nomhlobo ofana naye."



Ngoku umrhwebi waziva enentloni. "Unyanisile ndlulamthi. Akunyanzelekanga ukuba ube nempahla ezintle ukuze ubengumhlobo olungileyo. Ndizakuya kuso ndiyokuxolisa. Mhlawumbi angandinceda ngezi zinto ebendiza kuzilahla."


Umrhwebi wabonisa isigebenga nendlulamthi imvumba yenkunkuma. Kwakukho imele enomngxuma, iibhotile zeplastiki, iibhotile zeglasi kunye neetoti ezindala, zonke zixubene apho.



"Ndiyazi ukuba ungaphinda uyisebenzise njani imele," yatsho indlulamthi. "Ungayisebenzisa ukutyalala kuyo iitumato zakho." Waqhubeka ngelithi, "Ungasebenzisa enye yezitoti ukunkcenkceshela ngayo."

"Kwaye ungahlela inkunkuma eseleyo," satsho isigebenga, "Ungayihlela ibeziglas, iiplastiki kunye neetoti. Uze uthathe iingxowa ozihlelileyo uzise kumzi wokurisayikilisha. Ungafumana nemali ngazo."

"Ndiyabulela ngalo mbono wenu," watsho umrhwebi. "Ndifunde izifundo ezibini namhlanje. Esokuqala, musa ukwenza uluvo ngomntu ngokujonga indlela anxibe ngayo, esesibini, malunga nokunceda okusingqongileyo."



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Zikhona iindaba onazo ezikhethekileyo? Wenze ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.

- **Yabelana:** Abafundi abambalwa babelana neklasi ngendaba zabo.
- Qiniseka ukuba wonke umfundi ufumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.).



IZANDI

Hlaziya izandi u-ngc no-njw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 111

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-b

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 110

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Usalikhumbula ibali, *Esona sigebenga esinobubele?* Ucinga ukuba yintoni enye engenzeka xa isigebenga sifika edolophini sizokuthengisa iitumato?
- Nika injongo yokumamela (emva kokuba abafundi benike iimbono): Bekunokwenzeka oku. Masibone yintoni eyenzekileyo ngokwenene.

Fundela abafundi isicatshulwa.

Emva kokufunda

- Zeziphi izifundo ezibini umrhwebi azifundileyo?
- Ucinga ukuba yayizizifundo ezibalulekileyo? Ngoba?
- Cacisa ukuba ngomso uza kuphinda ulifunde ibali, nokuba abafundi baza kugqibezela uvavanyo lokumamela ngengqiqo.

NT
IPH 87


15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 112

30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Ingcuka izimele emva kweengcango.

Impahla zabantu zithinjwe ngoanovenkile.

Ibhulukhwe kaMafu ibanjwe lucingo.

Abantwana bahlalwe ziingceba zebhotile.

Usana luzingcalisile, kumele luhlanjwe.

Ucinga bekutheni abantwana ze bahlalwe ziingceba?

112 : IVUKI YESI-6 - MVULO



ULWAZI OLUSISISEKO

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga** malunga nezinto zokudlala nangezinto owawuthanda ukudlala ngazo usemncinci. Ingaba izinto zokudlala zinayo imfundiso? (umz. malunga neemilo, ubungakanani, ukwenza izandla neminwe yomelele, njl. njl.)
- **Ngababini:** Xelela umhlobo wakho ngezinto zakho zokudlala.

Ukwenza izinto zokudlala ngenkunkuma

- **Yabelana** kunye neklasi.

Funda nize nixoxe ngephepha leNYY

- Thetha ngezinto abafundi abakhe bazenza ngenkunkuma ngaphambili, umz. imoto ngebhokisi, ibhedi kanodoli, njl. njl.
- Xoxa ngendlela uSingakwenza enza ngayo izinto zokudlala ukunceda abantwana abancinci bafunde, KWAYE banceda ukukhusela okusingqongileyo ngokusebenzisa inkunkuma.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 113

30 imiz

UMHLA

Ukwenza izinto zokudlala ngenkunkuma

EkwaZulu-Natal umbutho obizwa ngokuba nguSingakwenza, bonisa inkunkuma base bese izinto zokudlala zabantwana abancinci. USingakwenza bagqibezela abantwana abancinci bekhulisa, kunye nabantwana bakulala ukuba benze izinto basebenzisa ibhotile, ibhokisi zekhadi, iziciko zebhotile, iphlati zeziciko kunye nenge inkunkuma endakuhlala isengcaweni. Bese izinto zokudlala kunye nezibhalo zokufunda, ukuze izinto abantwana abancinci balungiselele ukufunda, ukubhalisa kunye nezibhalo.

Uthixo: Zula kwiyo owayo uSingakwenza, uhi "Zinto zokudlala ezimise ngenkunkuma zifundisa ngezinto ezifana nazo zizuka evelikeni. Kungaba usenza izinto zibhalo zokudlala ngenkunkuma kulekhawunti okusingqongileyo."

1. Letighi ghonda efumaneka kule Singakwenza?

2. Basebenzisa ntoni ukwenza izinto zokudlala?

3. Yintoni efundisa ngabantwana xa bebalisa ngezinto zokudlala?

113 : IVUKI YESI-6 - MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO UVAVANYO 1

Umfanekiso oqingqiweyo wefoyle (uyaqhubeka)

Amaqela

- Amaqela anabafundi abasi-5-6 mabalungise imifanekiso yabo eqingqiweyo ukwenza isiqendu esisebalini.
- Bonisa iqela lakho umfanekiso wakho oqingqiweyo.
- Yenzani isigqibo ngebali kunye.
- Cwangcisanani indlela eniza kuzimisa ngayo imifanekiso yenu eqingqiweyo..
- Gobani imifanekiso ibe ziimilo ezichanekileyo.

Gcina izinto zikhuselekile, uza kugqibezela ngomso.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-147
Amanqaku: 5

30 imiz



EZEMITHAMBO

Isingeniso

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

30 imiz



LWESIBINI


**UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA UVAVANYO**
Yazisa umsebenzi wovavanyo

- Uzakwazisa uphononongo lwebali oluzakuba luvavanyo.
- Bhala iziqalo zezivakalisi ebhodini. Funda iziqalo zezivakalisi, uze uzicacise. Xoxani ngemizekelo.
- Cacise izinto oza kufuna ukuzibona, unike imizekelo:
 - Umboniso omhle (indlela yokuma, ukujonga cacileyo, ngokucacileyo nangelizwi elivakalayo)

**Ukuphonononga
ibali ngomlomo
(Amalungiselelo)**

15 imiz

- Isishwankathelo esifutshane sebali (ukusikhumbuza ukuba lingantoni)
- Uluvo oluxhasiweyo (uyacacisa ukuba kutheni)
- Ulwimi lweorali olufanelekileyo (izivakalisi ezipheleleyo)
- Amagama anika umdla (isigama esibanzi)

Uvavanyo lwangomso

- Abafundi aba-5–6 benza uphononongo lwebali ntsuku zonke.

Uphononongo lwebali
Ndikhumbula ibali elalisithi ...
elimalunga ...
(1–2 izivakalisi)
Ndalithanda/
zange ndilithande ibali kuba ...

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10


IZANDI
Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.


UKUBHALA NGESANDLA
Unobumba omkhulu u-

- Landela inkqubo yezifundo zokubhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 110


10 imiz

UMHLA

Fakela isandi esishiyiweyo.


i nge uka	* ii la
ukho	* i di
i a	* uyahla a
* ii mbu	* iba a

114 • IVEKI YESI-6 • LWESIBINI


UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA
Ukumamela ngengqiqo
Funda

- Funda kwakhona ibali elifundwa ngokuvakalayo, *Umrhwebi ufunda isifundo*.
- Funda ngesantya ezichanekileyo, ngaphandle kokuphumla okanye ukufunda imibuzo.
- Musa ukunika inkcazelo okanye ubuze imibuzo.

**NT
IPH 87
15 imiz**


UKUBHALA
Ukumamela ngengqiqo
Bhala

- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiNYY.

**IPH 115
15 imiz**

UMHLA

Ukumamela ngengqiqo

Bigela impendulo okanye impendulo ezichanekileyo.

1. Umrhwebi zange afune isigbenga sibunguhlobo wakhe kuba sasindaka / sasidaka kunamtu wonke / sasithetha ulwimi olwahlulekileyo.
2. Ngubani owasengisa ngokuba ngumhlaba wesigbenga? umrhwebi / abantu bafazi / indlalantshi.
3. Isigbenga sasibenzisa kwakhona nangalunye uhlobo / ukuphinda luyagcina / sasimchusa imphahla zaso eziphila.
4. Isigbenga sathi ungesabenzisa semela endalo ukuphatha amanzi / ukukhulisa isigbenga / ukungafaka isigbenga.
5. Isigbenga sathi ungasithaziya lipeni / lipeni / isigbenga / libathala / isemela / libathala zaphakathi / sasimchusa.

115 • IVEKI YESI-6 • LWESIBINI • 115



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Isahluko 1: UDYakalashe neNgonyama

IPH 116
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Yenza into yokudlala ngenkunkuma

Funda nize nixoxe

- Funda inkqubo ekwiNYY.
- Yintoni efunekayo ukwenza into yokudlala?

Funda uze wenze

- Landela imiyalelo uze wenze into yokudlala, wedwa okanye ngamaqela elincinci.

Xoxani

- Ingasetyenziswa njani le nto yokudlala?
- Uza kuyinika bani?

IPH 117
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO UVAVANYO 1


Umfanekiso oqingqiweyo wefoyile (uyaqhubeka)

Iintetho zamaqela

- Iqela ngalinye lenza amalungiselelo lize libonise isiqendu somfanekiso oqingqiweyo walo eklasini.
- Ilungu elinye liza kuxelela ikhosi ngoko likubinisayo.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-147
Amanqaku: 5

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESITHATHU


**UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA UVAVANYO 1**
**Ukuphonononga
ibali ngomlomo
(Kuyaqhubeka)**

15 imiz

Imiboniso

- Hlola iqela lokuqala labafundi namhlanje. Qala ngabona bafundi bazithembileyo.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10
**IZANDI****Bhala izivakalisi**

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekisha umsebenzi kunye.

IPH 118


10 imiz

**UKUBHALA NGESANDLA****Unobumba omkhulu u-A**

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 110

10 imiz

**UKUFUNDA****Ukuphonononga isigama nolwimi**

15 imiz

Isigama (NYY iphepha le-102)

- Funda oonotsheluzi beveki ephelileyo:

umhlangala	ihagu yasendle	inkubabulongwe	esimdaka	ezintle
------------	----------------	----------------	----------	---------

- Abafundi bajonga umsebenzi wesigama weveki ephelileyo kwiNYY, benze izilungiso.

Umsebenzi wezivakalisi (NYY iphepha le-106)

- Bhala isivakalisi esichanekileyo ebhodini. Abafundi bayajonga.
- Abafundi bafundela iqabane izivakalisi zabo.

**UKUBHALA****Uhlanganiso nesiNgesi****Isigama**

- Thetha ngendlela abizwa ngayo amagama oonotsheluzi ngesiNgesi.

Isivakalisi

- Xoxani ngendlela esivakaliswa ngayo isivakalisi ngesiNgesi.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.
- Jongani umsebenzi nize niwukorekisha niyiklasi.

IPH 119

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Isahluko 2: UDYakalashe neNgonyama

IPH 120
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukunciphisa, Ukusebenzisa kwakhona, Ukurisayikilisha

Funda nize nixoxe

- **Jonga amagama angasekhohlo.** Athetha ukuthini? Yintoni afana ngayo? Yintoni umahluko?
- **Jonga ingxelo.** Ngowuphi umfanekiso ohambelana neliphi igama.

Cinga, ngababini, Yabelanani

- Ucinga ukuba ingxelo nganye kumele ibe phi?

Bhala

- Tshatisa ingxelo namagama.

IPH 121
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA UVAVANYO 1

Umdlalo wamaqela

Lungisa

- Xoxani ngedayorama (*dioramas*) eyenziwe ngabafundi kumsebenzi wobuGcisa obubonwayo.
- Chaza ukuba idayorama yayingumboniso (iindawo emfutshane) webali elide, elinezenzo ezininzi ezinomfutho nencoko.

Amaqela

- Ngamaqela, abafundi baphonononga amabali abo.
- Banikana imisebenzi baze balinganise umdlalo bebalisa ibali lonke.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-147
Amanqaku: 5

30 imiz



EZEMITHAMBO Izipitshi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezipitshi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

lintetho

- Hlola iqela elilandelayo labafundi.

Ukuphonononga ibali ngomlomo (Kuyaqhubeka)

15 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekisha umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-Q

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 110

10 imiz



IPH 122

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda isicatshulwa kunye nabafundi

- Abafundi basebenzisa ipensile "ukushunqula" itekisi ibe ngamabinzana amafutshane phambi kokufunda. Umzekelo: Kwakukho isigebenga/esasityale iitumato/kwifama yaso/sizithengise/emariken/elalini.

Ukunda ngababini

- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa benikana amathuba.


- Jonga/beka ixesha lokufunda (1 umz emnye). Bhala inani lemigca efundiweyo.
- Phinda

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufunda emakhaya.

IPH 123

15 imiz



UKUBHALA NOTITSHALA

Ukuphonononga ibali

15 imiz

- Uphononongo lwebali luxelela abantu malunga nebali olifundileyo okanye olivileyo, neengcinga zakho malunga nalo.
- Funda nize nixoxe ngesihloko ngasinye.
- Bhala imizekelo kunye nabafundi.
 - Isihloko nombhali:** Esona sigebenga esinobubele, Funda Wande
 - Isishwankathelo:** Ibali limalunga nesigebenga esanikezela ngempahla yaso entle kwizilwanyana.
 - Uluvo:** Ndiyalithanda kuba imifanekiso yalo iyahlekisa. Ndiyasithanda nesiphelo sebali.
- Jonga:** izihloko nezihlokwana, ikholoni, ixesha langoku, isishwankathelo sebali esibhalwe kakuhle, uluvo oluxhasiweyo.

Ukuphonononga ibali

- Isihloko nombhali
- Isishwankathelo (I-2 izivakalisi: Ngubani osebalini? Kwenzeka ntoni?)
- Izimvo



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Isahluko 3: UDYakalashe neNgonyama

IPH 124
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

- Itshati yeYFF (iphepha lama-95)**
- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzi welwimi ezimbini wegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

Nciphisa

1. Ukusebenzisa izinto ezisetyenziswe kanye ezimbalwa.
2. Ukusebenzisa ibhegi yokuthenga onayo.
3. Ukuthenga ibhegi entsha rhoqo usiya evenkileni.

Sebenzisa kwakhona

1. Ukunikezela ngeempahla ezincinci komnye umntu.
2. Ukusebenzisa into amaxesha amaninzi.
3. Ukusoloko uthenga izinto ezintsha endaweni yokusebenzisa ezi usele unazo.

Ukurisayikilisha

1. Ukujika inkunkuma ibe yenye into.
2. Ukuthumela inkukuma etipini.
3. Ukwenza into entsha ngenkunkuma.

Uhlanganiso nesiNgesi: *reduce* (ukunciphisa), *reuse* (ukusebenzisa kwakhona), *recycle* (ukurisayikilisha)



EZOBUGCISA BEQONGA UVAVANYO

Umdlalo wamaqela (Uyaqhubeka)

Linganisa

- Iqela ngalinye libonisa iklasi umdlalo walo.

Vavanya

- Khuthaza ukuba abafundi banike ingxelo ekhuthazayo kwabanye xa begqiba ukulinganisa.
- Phawula ngabalinganiswa, incoko kunye nezenzo.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-148
Amanqaku: 5

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHU NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveri

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enye ibinika umdla oyifundileyo kule veki. Cinga ngokuvisa kabuhlungu (njengesigebenga). Wakhe wava kabuhlungu? Wakhe wavisa omnye kabuhlungu?. Walucela uxolo?
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Yintoni oyenze kakuhle kule veki? Yintoni oza kuyenza ngokwahlukileyo kwiveki ezayo?



IZANDI

Ubizelo

- Landela inkqubo yobizelo ekwiphepha lesi-8.
- **Amagama:** **umtshayelo** no-**amaqanda**
- **Isivakalisi:** **Usisi uphethe umtshayelo utshayela amaqanda awophukileyo.**

IPH 125

10 imiz

UMHLA

Fundela iqabane lakho la magama ngamazulu omnye.

nje	kangaka	iqhoshu	izimo	umva
gqi	isandla	yatsha	luma	nguye
xhuma	qhekeza	umala	edolophini	dlula
amantzi	amandla	wahleka	abantwana	mhle
nceda	ibanga	umlinga	idesika	xuba
nzima	badwa	ugqiba	utshala	umvundla
afanayo	ibhere	ngokuva	ucanga	ubhuli
kakhulu	nanti	mhlapha	yeka	ngama

Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____

IVEKI YESI-6 • LWESIHLANU • 125




UKUBHALA NGESANDLA

Ukubethelele ukubhala oonobumba abakhulu b O A Q

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 110

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz

Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpindulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngesicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba akhona amangaku ayinyani amatsha owafundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.



UKUBHALA WEDWA

Ukuphonononga ibali

15 imiz

- Abafundi babhala uphononongo lwabo lwebali elithi, *Esona sigebenga esinobubele*.
- **Jonga:** amagama, izimvo azahlukileyo kwezo zomsebenzi wokubhala notitshala, isihloko nezihlokwana, ikholoni, ixesha langoku, isishwankathelo seballi esibhalwe kakuhle, uluvo oluxhasiweyo.

Ukuphonononga ibali

1. Isihloko nombhali
2. Isishwankathelo (1–2 izivakalisi. Ngubani osebalini? Kwenzeka ntoni?)
3. Izimvo (Uthande ntoni okanye uqaphele ntoni?)



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Isahluko 4: UDYakalashe neNgonyama

IPH 126
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi
yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi yeveki ephelileyo kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lomsebenzi 29, iphepha lama-58 nelama-59.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-121.

30 imiz



EZEMITHAMBO UVAVANYO 1 Umdlalo

- Lungiselela umdlalo webhola olula ube nemithetho ecacileyo, umzekelo: ujikeleza
- Cacisa imithetho yomdlalo.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amabini.
- Mabadlale umdlalo. Jonga uze ubhale phantsi.

25 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-149
Amanqaku: 5

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncdo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-7



Ukutya ngokusempilweni

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuxoxa ngokutya okunazo zonke izakha mzimba baqonde umzobo wephiramidi yokutya.
- Kukwazi nzulu ngokwahlula nangokuhlela ukutya.
- Kufunda baze baphendule ngebali elingemvelaphi.
- Kubhala uphononongo lwebali.
- Kufunda uluhlu lwezicatshulwa malunga nabapheki baseMzantsi Afrika.
- Kusebenzisa iimpawu zolwimi ezihambelana nokhetho lokutya (iikoma).

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

Isigama solwimi	ukunyoluka	isidalwa	ubuyatha	ukukholiseka/ukuba nombulelo	umpheki
Isigama seZakhono zoBomi	iziqhamo	iikhabhohayidrethi	iiprotheni		
	fruit	carbohydrate	protein		

Isivakalisi

Yayisesona sidlo sangokuhlwa asithandayo uKumkani. Yayiyinyama yenkukhu, iitshipsi kunye nesuphu yemifuno.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha eliyi-A4, ipensile kunye neekhrayoni zemisebenzi yezobuGcisa obubonwayo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethekileyo yeZemithambo
- Iincwadi zabafundi zomsebenzi


UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Isigama (Lwesithathu); Izivakalisi (Lwesine); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu); Ukubhala (amanqaku/ulwazi oluyinyani); Ukubhala ngesandla; ingqiqo, Umsebenzi wesigama nolwimi, Amaphepha oLwazi olusisiseko

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Lwesibini-Lwesine (Luyaqhubeka ukusuka kwiveki yesi-6)	Ukuphulaphula Nokuthetha 1: Ukuphonononga ibali	IORALI	NT amaph 102, 104, 106
Lwesibini	Izandi 1: Bhala izandi	NYI iph 139	NT iph 102
Lwesibini	Ukufunda 1: Ingqiqo	NYI iph 140	NT iph 102
Lwesini-Lwesihlanu	Ezemithambo 2: Isingqi nokusebenzisana kwamalungu	OWENZIWAYO	NT iph 103, 105, 107, 109
Lwesithathu	ULwazi olusisiseko 1: Ukutya okunazo zonke izakha mzimba	NYI iph 146	NT iph 105

Ukutya okunika zonke izakha mzimba



Esi sicatshulwa esiyonyani, siyintshayelelo yomxholo weZakhono zoBomi wokutya ngokusempilweni. Utitshala uyasifunda ngoMvulo (Jonga iNT, iphepha le-100). Inxulumana nemifanekiso ekwiNYY, iphepha le-137. Abafundi banokujonga imifanekiso kwiNYY zabo njengoko ufunda.


Sonke sinako ukutya esikuthanda kakhulu. Kokuphi okona kutya ukuthandayo?

Ukuze ubesempilweni, kumele sitye ukutya okunazo zonke izakha mzimba. Oku kuthetha ukuthi kumele sitye umlinganiselo onguwo wokutya okwahlukileyo.

Xa sisenza njalo, sifumana zonke izakha mzimba ezifunwa ngumzimba wethu.

Mahlanu amaqela okutya angundoqo. Ukutya okwiqela ngalinye luyelelene ngendlela okusinceda ngayo. Amaqela okutya angundoqo ngala:

- **Iziqhamo nemifuno**
- **Iiprotheni** ezinje ngenyama, intlanzi, amandongomane kunye neemboty
- **Iikhabhohayidrethi** ezinje ngesonka, iitapile, iphasta, irayisi kunye nomilimili
- **Iimveliso zobisi** ezinje ngobisi, amasi, iyogathi kunye netshizi
- **Iioli namafutha** ezinje ngemajarini, ibhotolo, ioli yokupheka kunye nemayoneyzi



Zisinceda njani iziqhamo nemifuno sihlale sisempilweni?

Iziqhamo nemifuno zizele zivithamini kunye neeminerale, ezinceda ukusigcina sisempilweni. Zikwanayo nefayibha, esinceda siye ngasese rhoqo. Masizame ukutya iziqhamo nemifuno ntsuku zonke.

Zisinceda njani iiprotheni sihlale sisempilweni?

Iiprotheni zisinceda ukwakha izihlunu nokuba sikhule. Zikwanceda nemizimba yethu izimilele xa sithe sonzakala. Oku kutya kunayo neayoni kwaye kugcina igazi lethu lisempilweni. Kufanele sitye imilinganiselo emibini yeprotheni ngosuku.

Zisinceda njani iikhabhohayidrethi sihlale sisempilweni?

Iikhabhohayidrethi zinika imizimba yethu amandla. Zikwasinika nefayibha, esinceda siye ngasese rhoqo. Kumele sitye iikhabhohayidrethi yonke imihla.

Zisinceda njani imveliso zobisi sihlale sisempilweni?

Ukutya okuveliswe ngobisi kunekhalsiyam eninzi. Ikhalsiyam yiminerale egcina amazinyo namathambo esempilweni.

Kumele utye imveliso zobisi kabini ubuncinane ngosuku.

Zisinceda njani iioli namafutha sihlale sisempilweni?

Iioli namafutha nazo zisinika amandla, ze zisincede ukuzigcina sifudumele. Akumelanga ukutya kakhulu amafutha neoli.

Ukutya okunazo zonke izakha mzimba, yitya ukutya okuxubeneyo nawo onke amaqela okutya ahlukileyo yonke imihla. Siza kufunda ngakumbi ngamaqela okutya kule veki.

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulanani ngobubele.
- **Yabelana:**
 - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.

- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo

- Xelela abafundi ukuba uza kuqhubeka novavanyo ukusukela ngomso, uze ucele abafundi abambalwa ukuba babonise uphononongo lwabo lwebali eklasini ngosuku ngalinye.



IZANDI

Tshatisa umfanekiso negama

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 135

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-D

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 134

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

NT
IPH 99

15 imiz

Phambi kokufunda


- Yazisa umxholo wokutya ngokusempilweni. Yintoni osayikhumbulayo malunga nokutya okusempilweni obuyifunde kwibanga lesi-2?
- Nika injongo yokumamela: Ngawaphi amaqela okutya ohlukileyo enza ukutya okunazo zonke izakha mzimba.

Fundela abafundi ibali

Emva kokufunda

- Mangaphi amaqela okutya akhoyo? Ngawaphi?
- Chaza uhlobo lokutya olunye kwiqela ngalinye.


- Cinga malunga nemenyu yezidlo zabantwana zasesikolweni. Leliphi iqela lokutya esilutya esikolweni ngeMivulo?
- Ingaba kuthetha ukuba yitya kakhulu kwiqela elinye lokutya okunazo zonke izakha mzimba okanye ukutya okuxubeneyo kwamaqela okutya awohlukileyo?
- Ucinga ukuba utya ukutya okunazo zonke izakha mzimba?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

30 imiz

UMHLA

Funda izzivakalisi

Ukumkani osisityebi ungumbi elizele bubuncwane begolide.

UNoludele yintwazana ethandekayo kuba unobubele.

Sive ngaye sele encwina zintlungu.

Beza bethwele amapheyile amanzi entloko.

Utato ubize umtywini aze kutywina impompo evuzayo.

Kutheni le nto ethandwa uNoludele?

136 • IVEKI YESI-7 • MVULO



Amagela okutya

- Yintoni osayikhumbulayo malunga nokutya okusempilweni obuyifunde kwibanga lesi-2?

- **Cinga:** Yintoni esinokuzama ukuyitya mihla yonke?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana:** kunye neklasi.

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukuyifunda malunga nokutya okusempilweni kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bazikhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

30 imiz



UMHLA

Amagela okutya







Inta endigayayo



Inta endifuno ukuyisi



Inta endigayayo






Iziki yesi-7

Iziki yesi-8

IZIKI YESI-7 • MYULO • IZI



Ungqinelwano kwezobugcisa

- Khumbuza abafundi malunga nolingano-macala (Iveki yoku-1).
- Thethani ngendlela imifanekiso yolingano-macala efana twatse ngayo macala omabini omqca wolingano.

- Jongisisa imifanekiso emibini.

- Thethani ngendlela umfanekiso ongalungelelananga okhangeleka ngathi awugqitywanga.
- Xelesa abafundi ukuba umfanekiso olungelelaneyo kufuneka ulingane macala, nokuba amacala amabini awafani.

- Phendula imibuzo ekwiNYY.
- Gqibezela umzobo.

30 imiz

UMHLA

Ungqinelwano kwezobugcisa

Yintoni umahluko phakathi kwale mfanekiso mibini?

Umfanekiso woku-1

Umfanekiso wesi-2

Kumfanekiso woku-1, onke ama-apile a _____.

Kumfanekiso wesi-2, ama-apile a _____.

Umfanekiso woku-1 awulungelanelanga. Umfanekiso wesi-2 ulungelile.

Gqibezela la mfanekiso ukuze ulungelane.

130 • IVEKI YESI-7 • MVULO



Intshayelelo

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lama-25 yeveki, kwenze oku kube sisitishi sokuqala esizakuhlolwa

- Ukutsiba ugqaphu ningamaqela amathathu
- Ukutsiba ugqaphu wedwa uphinde kabini
- Ukutsiba ugqaphu wedwa kanye ubaleka

- Landela inkqubo yokwazisa izitishi zemisebenzi yezemithambo ekwiphepha lama-24.
- Uza kuhlola ikota yenani labafundi kwisitishi sokuqala ngosuku ngalinye, ukusukela ngoLwesbini ukuya ngoLwesihlanu.

25 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-149
Amanqaku: 5

LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

15 imiz

Ukuphonononga ibali ngomlomo (kuyaqhubeka)

lintetho

- Hlola iqela elilandeleyo labafundi.
- Kungafuneka uphinde ubhale isiqalo zezivakalisi ebhodini, uze ukhumbuze abafundi indlela yokukorekisha.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10

Uphononongo lwebali

Ndikhumbula ibali elalisithi ... Malunga ...
(1–2 izivakalisi)
Ndalithanda/zange ndilithande ibali kuba ...



IZANDI UVAVANYO

Bhala izandi

Bhala izandi

- Biza izandi ezintlanu. Izandi: **ndi nqw tyw ngc ntw**
- Abafundi babhala izandi kwizithuba ezishiyiweyo kwiNYY.

Fakela oonobumba abashiyiweyo

- Abafundi bagqibezela amagama ngokufakela oonobumba abashiyiweyo.

IPH 139

10 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-139
Amanqaku: 10




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-ly

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 134

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Phambi kokufunda

- Funda ze nixoxe ngokufutshane ngesihloko.
- Cacisa: Eli bali **libali elingemvelaphi** (ibali elalibhalwe kudala, apho abantu babecinga ukuba kukho izithixo ezininzi).
- Nika injongo yokufunda: Masibone ukuba uKumkani uMidasi wayeyiKumkani elungileyo okanye engalunganga.

Ingqiqo

Ukufunda notitshala

- Funda ibali **kunye** nabafundi.
- Yima ucacise nawaphi na amagama amatsha okanye umxholo.
- Khetha abafundi abambalwa abaza kuphendula imibuzo yengxoxo esekupheleni kwephepha ngalinye.

Emva kokufunda

- Watshintsha njani uKumkani uMidasi?
- Yintoni eyabangela atshintshe?

IPH 128–133

15 imiz



UKUFUNDA UVAVANYO 1

Ingqiqo

Funda imibuzo kube kanye


- Xelela abafundi ukuba lomsebenzi ngowavavanyo.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 140

10 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Ukutya ngaphandle kwekhaya*

WA

IPH 141

30 imiz



Ukuthya ngaphandle kwekhaya



EMtshata Afrika zinin' indawo onokuthenga kuzo ukuthya okuthile kuphela.

Ngamanye amaphesha unokubona abantu behlangisa ukuthya abafushane ezoloni kwenkulule. Ungabona ezoloni, ngama ayigunya okanye amagunya.

Kwinkwenkwe ezithengisa ukuthya okufushanekeziya ofhenja kwakhothuzela. Ungamthenga amagunya okuthile, uthenga okanye uthenga ephuzi kwenzima zezwekile. Kakhulu nezinga ekuhlaleni kuzo, apha ukuba phantsi unokuba iweyitha ithotho idolile ukuthya.

Ukuthya kwenziwa kwakhethi, loluhlo. Ungathi nguye othethi ngaye kwakho laphesha. Amanye abafushane bahlala kuMntshata Afrika bebongabongabona abantu abantu.





1. Chaza imisebenzi emibini eyenziwa kwindawo ekuhlaleni kuzo?

2. Kakhulu ukuthya okufushane ezitholweni owahle wokuqonda?

DIKEI YESI 7 • IMISEBENZI • 14



Iphiramidi yokutya

- Sebenzisa amazobo nombhalo ukunceda abafundi ukuchonga (bachaze amagama) amaqela okutya ohlukileyo.
- Funda iileyibhile nize nixoxe ngeentlobo zokutya, kusinceda njani, nangendlela emasikutye ngayo.

- **Cinga:** Kokuphi ukutya okufanele kube kumgca ngamnye kwiphiramidi?
- **Ngababini:** Cacisela iqabane lakho.
- **Yabelana** kunye neklasi.

- Abafundi bazoba ukutya kwimigca efanelekileyo kwiphiramidi yokutya.

IPH 142

30 imiz



Iphiramidi yokutya

Ukubhala beethuba kwenkameli igelantzi busizobona ukuba kokona kutya okumele ukutya kokhulu.

Zoba ukutya okufanelekileyo kwisithuba ngesinye.



Amaphambiliwe
awazi namanyano

Isithombe sokuba ukutya okufanelekileyo kwezemidlalo

Imveliso sokuba ukutya okufanelekileyo kwezemidlalo

Isithombe sokuba ukutya okufanelekileyo kwezemidlalo

Isithombe sokuba ukutya okufanelekileyo kwezemidlalo

Isithombe sokuba ukutya okufanelekileyo kwezemidlalo

1 ukutya ngokukhulu

2 ukutya ngokukhulu

3 ukutya ngokukhulu

4 ukutya ngokukhulu

5 ukutya ngokukhulu

142 - IVEKI YESI-7 - IWESEBIZI




Zoba umfanekiso onolingano-macala

- Abafundi bathetha ngeendidi zezighamo abathanda ukuzitya.

- Abafundi bazoba umfanekiso olula wesitya okanye ipleyiti embindini wephepha.
- Bongeza iintlobo ntlobo zeziqhamo kumzobo wabo ukuqinisekisa ukuba imifanekiso yabo ihleli ilungelelene.

Gcina izinto zikhuselekile, niza kugqibezela kwiveki ezayo.

30 imiz

A vibrant, hand-drawn illustration of a variety of fresh fruits and vegetables. In the foreground, a wooden crate with horizontal slats holds several items: two bright yellow bananas, a bunch of green grapes, a red apple, an orange, and a pinkish-red fruit. Behind the crate, more produce is visible, including green leafy vegetables and a small black object. The background is a solid light blue, and the entire image is framed by a white border.

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.
- Jonga abafundi kwisitishi sokuqala uze ubahlole.

LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

Ukuphonononga ibali ngomlomo (kuyaqhubeka)

lintetho

- Hlola iqela elilandeyo labafundi.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10

15 imiz



IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 143

10 imiz

UMHLA

Gqibezela izivakalisi ngegama elifanelekileyo.

utywala: izindlu utywina
umendlebe uyancwina ingcuka
kutshata inqwelomoya

- Umntyazini umbhahla
wempompa avuzayo.
- Usana lunqwenela ukukhela
- Umvundla ezintle ezinde.
- Utshala wethu amtha uza
- Bangangazela kukayika bakubona
- Ufama usila utywala.

IVEKI YESI-7 • LWESITHATHU • 143




UKUBHALA NGESANDLA

Unobumba omkhulu u-*l*

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 134

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

Amagama esigama

- Bonisa uze ufunde amagama esigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi:

ukunyoluka	isidalwa	ubuyatha	ukukholiseka/ukuba nombulelo	umpheki
------------	----------	----------	------------------------------	---------

Ukufunda notitshala

- Funda kwakhona isicatshulwa **kunye** nabafundi.
- Ukukhangela igama:** Njengoko ufunda abafundi bachonga amagama esigama kwiNYY. Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama elitsha ngalinye okanye balibiyele.
- Yiba negama libelinye kumgca ngamnye. Abafundi emgceni ngamnye mabacinge ngesivakalisi abaza kusithetha besebenzisa igama elo. Mamela umfundi omnye kumgca ngamnye.

Abafundi bahlela oonotsheluzi ngokwealfabhethi.

IPH 128-133

15 imiz

UKumkani uMidasi

Kudibata kwakuba linye sekumkani ngokuba ngokuba ngokumkani uMidasi. Yawutye sendaba kwizwe jikelele. UKumkani uMidasi wayethanda izinto ezine. Wayethanda umntwana wakhe ekuphela kwakhe ukuphila. Wayethanda amasheko akhe ukutya. Wayethanda igadi yakhe, kwaye wayethanda negolide. Naluvazi ukumkani ukuba igadi yingamnye nta ngokuthanga kuzo zonke. Wayenamagumbi amagumbi azele yigolide. Wayenengingqi zegolide, imali ezinkozo yegolide, ubucwebe begolide - nayo nantoni na eyenziwe negolide. Nangona wayenabantu amnye, igadi ethandakayo, esitya ukutya okumkani mihla yonke, wayengamabanga kuba wayenayifuma ngokuthi igadi!

Ucinga ukuba ukumkani kumele abe wonwabile? Ngoba?

128 • IVEKI YESI-7 • LWESITHATHU



UKUBHALA

Isigama

IOrali

- Jonga umsebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala ekwiNYY. Jonga uze ukorekise.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Bonisa oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.

IPH 144

15 imiz

UMHLA

Isigama

ukutshata isidalwa
ukukholiseka/ukuba nombulelo ubuyatha umpheki

Tshatsha igama kunye nentsingiselo.

ukutshata	ubudenge
isidalwa	ukuba nombulelo
ubuyatha	ukunganelisi/ukubona
umpheki	into ephilayo
ukukholiseka/ukuba nombulelo	umntu oqeqeshelwe ukutshata

Bhala amagama akwintshayibhili engentla ahlandelane ngokwealfabhethi.

144 • IVEKI YESI-7 • LWESITHATHU



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *USiba – umpheki waseMzantsi Afrika*

IPH 145
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO UVAVANYO 1

Ukutya okunazo zonke izakha mzimba

Funda nize nixoxe

- Xoxa ngefomathi yemibuzo.:
- Iileyibhile
- Ukhetho lwemibuzo
- Iimpendulo ezinde

Ukubhala notitshala

- Abafundi bephendula imibuzo ekwiNYY.

IPH 146
30 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-146
Amanqaku: 15



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukuzifudumeza

- Ngababini, abafundi bayaxelelana ngokutya abakuthandayo.

Ukudlala umdlalo

- Abafundi bahlala kwisangqa. Baqalise isingqi sokuqhwaba, umz. Babetha emathangeni kabini ze baqhwabe izandla.
- Xa isingqi siyondelelene, baqhwaba ze babize igama lokutya okuqala ngo-'a,' umz. apile.

Umdlalo wesangqa: ialfabethi yokutya

- Amagama alandelayo okutya aqala ngo-'b,' umz. bhanana.
- Qhubeka ujikeleze isangqa uqhwaba ubiza amagama okutya aqala ngoonobumba bealfabethi.

Ukuzipholisa

- Abafundi balala ngomqolo bephfumlela ngaphakathi nangaphandle, benombono wokutya okumnandi njengenkuthazo.

30 imiz



EZEMITHAMBO UVAVANYO 2

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.
- Jonga abafundi kwisitishi sokuqala uze ubahlole.

25 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-149
Amanqaku: 5

LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 1

Ukuphonononga ibali ngomlomo (kuyaqhubeka)

Iintetho

- Hlola iqela elilandelayo labafundi.

15 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 10




IZANDI

Bhala isivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ebezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekisha umsebenzi kunye.

IPH 147

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Oonobumba abakhulu u-X no-Z

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 134

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

Yazisa isivakalisi

- Bhala izivakalisi ezimbini ebhodini.
- Funda izivakalisi ngokucotha nabafundi.
- Abafundi bafumana ze bakrwele umgca ngaphantsi kwezivakalisi ebalini.

Sebenza ngezivakalisi

- Chonga omnye umsebenzi **weekoma** (ukwahlula izinto kuluhlu).
- Hlaziya ukubaluleka kokuqaphela iziphumlisi njengoba ufunda ngokuvakalayo (kusinceda sifunde ngokutyibilika nangengqiqo).

- Hlaziya: Wenza ntoni xa ufika kwisingxi? (*phfumla*)
- Hlaziya: Wenza ntoni xa ufika kwikoma? (*phumla kancinci*)
- Thatha ingqalelo kwizimnini kuKumkani.
- Hlaziya igama isibizo. Chonga izibizo (*uKumkani, isidlo, inkukhu, iitshipsi, isuphu*).

15 imiz

Yayisesona sidlo sangokuhlwa asithandayo uKumkani. Yayiyinyama yenkukhu, iitshipsi kunye nesuphu yemifuno.



UKUBHALA

Ulwimi

Bhala

- Gqibezela izivakalisi ezinezikhewu ngomlomo.
- Abafundi babhala izivakalisi zabo, besenza ngathi zezikaNogolide (basebenzisa umfanekiso-ngqondweni) kunye.

Ngabanye

- Gqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Abanye abafundi bafundela iqabane izivakalisi ngokuvakalayo.

IPH 148

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** UReuben Riffel – umpheki waseMzantsi Afrika

IPH 149

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Itshati yeYFF (iphepha le-179)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ukuphonononga umxholo

Ubhontsi phezu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzi welwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

30 imiz

iziqhamo nemifuno

1. Kumele utye imilinganiselo emihlanu ntsuku zonke.
2. Zineevithamini kunye neefayibha.
3. Azikho sempilweni.

iikhabhohayidrethi

1. Zisinika Amandla.
2. Azikho sempilweni.
3. Umbona yikhabhohayidrethi.

iiprotheni

1. Aziwalungelanga amazinyo ethu.
2. Inyama yenkukhu yiprotheni.
3. Iprotheni inceda izihlunu zikhule.

Uhlanganiso nesiNgesi: *fruit and vegetables* (iziqhamo nemifuno), *carbohydrate* (iikhabhohayidrethi), *protein* (iiprotheni)



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukuzifudumeza

- Cela abafundi bavale amehlo bamamele izandi ezibangqongileyo.
- Yabelana neqela.

Ukudlala umdlalo

- Abafundi bahlala kwisangqa bevale amehlo.
- Biza indawo, umz. ekhitshini ngexesha lesidlo sakusasa.
- Bacele bacinge ngathi balapho, baze babize oko bakuvayo".


Ukuqaphela izivo

- Phinda "ngezinye iindawo, umz. Kwimarike yeziqhamo nemifuno, kwirenti yeteksi, ixesha lesidlo esikolweni, njl. njl.

UKuzipholisa

- Abafundibalala ngomqolo bephefumlela ngaphakathi nangaphandle, besenza umfanekiso-ngqondweni wesiqhamo okanye umfundo abawuthandayo ukubakhuthaza.

30 imiz



EZEMITHAMBO UVAVANYO 2

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.
- Jonga abafundi kwisitishi sokuqala uze ubahlole.

25 imiz



Ukukorekisha:

Jonga iph le-149

Amanqaku: 5

LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** thetha ngento enye ibinika umdla oyifundileyo kule veki
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** UKumkani uMidasi waba nombulelo omkhulu. Yintoni onombulelo ngayo wena namhlanje? Unganombulelo ngakumbi ngani wena kwiveki ezayo?

15 imiz




IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela inkqubo yokufunda amagama ngexesha ekwiphepha lesi-8.

IPH 150

15 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Ukubhethela oonobumba abakhulu u-D & X

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 134

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** ikhosi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.


Xoxani ngesicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha oluyinyani olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA WEDWA

Ukuphonononga Ibali

- Funda izihlokwana kuphononongo lwebali.
- Khumbuza abafundi ukuba ngaphambili besithethe **ngezimvo ngezihloko nangababhali**.
- Namhlanje siza kubhala isishwankathelo sebali.
 - **Kwisishwankathelo**, ufaka oko kubalulekileyo kuphela, umz. abalinganiswa, isiganeko esiphambili, isiphelo.
- **Khangela:** ixesha langoku, izivakalisi ezipheleleyo, amanqaku/ulwazi oluphambili, ukuxhasa uluvo.

Ukukorekisha

- Hamba-hamba eklasini ujonge. Thatha iincwadi uze ubhale/inike ingxelo yakho.

15 imiz

Uphononongo lwebali
Usihloko:
Umbhali:
Isishwankathelo:
 Eli bali limalunga ...
 (2–3 izivakalisi)
Uluvo:



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** UKatlego Mlambo – umpheki waseMzantsi Afrika

IPH 151

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lomsebenzi 18, iphepha lama-36 nelama-37.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-126.

30 imiz



EZEMITHAMBO UVAVANYO 2

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.
- Jonga abafundi kwisitishi sokuqala uze ubahlole.

25 imiz

Ukukorekisha:

Jonga iph le-149
Amanqaku: 5



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncedo.**
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki, ndazibona izifundo endingazigqibanga.**
- **ndiyijongisile incwadi yam, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.**

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.**
- **Lokufundisa umfundi ngamnye, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.**

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-8



Ukutya ngokusempilweni

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngokutya okutyiwa nangaliphi ixesha nangokutya okutyiwa ngamaxesha athile.
- Kuphanda ngeziphumo zokukhetha ukutya okungawalungelanga amazinyo
- Kuqonda indlela engcono yokukhetha ukutya okubalungeleyo.
- Kuthetha ngosona sidlo basithandayo nokutya abakukhethayo.
- Kumamela intsomi yaseAfrika emalunga nokwenza isuphu.
- Kufunda ngeentlobo ntlobo zokutya okutyiwa rhoqo.
- Kucwangcisa babhale uphononongo lwebali lovavanyo.
- Kusebenzisa iimpawu zolwimi ezihambelana nophononongo lwebali: izihloko, ixesha langoku, njl. njl.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi

Isigama solwimi	ukunyoluka	isidalwa	ubuyatha	ukukholiseka/ukuba nombulelo	umpheki
Isigama seZakhono zoBomi	ugqirha wamazinyo		ukubola	ukutywina	
	dentist		decay	filling	

Isivakalisi

Yayisesona sidlo sangokuhlwa asithandayo uKumkani. Yayiyinyama yenkukhu, iitshipsi kunye nesuphu yemifuno.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iphepha eliyi-A4, ipeyinti okanye iikhrayoni zezoBugcisa obubonwayo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zabafundi zomsebenzi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Umsebenzi wesigama nolwimi (Lwesithathu)

Olungekho sesikweni: Ubizelo, Ingqiqo, Ukuziqhelanisa notyibiliko, Imisebenzi yoLwazi olusisiseko

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni			
Mvulo–Lwesihlanu	Ukufunda 2: Ukufunda ngokuvakalayo	IORALI	NT amaph 113, 115, 117, 119, 121
Lwesibini	Ukuphulaphula nokuthetha 2: Ukumamela ngengqiqo	NYI iph 157	NT iph 114
Lwesithathu	Ulwazi olusisiseko 2: Ukwenza ukhetho olululo lokutya	NYI iph 163	NT iph 117
Lwesihlanu	Izandi 2: Ubizelo	NYI iph 167	NT iph 120
Lwesihlanu	Ukubhala ngesandla: 1: Ukubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu nabancinci	NYI iph 152	NT iph 120
Lwesihlanu	Ukubhala 2: Ukuphonononga ibali	OWENZIWAYO	NT iph 120

Isuphu yelitye



Umhambi onguMnu Z, wafika elalini. Wabona ukuba ucango lomzi ngamnye lwaluvalwe mba. Wankqonkqoza kwiminyango embalwa ebuza ukuba angatya nabo na isophoro, kodwa zange kubekho namnye ovulayo. Wabona ukuba ilali yayisele ilibele ngokwabelana.

Wahamba waya kumbindi welali wakhwaza ngelizwi elikhulu. "Yizani nizokufumana simahla isuphu yam yelitye! Isuphu yelitye kawonke wonke simahla!"

lingcango zavuleka nganye nganye, abantu bavelisa iintloko bekroba. "Yintoni isuphu yelitye?" babuza. UMnu Z wakhupha ilitye elikhulu elingwevu epokothweni yakhe. "Eli lilitye lomlingo. Ndizakulisebenzisa ukwenzela ilali isuphu yelitye."

Bonke abantu belali beza kubona isuphu yelitye.

Wabuza UMnu Z, "Ingaba ukhona onembiza enkulu endingayisebenzisa?"

Unolali wahamba wayokuthatha imbiza yakhe enkulu.

Ngoku, "Ingaba ukhona oneenkuni ukuqala umlilo?"

Omnye unolali wayokuthatha iinkuni.

"Ingaba ukhona onamanzi acocekileyo?"

Omnye unolali wayokukha amanzi empompeni.

Umnu Z wafaka ilitye embizeni enamanzi ebekwe emlilweni.

Waze wathi, "Ukhona oneminqathe embalwa ndongeze esuphini yelitye?"

Wakhona oza nayo.

Wacela:

... amatswele ambalwa?
... ithambo lenyama?
... amagqabi ekhaphetshu?
... ithanga elincinci?
... iitapile ezimbalwa?
... iimbotyi ezomisiweyo?
... intwana yetyuwa?

Nganye nganye, abantu belali beza nezinto zokugalela esuphini.

Bonke bahlala babukela isuphu iphuphumala ibila. Kungekudala uMnu Z wathi isuphu yelitye sele ilungile. Wakha icephe elizeleyo egalela kwisitya somntu ngamnye.

Baqalisa batya. "Isuphu yelitye engummangaliso. Iyisemnandi," watsho omnye unolali.

"Yeyona imnandi endakhe ndayingcamla," watsho omnye.

Bonke bavumelana.

Ekupheleni kobobusuku, uMnu Z wathi, "Ningalithatha ilitye lam lomlingo ukuze nenze isuphu yelitye kwakhona. Kodwa nindithembise ukuba niza kuyenza kunye. Nize nezinto zokudibanisa esuphini. Ukuba ningenza isuphu yelitye rhoqo ngeveki, ndiyanithembisa le lali iyakuba yindawo enobubele nelungileyo.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

lindaba

15 imiz



Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** ingaba unazo iindaba ezikhethhekileyo. Wenze ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Balisela iqabane lakho iindaba zakho. Phendulani ngobubele.

- **Yabelana:**

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.).



IZANDI

Ukuhlaziya u-njw, ntl no-tyw

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ebezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

IPH 153

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela ukubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 152

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Yintoni odla ngokuyigalela kwisuphu?
- Ucinga ukuba ungayenza isuphu ngelitye?
- Nika injongo yokumamela: Mamela ukuze ufamanise ukuba yenziwe njani isuphu ngelitye.


Fundela abafundi ibali.

Emva kokufunda

- Ingaba ilitye lalinomlingo? Yintoni eyenza ukuba isuphu ibemnandi?
- Ingaba uMnu Z wabaqhatha abantu belali? Ingaba wabaqhatha kakuhle?

NT
IPH 111


15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELWELEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.

15 imiz



Ukufunda wedwa (Iqela A)

- Iqela u-A liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Sebenzisa ibali lokufunda notitshala ebelifundwe kwiveki yokuqala. Uza kusebenzisa lona namaqela onke ukuqhubekeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- **Umsebenzi owenza wedwa:** Izivakalisi

IPH 154

30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi



Intle kakhulu imini yanamhlanje.

Intloko kaLiziso igcwele yinkwethu.

Yaba buhlungu intliziyozo kamama ngakubanjwa kukabhubhi.

Nabayo abantwana bentswayizozo isitalatweni.

Sambona uPhelo ethe tyulelele endleleni.








Wakwutheni ukuzo ibe buhlungu intliziyozo kamama?

154 • IVEKI YESI-8 • MVULO



Ukutya kwamaxesha onke nokwamaxesha athile

- **Cinga:** Cinga ngokutya okuthandayo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ukuba kuyinyani.
- **Yabelana** neklasi.

- Fundani kunye iphepha elikwiNYY.

- **Cinga:** Kutheni le nto kufuneka sitye ukutya okuthile ngamaxesha athile, ngelixa okanye singakutya nangaliphi na ixesha?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

IPH 155

30 imiz



Ukuthya kwamaxesha onke nokwamaxesha athile

Ukuthya kwamaxesha onke Oko kubizwa ngokuthya kwamaxesha onke. Ukuthya kungaba komaxesha, izintshushe, iziqhamo nemifuno, abele	Ukuthya kwamaxesha athile Oko kubizwa ngokuthya okungamaxesha ngamaxesha. Kungaba kuthya kwamaxesha onke.
	

Dlulisa okona kutya ukuthandayo okuthiya ngamaxesha onke.

Bhala isivakalisi uchaze ngendlela oliva ngayo xa uthe wathya ukuthya okusemphini.

DIKEI YESS - B
MVULO • 155



Isitya seziqhamo (siyaqhubeka)

- Abafundi bafakela ezinye iinkcukacha ezifana namagqabi, izinambuzane, njl. njl.
- Abafundi bafaka umbala emfanekisweni besebenzisa ipeyinti okanye iikhrayoni.

Gcina izinto zikhuselekile, niza kugqibezela ngomso.

30 imiz

A drawing of a woven basket filled with various fruits. The basket is filled with several yellow bananas, a bunch of green grapes, two red apples, and two orange fruits. The basket is placed on a surface of grey stones. The background is a solid light blue color.

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuba uvavanyo lokuphulaphula nokuthetha alugqitywanga, sebenzisa izifundo zokuphulaphula nokuthetha kule veki ukugqibezela.

Cinga, Ngababini, Yabelanani


- **Cinga:** Usakukhumbula okona kutya kukhethekileyo wakhe wakutya? Kwakukhethekile kuba wawukunye

Isidlo esikhethekileyo

15 imiz

nomntu okhethekileyo okanye yayingumcimbi okhethekileyo. Okanye kwakukhethekile kuba kwakumnandi kakhulu.

- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho malunga nesidlo esikhethekileyo, watya ntoni nokuba wawusitya nabani.
- **Yabelana** neklasi.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ebezifundiswe kwiBanga lesi-2
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekisha umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela ukubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 152

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

Ukufunda notitshala

- Funda amaphepha amabini ebali ubuncinane kunye nabafundi.
- Bonisa indlela yokufunda **ngotyibiliko nemvakalo** (qaphela iimpawu zokufunda, ubizo magama, imvakalelo, isantya esilungileyo).

Ukufunda ngababini

- Amaqabane afunda iphepha etshintshiselana, eziqhelanisa nokufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Mamela uze unike ingxelo njengoko uhamba-hamba eklasini, okanye usebenzise eli xesha njengexesha lokunceda umfundi ngamnye.

IPH 128-133

15 imiz



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA UVAVANYO 2

Ukumamela ngengqiqo

Le ngqiqo ihambelana nebali elifundwa ngokuvakalayo, *Isuphu yelitye*. Ngumsebenzi wokuvala izikhewu.

Xoxa ngomsebenzi

- Cacisa ukuba esi sisishwankathelo sebali.
- Khetha igama elichanekileyo kwisithuba ngasinye.
- Phawula amagama njengoko uwasebenzisa.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY

Jonga uze ulungise, ukuvumela iyantlakukwano kwisishwankathelo sebali.

Ukukorekisha:
Jonga iph le-138
Amanqaku: 5

IPH 157

15 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

-

- IPH 158**

30 imiz




IPH 159

30 imiz



30 imiz



25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Izimvo malunga nokutya

15 imiz


Cacisa

- Sithethe ngezimvo zakho malunga ngebali. Namhlanje siza kuthetha ngezimvo zakho ngokutya.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Ngokutya okuthandayo, nongakuthandiyo nokutya ongenangxaki nako.

- Ngababini:** Cacisela iqabane lakho ngezinto ozithandayo nongazithandiyo. Yitsho kutheni uzithanda/ungazithandi.
- Yabelana** neklasi.
- Hlomla ngezimvo ezivezwe kakuhle.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 160

10 imiz

UMHLA

Bhala izivakalisi

Bhala izivakalisi ezihlekisayo esi-5 ubuncinane, usebenzisa amagama akwibhala. Ungasebenzisa amagama ababini nangapheshezu kwizivakalisi. Amagama owasebenzisileyo uwabhala ngesipente enombala.

Intloka	Intloka	Iyona
Intloka	Intloka	Intloka
Intloka	Intloka	Intloka
Intloka	Intloka	Intloka
Intloka	Intloka	Intloka

160 • IVEKI YESI-8 • LWESITHATHU



UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela ukubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 152

10 imiz

LWESITHATHU

x	M	N	O	P	Q	R	S	T	U	V	W	X	Y	Z
x	R	S	T	U	V	W	X	Y	Z	M	N	O	P	Q



UKUFUNDA

Ukuphonononga Isigama nolwimi

15 imiz

Isigama (NYY iphepha le-144)

- Funda oonotsheluzi beveki ephelileyo:

ukunyoluka	isidalwa	ubuyatha	ukukholiseka/ ukuba nombulelo	umpheki
------------	----------	----------	----------------------------------	---------

- Abafundi bajonga umsebenzi wesigama weNYY weveki ephelileyo, baze benze izilungiso.

Umsebenzi wezivakalisi (NYY iphepha le-148)

- Bhala izivakalisi esichanekileyo ebhodini. Abafundi bayajonga.
- Abafundi bafundela iqabane izivakalisi zabo.

UMHLA

Isigama

ukunyoluka	isidalwa	ubuyatha	umpheki
ukukholiseka/ukuba nombulelo	isidalwa	ubuyatha	umpheki

Tshatsha igama kunge nentsingisela.

ukunyoluka	isidalwa	ubuyatha	umpheki
ukukholiseka/ukuba nombulelo	isidalwa	ubuyatha	umpheki

UMHLA

Umsebenzi wezivakalisi

Gqibezela izivakalisi usebenzisa la magama.

izithiphi	igqibezela	ethandwayo	imifano
izithiphi	igqibezela	ethandwayo	imifano

Yayizi isophora ngukumkani.
Yayizi isophora ngukumkani.
Yayizi isophora ngukumkani.



UKUBHALA

Uhlanganiso nesiNgesi

Isigama

- Thetha ngendlela abizwa ngayo amagama oonotsheluzi ngesiNgesi.

Isivakalisi

- Xoxani ngendlela ezivakaliswa ngayo izivakalisi eziphambili ngesiNgesi.

Bhala

- Gqibezela umsebenzi weNYY.
- Jongani nize nikorekise Umsebenzi niyiklasi.

IPH 161

15 imiz

UMHLA

Isigama nolwimi

Gqibezela le theyibhile.

Isigama	Intsingisela	Igama lesiNgesi
ukufuna kahulu	greedy	
into ephila	creature	
ubutenge	fruitful	
umntu oqagshelwe ukuphila	chief	
ukuba nombulelo	grateful	

Funda izivakalisi.
Yayisema sifo sangakuhlwa esisithandwa ngukumkani.
Sasigqibezela inkululeko, izithiphi kunye nesopho yemifano.

Bhala izivakalisi esinge ngesiNgesi.


IVEKI YESI-8 • LWESITHATHU • 161

Ukufunda wedwa (Iqela C)

- Iqela u-C liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Sebenzisa ibali lokufunda notitshala ebelifundwe kwiveki yokuqala. Uza kusebenzisa lona namaqela onke ukuqhubekeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.




- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Umbona*



Ukwenza ukhetho olululo

- Funda ibali kwakhona, **uSandile ufunda ukwenza ukhetho olululo** kunye neklasi.
- Fundela iklasi imibuzo. Khumbuza abafundi malunga neendidi ezahlukileyo zemibuzo.

- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiNYY.



Ukukorekisha:
Jonga iph le-146
Amanqaku: 15



Umdlalo weqela

- Yahlula ikhosi ibengamagela azizithathu okanye azizine.

- Funda ibali, **uSandile ufunda ukwenza ukhetho olululo.**
- Xoxani ngeemeko kunye nezenzo ezisebalini.

- Ngamagela, abafundi baziqhelanisa nesigendu esisebalini.



Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Lungiselela ukuphonononga ibali

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Khetha ibali olaziyo okanye obukhe walifunda, uze ubhale uphononongo ngalo. Kufuneka ibe libali olikhumbula kakuhle. **Mayingabi** libali ubukhe wabhala ngalo, kodwa **ingalilo** obukhe wathetha okanye weva ngalo kwisifundo sokuphulaphula nokuthetha. Uphononongo lwakho luza kuvavanywa.

- Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngeliphi ibali olikhethileyo, nokuba kutheni ulukhethile.
- Yabelana** neklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

15 imiz



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela ukubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.


IPH 164

10 imiz



IPH 152

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda isicatshulwa kunye nabafundi

- Abafundi basebenzisa iipensile zabo 'ukucutha' isicatshulwa sibe ngamabinzana amafutshane phambi kokufunda. Umzekelo: Khange ngoko/uNogolide omncinci/ weza ebaleka/wazokwanga uyise./"Musa ukundibamba Nogolide!"/wakhwaza./Kodwa kwakusele kusemva kwethuba!...

Ukufunda ngababini

- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa benikana amathuba.
- Beka ixesha lokufunda (1 umz ngamnye). Bhala inani lemigca efundiweyo.


- Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufundela iintsapho zabo emakhaya.

IPH 165

15 imiz



UKUBHALA

Lungiselela uvavanyo

Xoxani ngomsebenzi

- Yenza isicwangciso sokubhala, uze ubhale uphononongo lwebali lovavanyo.
- Ukucwangcisa:
 - Uza **kulishwankathela** njani ibali? Bhala amagama ambalwa okanye amabinzana umz, abantwana ababini, ihlathi, indlu eyenziwe ngeelekeke, isigebenga, ukubaleka, isifundo.
 - Cinga ngoluvo lwakho malunga nebali. Bhala amagama ambalwa okanye amabinzana, umz. ndilithandile/ andilithandanga, liyoyikisa, lindenze ndacinga ukuba ndingayithanda indlu yeelekeke, isiphelo esimnandi.
- Xa unesicwangciso, hlabha ezinye izimvo, uze uqalise uphononongo lwebali lakho. Uza kugqibezela ngomso.

15 imiz

Ukuphonononga ibali
Isihloko: uHani noLiza
Umbhali: Funda Wande
Isishwankathelo:
 Eli bali limalunga ...
 (2-3 izivakalisi)
Uluvo: (1-2 izivakalisi)



UVAVANYO LOKUFUNDA 2

Ukufunda wedwa (Iqela D)

Ukukorekisha:
Jonga iph le-140
Amanqaku: 10

- Iqela u-D liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Sebenzisa ibali lokufunda notitshala ebelifundwe kwiveki yokuqala. Uza kusebenzisa lona namaqela onke ukuqhubeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- Umsebenzi owenza wedwa:** *Irayisi*

IPH 166
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-137)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzi welwimi ezimbini zegama ngalinye, uze ubuze imibuzo.

ugqirha wamazinyo

- Ugqirha onceda amehlo.
- Ugqirha onceda amazinyo.
- Usebenzisa isipili ukujonga amazinyo.

ukubola

- Amazinyo awomeleleyo nasempilweni.
- Amazinyo anemingxuma.
- Amazinyo angababuhlungu.

ukutywina

- Into evala umngxuma ezinyweni.
- Into ekwenza uhluthe.
- Ugqirha wamazinyo ufaka into yokutywina amazinyo akho.

Uhlanganiso nesiNgesi: *dentist* (ugqirha wamazinyo), *decay* (ukubola), *filling* (ukutywina)



EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa

30 imiz

Linganisa

- Amaqela anikana amathuba okwenza iziqendu zemiboniso eklasini.

Vavanya

- Khuthaza ukuba abafundi banike ingxelo ekhuthazayo kwabanye xa begqiba ukulinganisa.
- Phawula ngesigama, iimvakalelo ezibonisiweyo kunye nezenzo.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enye ibinika umdla oyifundileyo kule veki.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Yintoni oza kuyenza ngokwahlukileyo kwiveki ezayo?

15 imiz



IZANDI UVAVANYO 2 Ubizelo

- Landela inkqubo yobizelo ekwiphepha lesi-8.

Amagama: **inqwelo** no-**ukuncwela**

Izivakalisi:

1. **Utata uthi abantwana kufuneka batye isidlo esisempilweni.**
2. **UThami ukhwele inqwelo ukuya kuthenga imifuno.**

IPH 167

10 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph le-139
Amanqaku: 5




UKUBHALA NGESANDLA UVAVANYO 1

Ukubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 152

10 imiz



Ukukorekisha: Jonga iph le-141
Amanqaku: 5



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya

ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngesicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha oluyinyani olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA UVAVANYO 2

Ukuphonononga ibali

- Abafundi basebenzisa izicwangciso zabo ukubhala uphononongo lwebali.

15 imiz

Ukuhlalutya ibali

Isihloko:

Umbhali:

Isishwankathelo: Eli bali

limalunga (2-3 izivakalisi)

Uluvo:

Ukukorekisha:
Jonga iph le-142
Amanqaku: 10



UVAVANYO LOKUFUNDA 2

Ukufunda wedwa (Iqela E)

Ukukorekisha:
Jonga iph le-140
Amanaku: 10

- Iqela u-E liza ngaphambili neeNYY zabo.
- Sebenzisa ibali lokufunda notitshala ebelifundwe kwiveki yokuqala. Uza kusebenzisa lona namaqela onke ukuqhubeka.
- Mamela umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo kwisicatshulwa ngomzuzu omnye.



- Umsebenzi owenza wedwa:** *Inggolowa*

IPH 168
30 imiz

UMHLA

Inggolowa

Inggolowa luhlobo lwengca olunembewu ethwayo. Inwenye yomphethu wemhlabo vidinywe umgqolweni ehlalwa kunye naseph ezingu isigalo. Kwifama ezinkulu, amantshini abakulu bakunina ababekwa ngokuba alizombine amantshini bakuba inggolowa bahlule imize kwiingolowa. Inggolowa ineebhuhayidrethi ezininzi, kodwa inaprotini eninzi kunobona okanye inqulu. Inkxaso zenggolowa kukuba ukutshala rhoqo ukwenza umgqol wasekela, isihakithi, isingeli (isigqo zakusasa ezisibhekisayo) ipasta kunye nekhukhushu (soufflé). Inggolowa neqela ukwenza okanye kunye namaphela amnzi. Abantu engabulungileyo inggolowa bangaphathwa kufutshane xa batha bayilwa.

1. Bulela isivuno esitywa rhoqo esineprotini eninzi: **umbono / inqulu / inggolowa**

2. Lithini igama lomantshini amkhulu osetyenziswa ukwenza inggolowa?

3. Ukuba ayikufutshane inggolowa, ingaba kumele uyike ukutshala?

168 • IVEKI YESI-8 • LWESIHLANU



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezela imisebenzi yabo.

Cqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lomsebenzi 19, ukutya ngokusempilweni, iphepha lama-38 nelama-39.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-129.

30 imiz

Ibanga lesi-3

IZAKHONO ZO BOMI ngesiXHOXA
Incwadi yoku-1
Icala 1 & 2

ISIXHOSA ULWIMI lwaseKHAYA
Incwadi yoku-1
Icala 1 & 2

basic education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA


Kule veki:

- Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncendo.
- Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncendo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo:

- Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.



Okunye malunga nezinambuzane

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kwazi ngcono malunga nezinambuzane.
- Kufunda ngakumbi ngezinambuzane ezingaqhelekanga nezinto ezingaqhelekanga eziyinyani ngazo.
- Kufunda bathethe ngentsingiselo yemibongo emithandathu.
- Kwenza umbongo eklasini beliqela.
- Kufunda imibhalo yedayari, baze babhale kwezabo idayari kangenethuba leveki.
- Kuchonga baziqhelanise neempawu zolwimi ezinxulumene nokubhala idayari. kuchonga ezinye iimpawu zedayari.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo

Isigama solwimi	ivesi	umbongo	idayari	umbhalo wedayari	ukuqwalasela
Isigama seZakhono zoBomi	isigcawu	ukutshiza	ukutyumza		
	spider	spray	squash		

Isivakalisi

Namhlanje kushushu kamnandi. Kukho nomoyana nje omncinci. Imozulu intle.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Qokelela inkunkuma engaphindwa isetyenziswe ecocekileyo, umzekelo, amaphepha okanye izistro (straws) zeplastiki, amaqokobhe amaphepha angasese, iibhokisi zamaqanda, iitoti zeyogathi, iziciko zebhotile, njl. njl. ipeyinti kunye/okanye neekhrayoni
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo
- Iincwadi zokubhala zabafundi

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekiske: Isigama (Lwesithathu); Izivakalisi (Lwesine); Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu)

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo (Lwesihlanu); Ukubhala (umbhalo wedayari); Ukubhala ngesandla; Ingqiqo(ukuphonononga umbongo); Umsebenzi wesigama nolwimi, Amaphepha oLwazi olusisiseko, Idayari yemihla ngemihla

UMandla nesigcawu esincinci esimnyama

Eli bali lihambelana nomxholo weZakhono zoBomi othi Izinambuzane.

UMandla wabukela isigcawu esincinci esimhlophe namnyama sinyuka udonga. Yayingesiso isigcawu esi senza indlu yesigcawu. Yayisisigcawu esitsibayo sinqakule izinambuzane. Isigcawu sabona impukane etyebileyo ihleli etafleni. Isigcawu sachwechwa sasondela kwimpukane. Saze sayitsibela impukane. "Tyhini!" watsho uMandla "Kanti esa sigcawu siyazingela."

Kwangena umama kaMandla. "Isigcawu!" watsho. "Mandiyokuthatha idum ndisitshize ndisibulale!"

"Hayi mama," watsho uMandla, "siyasinceda. Jonga sitya impukane ebihleli esonkeni sam esinejem. UGogo uthi iimpukane zizisa iintsholongwane ekutyeni kwethu ezibangela ukuba sigule."

"Yinyaniso leyo," watsho unina kaMandla. Babukela isigcawu.

"Ndifuna ukufumana enye impukane etyebileyo," satsho isigcawu, nangona uMandla nonina bengasiva. Babukela isigcawu esincinci silandela enye impukane. "Uyabona mama," watsho uMandla. "Siyazingela! Sifana nela hlosi sasilibone kumabonakude, lizingela imbabala!" Umama kaMandla waqhweba izandla. "Wena nalo mzingelana wakho!" watsho. "Kulungile ke, mayibambe iimpukane zibeninzi. Andikuthandi ukusebenzisa idum kakade. Ukuba idum iyityhefu kwizinambuzane, inokuba ayilunganga nakuthi."

Kuthe kusenjalo kwangena ubhuti kaMandla. Wabona uMandla nonina bebukele isigcawu. "Isigcawu!" watsho. "Mandisityumze!"

"Hayi, hayi, bhuti," watsho uMandla nonina ngaxeshanye. "Siyeke bhuti," watsho uMandla. "Sibulala iimpukane ezihlala ekutyeni kwethu, njengehlosi."


"Njengehlosi?" watsho ubhuti kaMandla. "Uligeza na ngoku Mandla?"

Umama wabo wahleka. "Yinyaniso," watsho. "Bukela. Sifana nehlosi elincinci elisincedayo."

Bonke bahlala babukela isigcawu. Isigcawu sabamba enye impukane. Saza kwakhona sanqakula ingcongconi.

"Hayibo!" watsho ubhuti kaMandla. "Ngase kuthi kanti yila ingcongconi ibindihlupha ubusuku bonke. Wenza kakuhle sigcawu esincinci. Yenza oku kwehlosi. Andisokuze ndiphinde ndikutyumze okanye usapho lwakho!" Watsho ngolona ncumo uMandla.

Isigcawu esincinci zange simve ubhuti kaMandla. Sasigqibezela ingcongconi yaso. "Ibimnandi!" satsho, nangona uMandla kunye nobhuti wakhe nonina babengasiva.



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

lindaba

15 imiz

Iidayari

- Phambi kweendaba zempelaveki, bacacisele ukuba baza kufunda babhale iidayari.
- Cacisa ukuba idayari kukubhala iziganeko, iingcinga, iimvakalelo nokuqwalaseleyo. Ingabhalwa ntsuku zonke, ngeveki okanye xa ufuna ukubhala.
- Baxebele ukuba sibhala kwidayari ukusinceda ukukhumbula okwenzekileyo nendlela esiziva ngayo ngamaxesha athile.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo zempelaveki, into onokuyibhala kwidayari?
- **Ngababini:** Balisela iqabane iindaba zakho.
- **Ukwabelana:**
 - Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
 - Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
 - Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto ekufuneka baze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.).



IZANDI

Ukuhlaziya izandi u-ch no-nc


- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.



IPH 177

10 imiz



IPH 176

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Wenza ntoni xa ubona impukane? Ingcongconi? Isigcawu?
- Nika injongo yokumamela: Mamela ukufumanisa ukuba zisinceda njani izigcawu kwezinye izinambuzane.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Isigcawu esincinci satya ntoni?
- Wayefuna ukusenza ntoni isigcawu umama kaMandla?
- Wayefuna ukwenza ntoni ubhuti wakhe?
- Kwakutheni ukuze uMandla abanqande bangasibulali isigcawu?
- Wayesifanisa nantoni isigcawu? Ngoba?
- Ingaba uza kuzikhathalela izigcawu ukusukela ngoku?


NT
IPH 123
15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala olongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-A kunye no-B
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Idayari yemihla ngemihla*

IPH 178
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Yazisa umxholo

- Wazi kangakanani ngezinambuzane nangezinye iigrogro? Ingaba uyafuna ukwazi ngakumbi?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngezinambuzane kunye nezinye iigrogro?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Ezinye izidalwa

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukuyifunda ngezinambuzane kunye nezinye iigrogro kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bazikhuphele kwiitshati zabo zeYFF.

IPH 179
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ubugcisa beegrogro

Malunga nemifanekiso eqingqiweyo

- Le mifanekiso mikhulu eqingqiweyo yesigcawu, iphela kunye neembovane zikudonga lweMyuziyam yasekwaZulu-Natali, eMgungundlovu.
- Ziqingqwe ngeglesi yefayibha (uhlobo lweplastiki olunokubunjwa, kwaye lomelele) kunye nentsimbi.
- Zaziyilelwe ukwenza abantu babe nomdla malunga neMyuziyam.

Ngababini

- Qwalasela imifanekiso yezidalwa.
- Phendula imibuzo ekwiNYY.

Ingxoxo yeklasi

- Masiyile igrogro enkulu sisebenzisa inkunkuma, efana neebhokisi, iibhokisi zamaqanda, iibhotile zeplastiki, iitoti zeyogathi, izitro ezindala, njl. njl.
- Zeziphi izidalwa esinokuzenza? Mingaphi imilenze? Mangaphi amehlo? Mangaphi amalungu omzimba?
- Zoba umfanekiso olula wegrogro yakho.

IPH 180
30 imiz



EZEMITHAMBO Isingeniso

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukulinganisa imibongo

- Thetha ngendlela yokulinganisa umbongo kwiqela.
- Bonisa ngeqela elincinci (mabame ngenyawo, abade mabame ngemva, mabafunde ezincwadini, kodwa bamane bephakamisa amehlo, makuqale inkokheli, mabafunde bonke ngemvakalozwi, umgca omnye okanye emibini ingafundwa ngumfundi omnye/amakhwenkwe odwa/bafundele ezantsi okanye phezulu, njl. njl.).

Funda ulinganise umbongo

15 imiz

Amaqela

- Yahlula iklassi ibengamaqela anabafundi abahlanu okanye abathandathu. Khetha oza kuba yinkokheli.
- Amaqela mawaxoxe aze akhethe umbongo azakuwufunda kwiNYY (iphepha lama 170-175).



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 176

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ingqiqo

Phambi kokufunda

- Bacacisela ukuba kule veki kuza kufundwa imibongo.
- Wohluka njani umbongo kwisicatshulwa sebali?
- Ulungelelaniswe njani? (ngemigca, ngeevesi okanye ngezitanza)
- Ingaba iziphumlisi ziyafana nezo zebali? (Hayi, amaxesha amaninzi umgca uqala ngonobumba omkhulu, okanye kubekho iikoma phakathi kwemigca.)

Ukufunda notitshala

- Funda umbongo **kunye** nabafundi.
- Cacisa amagama amatsha okanye ingqiqo.

- Buza imibuzo emva kokufunda umbongo ngamnye, vumela abafundi abambalwa baphendule.
- Funda *Ukuphonononga umbongo* kwiphepha lokugqibela. Xoxani ukuba abafundi bayavumelana na.

Emva kokufunda

- Ngowuphi owona mbongo uwuthandileyo/ongawuthandanga?

IPH 170-175

15 imiz



UKUBHALA

Ingqiqo

Fundani nize nixoxe ngemibuzo

- Le yimibuzo yokuphendulwa *uwedwa*. Akukho mpendulo ichanekileyo nengachanekanga.
- Abafundi mabaxhase izimvo zabo. Imizekelo:
 - Ndiyawuthanda umbongo kuba unamagama amnandi/izandi ezimnandi/uyahlekisa/uyinyani, njl. njl.


- Andiwuthandi kuba unobuntwana/awunabunyani/andiwulandeli/uyakruqula.

Bhala Abafundi babhala uphononongo olufutshane lombongo.

Jonga uze ulungise.

IPH 182

15 imiz



- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-C kunye no-D
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Idayari yemihla ngemihla*

IPH 183

30 imiz



Funda ze uxoxe

- Phonononga ibali
likaMandla nesigcawu
esincinci esimnyama. Zeziphi izidalwa ofunde ngazo?
- Wakhe wasibona isigcawu esifana naso?
- Fundela abafundi iphepha elikwiNYY, uze ulifunde kunve nabo.

- **Cinga:** Loluphi olona lwazi belunika umdlalo?
- **Ngababini:** Cacisela iqabane lakho ngamazwi akho.
- **Yabelana** neklasi.

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 184
30 imiz



Abafundi badinga: Inkukuma engaphinda isetyenziswe ecocekileyo (iphepha le-122), ipeyinti okanye iikhravoni

- Ngamaqela, yenzani isinambuzane esikhulu kakhulu esingazange sabonwa njengenkunkuma engaphinda isetyenziswe.

- Beka uhlobo lwenkunkuma phezu kwelinye, ukwenza itekstsha (*texture*), umzekelo: iziciko zebhotile kwibhokisi yamaqanda, ukwenza amehlo.

30 imiz

- Ukudibanisa imilenze okanye iimpondo kumfanekiso oqingqiweyo ngokwenza imingxuma emincinci, ufake isitro okanye isikhuni emngxunyeni, uqinise ngaphakathi. Ungaqinisa nangeseloteyipu.
 - Hombisa umphandle usebenzise ipevinti engqindilili nezinye izixhobo.
- 



- Abafundi baceba isinambuzane baze bakhethe izixhobo.
- Baqalise ukwenza isinambuzane besebenzisa imigaqo obafundise yona.

Gcina izinto zikhuselekile, niza kugqibezela kwiveki yokugqibela yekota.



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Funda ulinganise umbongo

15 imiz

Amaqela

- Iqela ngalinye likhehta umbongo omnye kwiNYY, iphepha le-170–174.
- Fundani umbongo eniwukhethileyo kubekabini okanye kathathu. Eminye imigca ingafundwa ngumfundi omnye.
- Jonga iqela neqela, uze unike uncedo.



IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 185

10 imiz

UMHLA

Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.

1. *acacia* ukuthwala tywina tywelele zithweswe incanda incinba gintwazana

2. ULisa _____ ethanda abantwana.

3. Utaf' uThwala uthi ufuna _____ umfazi.

4. Nanka umalume ethe _____ uphelele ngamandla.

5. Izithwalandwe _____ izidango kumitha waza.

6. Ulofano wazincane naye waza kuncendisa unina.

IVEKI YE-9 • LWESITHATHU • 185




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 176

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

Ukufunda notitshala

- Funda kwakhona umbongo **kunye** nabafundi.
- Amazwi akho: Abafundi bakrwela umgca ngaphantsi kwamagama amahlanu abawathandileyo njengoko ufunda.
- Abafundi babelana ngamagama abawakhethileyo neqabane.
- Yabelana ngamanye neklasi.
- Xoxani ngalo naliphi igama abafundi abangaqinisekanga ngalo.

Amagama esigama

- Bonisa uze ufunde isigama seveki ebhodini okanye koonotsheluzi. La amagama awekho kumbongo kodwa angombongo:

ivesi/istanza umbongo idayari umbhalo wedayari ukuqwalasela

Abafundi bahlela oonotsheluzi ngokwealfabhethi.

IPH 170–175

15 imiz

Umbongo I: Izidalwa jikelele

Umbhalo: Funda Wande

Zingaphi izigidi zeemavane elizweni?
Kingaphi imibungu esile ugibonile?
Zonke zinomsebenzi kwindalo.
Zonke zigcina iphanethi kuhlaza.

Zingaphi izigidi zeentothuyane.
Zingaphi ziza lingazi?
Zonke zinomsebenzi kwindalo.
Zonke zigcina iphanethi iphile.

Ezinye zenza ukutya, ezinye zikukutya.
Ezinye zinceda izityalo zikhule.
Kodwa zonke zikulandelela emhlabeni.
Yinto ekumele sonke sigazi.

Umalunga nantoni la mbongo?
Ngawaphi amagama awathandileyo?

170 • IVEKI YE-9



UKUBHALA

Isigama

IOrali

- Jonga umsebenzi okwiNYY uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala ekwiNYY. Jonga uze ukorekiske.
- Abafundi bakhuphela amagama esigama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Bonisa oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.

IPH 186

15 imiz

UMHLA

Isigama

Tshatsha igama kunye nentsingiselo.

idayari	kuhlala kumbhalo wento ayikungqali, inqushane kwaye inesigqo.
umbongo	igqwadi esetyenziswa ukugcina isigama, uingqo nezinto ezibonayo.
ivesi/istanza	umbhalo okwidayari obhalwa kubekanye.
amagama edayari	into ayigqibaleyo kukungqongileyo.
ingqwalasela	ichasene nomthetho.

Bhala la magama angentla ngokulandelelana kwealfabhethi.

Krwela umgca ngaphantsi kwamagama amahlanu awathandayo kwimbongo okanye kumbhalo wedayari.

186 • IVEKI YE-9 • LWESITHATHU



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-E kunye no-A
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Idayari yemihla ngemihla*

IPH 187
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Olunye ulwazi olunika umdla malunga neegrogro

Fundani nize nixoxe

- Jonga kwakhona iphepha lezobugcisa (kwiNY, iphepha le-180), ze nixoxe ngezidalwa.
- Fundela abafundi iphepha elikwiNYY, uze ulifunde kunye nabo.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Loluphi olona lwazi belunika umdla?
- **Ngababini:** Cacisela iqabane lakho ngamazwi akho.
- **Yabelana** neklasi.

Bhala

- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 188
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Iingoma nombongo

Ukuzifudumeza

- Abafundi bacengceleza isicengcelezo esaziwayo, bejolise ekucaciseni nasekubizeni amagama ngokucacileyo.

Xoxani

- Cela abafundi bachaze iingoma abazithandayo.
- Khetha ingoma enye, ze nifunde (ningaculi) amagama.
- Chaza ukuba amagama angumbongo. Ingoma ngumbongo osekelwe kumculo.

Umsebenzi weklasi

- Culani ingoma kunye.

Ukuzipholisa

- Hamisha ingoma kungavakali magama.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitimshi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitimshi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Funda ubonise imibongo

Amaqela

- Iqela ngalinye liyafunda lize lilinganisele ikhosi umbongo eliwukhethikeyo.
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala izinto oziqwalaseleyo.

15 imiz




IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuchonga izandi ebezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawulezayo
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 189

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 176

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

Yazisa izivakalisi

- Bhala izivakalisi zibentathu ebhodini.
- Funda izivakalisi ngokucutha nabafundi.
- Abafundi bafumana baze bakrwele umgca ngaphantsi kwezivakalisi ebezenziwe ngoMvulo kumsebenzi owenza wedwa (kwiNYY, iphepha le-179). Yifunde yonke.

Sebenza ngezivakalisi

- Chonga iziphumlisi (oonobumba abakhulu, izingxi) kuzo zontathu izivakalisi.
- Leliphi ixesha lentetha? (*lixesha langoku*)
- Ithini ithoni yesivakalisi? (*chaza okuqwalaseleyo, ubunyani, akukho zimvakalelo*)
- Zikweliphi ixesha lentetha izivakalisi ezilandela izivakalisi zemozulu? (*ixesha elidlulileyo, zichaza isiganeko ngendlela osibone ngayo*)

- Hlaziya igama isibizo. Simalunga nantoni okanye ngabani isivakalisi sokuqala? (*namhlanje*) Esi sisibizo.
- Yazisa igama isenzi. Leliphi igama elenzayo okanye isenzi kwisivakalisi.
- Ngawaphi amagama amabini achazayo okanye izichazi. (*kushushu kamnandi*)

Qaphela: kwibanga lesithathu abafundi baqalisa ukufunda amagama achanekileyo entetho. Apho kunikwa intshayelelo. Kwikota elandelayo amagama entetha azakuqwalaselwa nzulu.

15 imiz

Namhlanje kushushu kamnandi. Kukho nomoyana nje omncinci. Imozulu intle.



UKUBHALA

Ulwimi

Ikhosi

- Gqibezelani izivakalisi kunye ngomlomo.
- Bonisa indlela yokusebenzisa isivakalisi ngepateni usebenzisa amagama owanikiweyo

Ngabanye

- Gqibezela iphepha kwiNYY.
- Abanye abafundi bafunda izivakalisi ngokuvakalayo. Khangela ukuba ixesha lentetha lichanekile.

IPH 190

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-B kunye no-C
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Idayari yemihla ngemihla*

IPH 191
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-179)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzi welwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

Isigcawu

1. Isigcawu sisinambuzane.
2. Isigcawu sinemilenze esibhozo.
3. Isigcawu sitya iimpukane neengcongconi.

Tshiza

1. Ukutshiza ngedum kulungile xa abantu beyiphefumla.
2. Ukutshiza ngedum kubulala izigcawu nezinambuzane.
3. Zikhona ezinye iindlela zokunqanda izinambuzane.

Tyumza

1. Ukutyumza into kukuyicinezela.
2. Akumelanga uzityumze izigcawu.
3. Kulungile ukutyumza izigcawu.

Uhlanganiso nesiNgesi: *spider* (isigcawu), *spray* (tshiza), *squash* (tyumza)



EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa

30 imiz

Amaqela

- Amalungu eqela akhetha ingoma abayaziyo bonke.
- Bayaziqhelanisa nengoma imizuzu embalwa.

Linganisa

- Amaqela alinganisa ingoma eklasini.

Vavanya

- Ncoma unike nengxelo ngendlela abalinganise ngayo.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Thetha ngento enye ibinika umdla oyifundileyo ngeengoma nemibongo kule veki.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** Iveki ezayo yiveki yokugqibela yethu esikolweni phambi kweeholide. Yintoni oza kuyenza ngokwahlukileyo kwiveki ezayo?

15 imiz




IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

IPH 192

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Bethelela indlela yokubhala ngokudibanisa oonobumba

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-9.

IPH 176

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- **Fundela** iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, funda umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zangoMvulo ukuya ngoLwesine nika iimpendulo, abafundi bayazikorekisha umsebenzi wabo.

Xoxani ngesicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha oluyinyani olufundileyo? Amagama amatsha?
- Ukuba lxesha likhona, cela umfundi omnye okanye ababini bafunde imibhalo yabo yedayari.

Ukukorekisha

- Beka oonobumba abamele amagama abo kuphela. Bhala ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA WEDWA


Umbhalo wedayari

Xoxani

- Bhala idayari ngayo nayiphi into oyiqwalaseleyo ongathanda ukuyigcina kwaye uyikhumbule. Ingayinto entle, embi, ehlekisayo okanye izinto ozibona rhoqo.
- **Khangela:** ifomathi echanekileyo, ukuyila, intetha eyeyakhe.

Ukukorekisha Thatha idayari uze ubhale ingxelo yakho.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **Ukufunda ngamaqela:** Amaqela u-D kunye no-E
- **Umsebenzi owenza wedwa:** *Idayari yemihla ngemihla*

IPH 193
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 1, iphepha lomsebenzi 24, iphepha lama-44 nelama-46.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya 1 iphepha le-131.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yeZemithambo okwiphepha lama-24.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla kunye neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abadinga kakhulu uncedo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo, ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

Ukubethelela nohlaziyo

Le yiveki yohlaziyo, ngoko ke asikho isicwangciso sosuku esibekiweyo. Uyakufumana nje iingcebiso zemisebenzi yohlaziyo eyenziwa nanini na evekini.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

- Abafundi mabakhethe ibali abanqwenela ukuphinda balifunde.
- Ngababini: Babaliselana ngawona mabali abawathandayo.
- Balisela iklasi into enika umdla malunga nezinambuzane okanye izilwanyana obufunde ngazo kule kota.
- Xelela umhlobo wakho ngesona sicutshulwa somsebenzi owenza wedwa esenza umdla ubusifundile kule kota.



UKUFUNDA

- Phinda ufunde amabali okanye nemibongo kwiNYY abafundi abaye bawonwabela kakhulu kule kota.
- Tshintsha iindawo nabafundi abanokuba "ngootitshala" kumabali awohlukeneyo.
- Ngababini: funda izicutshulwa zokufunda wedwa zeveki nganye.
- Ngabanye: Funda iincwadi ezikwikona yokufundela/ithala leencwadi.
- Phinda ufunde isicutshulwa esifundwa ngokutyibilika ngexesha elibekiweyo.



IZANDI


- Ngababini phinda ufunde amagama akumaphepha ezandi.
- Ukhuphiswano lwamaqela lokufunda oonotsheluzi.
- Phinda amagama abekelwe ixesha kunye nemisebenzi yobizelo, ze uzame ukuphucula amanqaku akho.
- Qinisekisa ukuba onke amaphepha eNYY omsebenzi owenza wedwa agqityiwe, kwaye enziwe ngendlela echanekileyo.
- Imisebenzi yezandi ekwincwadi yeDBE.



UKUBHALA

- Abafundi bangabhala kwidayari yonke imihla.
- Baxelee bazame ukubiza ngokuvakalaya amagama abangawaqondiyo okanye basebenzise amagama asedongeni.
- Khuthaza amaqela ukuba benze incwadi yekona yeencwadi emalunga nezilwanyana okanye izinambuzane ezinika umdla.
- Bhala ingxelo yolwazi olumalunga ngaso nasiphi isilwanyana okanye isityalo esikunika umdla.
- Bhala uphononongo lombongo malunga nomnye umbongo.
- Bhala uphononongo lwebali malunga ngalo naliphi ibali ubulifundile okanye ubulivile.





ULWAZI OLUSISISEKO/PN

- Yenza wedwa ulandelelwano lwexesha olubonise izinto ezibalaseleyo kuye zale kota yesibini.
- Yenza ipowusta yezinto iklasi enokuzirisayikilisha.
- Ngamaqela, linganisa umjikelo wobomi besidalwa obufunde ngaso.
- Ngababini dlalani indima niyalela okanye nithenga ukutya okusempilweni kwindawo yokutya okanye evenkileni.
- Gqibezela onke amaphepha angagqitywanga kwincwadi yeDBE yeZakhono zoBomi.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

- Nika abafundi izixhobo zezobugcisa ezinjengeekhrayoni, iikhoki, amaphepha ayimibala okanye ayimilinganiselo ayahlukileyo.
- Bavumele abafundi bazikhethele into abafuna ukuyizoba.
- Vumela abafundi ukuba babonise iklasi okanye iqela imisebenzi yabo, bacacise ukuba yintoni abakhetha ukuyizoba.
- Gqibezela isinambuzane osenze ngenkukuma.
- Abafundi mabazobe isinambuzane abasicingayo.

EZOBUGCISA BEQONGA

- Ngababini mabalinganise ngomzimba imvumi abayithandayo yaseMzantsi Afrika.
- Mabalinganise indlela uMandla awasisindisa ngayo isigcawu singabulawa.
- Amaqela ayila umdaniso obonisa iindlela ezahlukeneyo zokudanisa.



EZEMITHAMBO

- Dlalani umdlalo wamaqela.
- Yibani nosuku lwezemidlalo, apho amaqela aza kukhuphisana. Yenzani imisebenzi ebeniyenze kule kota.



ISICWANGCISO SOVAVANYO OLUQHUBEKAYO NOLUSESIKWENI, IKOTA 2

- **Ungqamelwano lwekharithyulam** lweveki nganye luboniswa ngeebhloko ezinemibala engacacanga.
- **Imisebenzi yovavanyo olusesikweni** iboniswa ngeebhloko ezinemibala ecacileyo.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA		IVEKI	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	UKUDITYANISWA
1	Umamela imiyalelo entsokothileyo												
2	Wenza intetho yomlomo.												
3	Ubalisa ibali elifutshane (isishwankathelo) elinemo elula nabalingani swa abohlukileyo.												
4	Uthatha inxaxheba kwiingxoxo zababini, zamaqela nezeklasi, unika iingcebiso ngomxholo kunye nezimvo.												
5	Umamela amabali, imibongo kunye neengoma, abonise iimvakalelo anike nezizathu.												
6	Ngenkx aso, uqikelela ukuba kuza kwenzeka ntoni ebalini.												
7	Ubonisa unobangela kunye nesiphumo ebalini.												
IZANDI		IVEKI	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	UKUDITYANISWA
1	Ufunda izandi zamagama.												
2	Wakha amagama esebenzisa izandi ezifundiweyo.												
3	Upela amagama ngokuchanekileyo.												
4	Ufunda ukupela amagama ali-10 ngeveki.												
5	Ubhala izivakalisi ezintathu ezimfutshane ezibizelwa ngutitshala.												
UKUFUNDA		IVEKI	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	UKUDITYANISWA
1	Ufunda isicatshulwa neklasi kunye notitshala, axoxe ngokulandelelana kweziganeko, isimo sentlalo kunye nobudlelwane phakathi konobangela nesiphumo (ukuqwalasela).												
2	Uphendula imibuzo yezinga eliphezulu malunga nesicatshulwa esifundiweyo.												
3	Ufumana asebenzise imithombo yolwazi efana namalungu asekuhlaleni neencwadi kwithala leencwadi.												
4	Usebenzisa amagama angundoqo kunye nezihloko ukufumana ulwazi kwizicatshulwa eziyinyani.												
5	Usebenzisa ulwazi kwizicatshulwa zemizobo.												
6	Usebenzisa imikhondo ayibonayo/imifanekiso.												
7	Uzifundela ngaphakathi nangokuvakalayo ngokwezinga lakhe kwiFQ.												
8	Usebenzisa izandi, imikhondo yomxholo kunye nohlalutyo lwesakhiwo, njengezakhono zokucazulula (ukuqwalasela).												
9	Usebenzisa imizobo nemizekeliso ukwandisa ukuqonda.												
10	Ufunda ngotyibiliko nangemvakalelo ekhulayo.												
11	Ufunda eyedwa (ukuqwalasela).												

UKUBHALA NGESANDLA		IVEKI	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
1	Usebenzisa izixhobo zokubhala ngesandla ngendlela eyiyo, ukubamba ipensile kakuhle (ukuqwalasela).											
2	Wakha oonobumba abancinci nabakhulu kakuhle kwaye ubadibanisa lula.											
3	Ukhuphela amagama nezivakalisi ngokudibanisa.											
4	Utshintshela kumbhalo wokudibanisa kuyo yonke Imibhalo yakhe (ukuqwalasela).											
5	Usebenzisa indlela echanekileyo yokwakha oonobumba kuwo wonke umsebenzi obhalwayo.											
UKUBHALA		IVEKI	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
1	Ubhala uphononongo lwencwadi olulula.											
2	Ubhala imihlathi emibini ukuya kwemithathu enezivakalisi ezilishumi okanye ngaphezulu ngeendaba zakhe okanye ngesiganeko sesikolo.											
3	Ubhala ingxelo yolwazi ecwangcisiweyo enemihlathi emibini ubuncinane.											
4	Ubhala kwidayari iveki enye, echaza imozulu kunye nolunye ulwazana.											
5	Uthatha inxaxheba kwingxoxo ukukhetha isihloko abaza kubhala ngaso.											
6	Ukhetha igrama echanekileyo ukuze abanye bakwazi ukufunda balandele oko kubhaliweyo.											
7	Usebenzisa amanye amaxesha entetho antsokothileyo.											
8	Ufundela umhlobo okanye iqela ngakubhalileyo.											
9	Ufunda aze alungise akubhalileyo (upelo, iziphumlisi).											
10	Usebenzisa ulwazi lwezandi kunye nemigaqo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga.											
11	Usebenzisa uluhlu lweziphumlisi ngokuchanekileyo.											
12	Uchonga aze asebenzise izibizo, izichazi, izenzi nezihlomelo ngokuchanekileyo.											
13	Wakha ibhanka yakhe yamagama nesichazi-magama sakhe.											

UKUDITYANISWA

UKUDITYANISWA

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Irubhrikhi neetsheklisti zovavanyo

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Uvavanyo loku-1: Wenza intetho yomlomo (Ukuphonononga ibali ngomlomo) (Iveki yesi-6 Mvulo–Lwesihlanu, lungaqhubeka kwiiveki ezilandelayo)

NT iphepha 88, 90, 92, 94, 96

10 amanqaku

Amanqaku ama-2 kwikhrayitheriya nganye ezalisekisiweyo

1. Wenza kakuhle intetho (indlela yokuma, ukujonga ababukeli, ilizwi elivakalayo).
2. Ibali lokuqukumbela elifutshane.
3. Uluvo oluxhasiweyo.
4. Usebenzisa igrama echanekileyo.
5. Usebenzisa isigama esiphangaleleyo.

2

Uzalisekisa
ikhrayitheriya e-1

4

Uzalisekisa
iikhrayitheriya ezi-2

6

Uzalisekisa
iikhrayitheriya ezi-3

8

Uzalisekisa
iikhrayitheriya ezi-4

10

Uzalisekisa zonke
iikhrayitheriya ezi-5

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Uvavanyo lwesi-2: Ukumamela ngengqiqo (Iveki yesi-8 Lwesibini)

YYY iphepha 157, NT iphepha 114

5 amanqaku

½ amanqaku ngempendulo echanekileyo

1. libali
2. elalini
3. yelitye
4. embizeni
5. bazise
6. imifuno
7. netyuwa
8. imnandi
9. lobugqi
10. krelekrele

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Uvavanyo lwesi-3: Ukuqwalasela iklasi (Iveki 1–9)

5 amanqaku

Umfundi:

1. Umamela imiyalelo entsokothileyo kwizifundo zonke.
2. Uthatha inxaxheba ngokupheleleyo kwiingxoxo zababini zamaqela kunye nezeklasi.
3. Umamela amabali, imibongo kunye neengoma kwaye ubonisa ukuqonda.
4. Uvakalisa iimvakalelo/izimvo ngebali enika izizathu.
5. Uphendula imibuzo entsokothileyo yebali ngomlomo (uyakwazi ukuthekelela, ukufumanisa isizathu nesiphumo, njl.njl.).

1

Uzalisekisa
ikhrayitheriya e-1

2

Uzalisekisa
iikhrayitheriya ezi-2

3

Uzalisekisa
iikhrayitheriya ezi-3

4

Uzalisekisa
iikhrayitheriya ezi-4

5

Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya
ezi-5

Ewonke

20 amanqaku

IZANDI
lirubhrikhi neetsheklisi zovavanyo
IZANDI Uvavanyo loku-1: Bhala izandi (Iveki yesi-7 Lwesibini)

NYY iphepha 139, NT iphepha 102

10 amanqaku

- **Bhala izandi.** (1 inqaku ngempendulo nganye echanekileyo = 5 amanqaku)
1. ndl 2. nqw 3. tyw 4. ngc 5. ntw
- **Fakela isandi esishiyiweyo.** (1 inqaku ngegama ngalinye elichanekileyo = 5 amanqaku)
Umzekelo: 1. incwadi
2. ingca
3. izindlu
4. umntwana
5. umngqazi
6. utywala

IZANDI Uvavanyo lwesi-2: Ubizelo (Iveki yesi-8 Lwesihlanu)

NYY iphepha 167, NT iphepha 120

5 amanqaku

Umfundi:	1	2	3	4	5
• Ubhala amagama obizelo ngokulandelelana • Upele ngokuchanekileyo. • Usebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.	Wenza iimpazamo ezi-4 nangaphezulu xa epela/faka iziphumlisi	Wenza iimpazamo ezi-3 xa epela/faka iziphumlisi	Wenza iimpazamo ezi-2 xa epela/faka iziphumlisi	Wenza iimpazamo e-1 xa epela/faka iziphumlisi	Onke amagama apelwe ngo-kuchanekileyo nezi phumlisi zisetyenziswe ngo-kuchanekileyo

IZANDI Uvavanyo lwesi-3: Ukuqwalasela ikhosi (Iveki 1-9)
5 amanqaku

Umfundi:	1	2	3	4	5
1. Ukucazulula amagama: Usoloko edibanisa aphinde ohlule amagama xa efunda naxa ebhala. 2. Ukufunda amagama ngokutyibilika: Ubonisa inkqubela phambili ekufundeni amagama ngexesha elibekiweyo. 3. Intsingiselo: Ubhala izivakalisi zakhe ezivakalayo esebenzisa amagama awanikiweyo (rhoqo ngoLwesine wesibini). 4. Ukuthatha inxaxheba: Wabelana ngamagama athathe inxaxheba kumsebenzi wababini ngoMvulo nangoLwesithathu kwisifundo sezandi. 5. Ukugqiba umsebenzi: Usoloko egqiba ukwenza imisebenzi yezandi yemihla ngemihla kwiNYY.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1 okanye 0	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5

Ewonke
20 amanqaku

UKUFUNDA NENGQIQO

Iirubhrikhi neetsheklisi zovavanyo

UKUFUNDA Uvavanyo loku-1: Ingqiqo (Iveki yesi-7 Lwesibini)

NYY iphepha 140, NT iphepha 102

10 amanqaku

1. igolide (1), igadi (1), ukutya/ izidlo/ amaxesha okutya (1), intombazana yakhe/ umntwana/ uNogolide (1).
2. Ukuze yonke into ayibambayo ijike ibe yigolide. (1) **Kufuneka isivakalisi esipheleleyo.**
3. Igadi yakhe/ imithi kunye neentyatyambo zajika zaba yigolide, iintaka namabhabhathane zabhabha zemka (1); ukutya kwakhe/ isuphu/ icephe zajika zayigolide, akazange akwazi ukutya (1), nentombi yakhe yajika yaba ngu mfanekiso oqingqiweyo wegolide, azange akwazi ukushukuma (1).
4. Wafunda ukuba ezinye izinto zibaluleke ukodlula igolide.okanye Watshintsha ukunoluka wabanombulelo. (2)

UKUFUNDA Uvavanyo lwesi-2: loralali ukufunda ngokuvakalayo (iveki yesi-8 Mvulo– Lwesihlanu)

NT amaphepha 113, 115, 117, 119, 121

10 amanqaku

Amanqaku ama-2 ngekhayitheriya nganye azalisekisiweyo**Umfundi:**

1. **Ufunda ngokuvakalayo** ngesantya esilungileyo umzuzu om-1.
2. Usebenzisa **izakhono zokucaculula** amagama angaqhelekanga.
3. Uyazijonga **azilungise** xa kuyimfuneko.
4. Uyaziqaphela **iimpawu zokufunda/ iziphumlisi.**
5. Ufunda **ngokutyibilika** nangemvakalelo.

2

Uzalisekisa
ikhayitheriya e-1

4

Uzalisekisa
iikhayitheriya ezi-2

6

Uzalisekisa
iikhayitheriya ezi-3

8

Uzalisekisa
iikhayitheriya ezi-4

10

Uzalisekisa zonke
iikhayitheriya ezi-5**UKUFUNDA Uvavanyo lwesi-3: Ukuqwalasela ikhosi kuzo zonke izifundo zokufunda (Iveki 1-9)**

5 amanqaku

Umfundi:

1. **Ukuziqhelanisa notyibiliko** ukufunda amagama ngexesha: Ubonisa ukukhula kwesantya.
2. Uthatha inxaxheba **ekufundeni notitshala.**
3. Uyayigqiba **imisebenzi yengqiqo** yeveki kwiNYY ngokwanelisayo.
4. Uyayigqiba **imisebenzi yesigama** kwiNYY ngokwanelisayo.
5. Uyayigqiba **imisebenzi yolwimi** kwiNYY ngokwanelisayo.

1

Uzalisekisa
ikhayitheriya e-1

2

Uzalisekisa
iikhayitheriya ezi-2

3

Uzalisekisa
iikhayitheriya ezi-3

4

Uzalisekisa
iikhayitheriya ezi-4

5

Uzalisekisa zonke
iikhayitheriya ezi-5**Ewonke**

25 amanqaku

UKUBHALA NGESANDLA

Iirubhrikhi neetsheklisi zovavanyo

UKUBHALA NGESANDLA Uvavanyo loku-1: Ukubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu nabancinci (Iveki yesi-8 Lwesihlanu)

NY Y iphepha 152, NT iphepha 120

5 amanqaku

	1	2	3	4	5
Umfundi ubhala ngokudibanisa oonobumba abakhulu nabancinci: - ubhala unobumba ngendlela eyiyo - ubhala emgceni adibanise kakuhle	Udinga inkxaso ukubhala ngo-kudibanisa oonobumba nedlela yokubabeka emgceni.	Abanye oonobumba bakhiwe kakuhle. Udinga uku-ziqhelanisa ngakumbi ukudibanisa nedlela yokubabeka emgceni.	Wakha uninzi loonobumba kakuhle, kodwa akadibanisa kakuhle bonke oonobumba. Ukudibanisa nedlela yokubeka emgceni ngamanye amaxesha aku-chanekanga.	Wakha bonke oonobumba kakuhle, ukudibanisa nedlela yokubeka emgceni e ichanekile amaxesha amaninzi.	Ubhala bonke oonobumba aze abadibanise ngokuchanekileyo, indlela yokubeka emgceni nokudibanisa ichanekile.

UKUBHALA NGESANDLA Uvavanyo lwesi-2: Ukuqwalasela iklasi (Iveki 1-9)

5 amanqaku

	1	2	3	4	5
Umfundi: - Uyibamba kakuhle ipensile. - Usebenzisa izixhobo zokubhala ngesandla ngokuchanekileyo (ipensile, irula irabha umatshini wokulola). - Ushiya isithuba esifanelekileyo phakathi koonobumba naphakathi kwamagama. - Ubhala ngokutyibilika, akayiphakamisi kakhulu ipensile xa ebhala ngokudibanisa. - Sebenzisa ukudibanisa kumsebenzi omninzi weklasi.	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5

Ewonke

10 amanqaku

UKUBHALA

lirubhrikhi neetsheklisi zovavanyo

UKUBHALA Uvavanyo loku-1 nele-2: inkcukacha ngengxelo kunye nohlalutyo lwebali (Iveki yesi-4 neyesi-8 Lwesihlanu)

NT amaphepha 72, 102

10 amaqaku each

UMXHOLO	1	2	3	4	5
Inqaku eli-1 kwikhrayitheriya nganye ezalisekisiweyo 1. Ulandela ukwakhiwa nezihloko zohlobo loncwadi ngokuchanekileyo (ingxelo yolwazi okanye uphononongo lwencwadi). 2. Kukho iinkcukacha ezifanelekileyo phantsi kwesihloko ngasinye. 3. Umbhalo uyavakala (ayizongcinga ezingacwangciswa). 4. Usebenzisa isigama esifanelekileyo. 5. Udibanisa izimvo ezinika umdla okanye izimvo zakhe (ezohlukileyo kwimizekelo).	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke ikhrayitheriya ezi-5
ULWIMI	1	2	3	4	5
1. Ubhala izivakalisi ezipheleleyo ezinegramma echanekileyo. 2. Ubhala esebenzisa ixesha lentetho echanekileyo (ixesha langoku kuzo zombini). 3. Usebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo (iikholoni.izingxi, iikoma). 4. Upela uninzi lwamagama abonwa/ asetyenziswa rhoqo ngokuchanekileyo. 5. Ukuzama upelo olwamkelekileyo.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke ikhrayitheriya ezi-5
UKUBHALA Uvavanyo lwesi-3 Uhlolo lweklasi (Iveki 1-9)					
5 amaqaku					
Umfundi:	1	2	3	4	5
1. Uthatha inxaxheba kwiingxoxo e zenziwa ngexesha lokufunda notitshala, umzekelo ukukhetha isihloko ekuza kuthethwa ngaso. 2. Ukhangelela ukuba imibhalo iyavakala na, umzekelo, ngokufundela iqabane. 3. Ukhangeleka ekonwabela ukubonisa iimvakalelo zakhe ngokubhala. 4. Ixesha elininzi usebenzisa ngokuchanekileyo igrama, iziphumlisi nopelo lwamagama abonwa/asetyenziswa rhoqo. 5. Uyagqiba ukwenza phantse yonke imisebenzi yokubhala, yonke ibe kwizinga elamkelekileyo (Ukubhala, Ukubhala wedwa).	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa ikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke ikhrayitheriya ezi-5
Ewonke					
25 amaqaku					

ULWIMI LWASEKHAYA, IKOTA YESI-2, IPHEPHA LAMANQAKU

(Ungalifotokopa)

		20%			20%			25%			10%			25%		
IGAMA		NT amaph 90, 92, 94	1. Ukuphonononga ibali ngomlomo													
		NYV iph 157 NT iph 114	2. Ukumamela ngengqiqo: ibali lesintu													
		Iveki 1–9	3. Ukuqwalasela ikiasi													
			Ukuphulaphula nokuthetha (Ubunzima 20%)													
		NYV iph 139 NT iph 102	1. Izandi													
		NYV iph 167 NT iph 120	2. Ubizelo													
		Iveki 1–9	3. Ukuqwalasela ikiasi													
			Izandi (Ubunzima 20%)													
		NYV iph 140 NT iph 102	1. Ukufunda ngengqiqo: uKumkani uMidasi													
		NT amaph 113, 115, 117, 119, 121	2. Iorali ukufunda ngokuvakalayo													
	Iveki 1–9	3. Ukuqwalasela ikiasi kuzo zonke izifundo zokufunda														
			Ukufunda nengqiqo (Ubunzima 25%)													
		NYV iph 152 NT iph 120	1. Ukubhala ngokudibanisa onobumba abakhulu nabancinci nemidibaniso													
		Iveki 1–9	2. Ukubhala ngokudibanisa nokuprinta, izifundo zokubhala ngesandla neminye imixholo													
			Ukubhala ngesandla (Ubunzima 10%)													
		NT iph 72	1. Ingxelo yolwazi (Izilwanyana)													
		NT iph 120	2. Ukuphonononga ibali													
		Iveki 1–9	3. Ukuqwalasela ikiasi: Ukubhala notitshala nokubhala wedwa													
			Ukubhala (Ubunzima 25%)													

ISICWANGCISO SOVAVANYO OLUQHUBEKAYO NOLUSESIKWENI, IKOTA 2

- **Ungqamelwano lwekharithyulam** lweveki nganye luboniswa ngeebhloko ezingacacanga.
- **Imisebenzi yovavanyo olusesikweni** luboniswa ngeebhloko ezinemibala ecacileyo.

ULWAZI OLUSISEKO NOKUZIPHATHA NENTLALO		1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
Izinto ezenziwa rhoqo											
1	Uxoxa ngezimvo neemvakalelo zakhe ngomxholo.										
Imixholo											
	Izinambuzane										
	Imijikelo yobomi										
	Ukurisayikilisha										
	Ukutya ngokusempilweni										
	Imibhiyozo kunye neentsuku ezikhethekileyo (njengoko zibhiyozelwa ekuhlaleni)										
Imixholo engundoqo nezakhono											
1	Imixholo yenzululwazi yezeNtlalo: ulondolozo (iveki 1–6, 9) unobangela nezi phumo (iveki 7, 8), ukulungelelanisa (1, 2, 9), indawo (iveki 5, 6), ubudlelwane nokuxhomekeka (iveki 7–8), iyantlukwano nokuzimela (iveki 2–9), utshintsho (iveki 3–4)										
2	Imixholo yenzululwazi yezeNdalo: ubomi nokuphila (iveki 1–4, 9), amandla notshi ntsho (iveki 3, 4), umhlaba nangaphaya										
3	Izakhono zenkqubo yezenzululwazi: inkqubo yophando equka ukuqwalasela (iveki 1, 3, 4), ukuthelekisa (iveki 1–2), ukuhlela (iveki 1–4, 5–6, 7–8), ukuthatha imilinganiselo, imifuniselo nokunxibelelana (iveki 7–8)										
4	Izakhono zenkqubo yezobuChwepheshe: ukuphanda, ukuyila (iveki 6), ukwenza (iveki 6), ukuhlola (iveki 6), ukunxibelelana										
PN		1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
1	Impilo ekuhlaleni nokwasemoyeni										
2	Ubudlelwane nabanye										
3	Ubudlelwane nokusingqongileyo										
4	Iinqobo ezisemgangathweni nokuziphatha										
EZOBUGCISA OBUBONWAYO		1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala mabini (2D)											
1	Ukufundisa okusesikweni ngemizobo nokupeyinta nezinye izinto: ukuphonononga amajelo eendaba awohlukileyo.										
2	Izinto zobugcisa: ulingano-macala, ungqinelwano, intshukumo, imbonakalo										
3	Yazisa umzimba kwintshukumo zokuhamba: ngasemva, ngaphambili										
4	Ukwahluka kobukhulu bephepha kunye nefomathi: ukukhuthaza ukusebenza kwisikali esahlukileyo kunye nenqanaba lweenkcukacha										
Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala mathathu (3D)											
4	Umfanekiso oqingqiweyo owenzwe ngebhokisi nefoyile: izilwanyana, idragoni, iimbiza nezinye izinto										
5	Izinto zobugcisa: imilo/imo, imbonakalo										
6	Fundisa ubuchule bokuyila obulula: ukufumba, ukudibanisa, ukuhombisa umphandle										
7	Ukusebenzisa izixhobo: ukhuseleko, ukucingela abanye, ukwabelana ngezixhobo										

UHLAZIYO

UHLAZIYO

UHLAZIYO

EZOBUGCISA BEQONGA		1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
Imidlalo yobuchule nezakhono											
1	Ukuzifudumeza: gxila kwindlela yokuma, ukulungelelanisa amadolo ngapha kweenzwane xa ugobi le wolule iinyawo.										
2	Ukuzifudumeza: gxila ekucaciseni kunye nokuvakala kwelizwi, usebenzisa izicengcelezo, iingoma, imidlalo enika umdla kunye nezandi zolwimi (<i>tongue twisters</i>).										
3	Ulwazi lwezivo: ukubamba, ukungcamla, ukusezela/ukunukisa, ukuva nokubona kwi midlalo yeqonga.										
4	Imidlalo enesingqi: Isakhono sokumamela, ukukhumbula umahluko kwiip atheni zesingqi, gcina isingqi esizinzileyo, sebenzisa izandi ezahlukeyo.										
5	Iintshukumo zamalungu omzimba kunye nokuhambela kweentshukumo zeengalo.										
6	Iintsukumo ezingasebenzisi malungu omzimba: ngokuhambelana nesingqi somculo.										
7	Ukuphuhlisa ucwangco: ukusebenzisana kwamalungu omzimba, ukuxhathisa kunye nokuphakama xa utsiba nokwehla thambileyo.										
8	Ukuzipholisa nokuphumla: ukuphefumlela ngaphakathi nangaphandle kunye nokuthekelela.										
Ukuqamba nokutolika											
9	Ukutolika nokuziqhelisa iingoma zaseMzantsi Afrika, imijikelo, ukufowna nokuphendula.										
10	Ukulinganisa kumaqela kusetyenziswa ibali elifundwayo elihambelana nemixholo, ukuyila iziphelo zamabali.										
11	Imidlalo yeklassi: Bonisa iimvakalelo uze ubonise imixholo kokusingqongileyo nasebomini bakho.										
12	Izivakalisi ezi neentshukumo ezibonisa isiqalo, umbindi nesiphelo kwimixholo ekhethiweyo kumaqela amancinci.										
EZEMITHAMBO		1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
1	Iintshukumo zamalungu omzimba • Imisebenzi yokulinganisa efana nokubaleka njengehashe, ukuhamba njengedada, ukutsiba njengesele, njl.njl.										
2	Ukuqonda iintshukumo • Ukuganga/ ukuphosa ibhola phezulu										
3	Isingqi • Ukudlala ugqaphu ngabathathu • Ukudlala ugqaphu wedwa utsiba ngokuphindaphinda kabini • Ukudlala ugqaphu wedwa utsiba kanye nangokuphindaphinda kabini ubaleka										
4	Ukusebenzisana kwamalungu • Ibhola yebhaskiti: baleka ugqampisa ibhola uphithizela phakathi kwezinto ezibekiweyo zokwalathisa • Ihoki: ukubaleka nebhola phakathi kwemiqobo • Ibhola yomnyazi: phosa logama ubaleka • Ibhola yombhoxo: ukubaleka nokuphosa ibhola ngasemva • Ibhola ekhatywayo: ukubaleka nebhola phakathi kwezinto ezibekiweyo zokwalathisa										
5	Ukuxhathisa • Ukubaleka irileyi: baleka gosogoso phakathi kwezikiti/ iziphawuli • Xhathisa ngomlenze omnye • Ijimmastik i: ukuma ngentloko/ ukuma ngesandla • Ukuma xwesileyo										
6	Ukuziqhelanisa nesithuba • Ikhosi yomqobo onzima										
7	Icala • Izixhobo zezandla ezifana neehula hoops okanye iiribhoni ezidinga iintshukumo zasekhohlo nasekunene ezifanayo										
8	Iindidi zemidlalo • Imidlalo yemveli • Isoka yabantwana, ihoki, umdlalo wombhoxo, umdlalo womnyazi, kunye nebhola yebhaskiti										

UHLAZIYO

UHLAZIYO

UVAVANYO

ULWAZI OLUSISISEKO KUNYE NO-PN

Iirubhrikhi neetsheklisti zovavanyo

ULWAZI OLUSISISEKO Uvavanyo loku-1: Ukutya okunazo zonke izakha mzimba (Iveki yesi-7 Lwesithathu)

NY Y iphepha 146, NT iphepha 105

15 amanqaku

1. Inqaku elinye kwileyibhile echanekileyo (ukusukela ezantsi) Imifuno neziqhamo, likhabhohayidrethi, liprotheni, Imveliso zobisi, ioli namafutha, Izimuncumuncu eziswiti nezinetyuwa)
2. Inqaku elinye ngokudibani sa okuchanekileyo: ilofu yesonka – ikhabhohayidrethi, inyama yenkuku – iprotheni, amasi – imveliso yobisi, ibhotile yeoyile – ioli namafutha, iapile – imifuno neziqhamo, isipinatshi – imifuno neziqhamo (6)
3. a. Imifuno neziqhamo (1)
b. Ukutya ukutya okusuka kwimixube yamaqela okutya (1)
4. Iimpendulo zabafundi nezizathu (1)

ULWAZI OLUSISISEKO Uvavanyo lwesi-2: Ukwenza ukhetho lokutya olululo (Iveki yesi-8 Lwesithathu)

NY Y iphepha 163, NT iphepha 117

15 amanqaku

Inqaku elinye ngombuzo ngamnye 1-5 (5)

1. Wayenomngxuma ezinyweni lakhe.
2. Kwagqirha wamazinyo
3. Isipili nesibane sokukhanyisa
4. Walitywina izinyo
5. Iziqhamo

Inqaku elinye ngokhetho oluchanekileyo (5)

6. idiliya, iapile, ubisi, isipinatshi, iyogathi

Inqaku elinye ngegama ngalinye kwizivakalisi (5)

7. a. naziphi na ezimbini kwezi: imveliso zobisi, imifuno eluhlaza enemagqabi ubisi, iyogathi, amasi
b. iiminerali
c. nganye amaxesha/ kubekanye ngeveki

ULWAZI OLUSISISEKO Uvavanyo lwesi -3: Ukuqwalasela iklasi: PN kunye nolwazi olusisiseko (Iveki 1-9)

10 amanqaku

UKUQWALASELA IKLASI: PN (Iveki 1-9)

5 amanqaku

Umfundi:	1	2	3	4	5
1. Uthatha inxaxheba kwimisebenzi kaCinga, Ngababini, Yabelanani.	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
2. Uthatha inxaxheba kwiingxoxo zeklasi.					
3. Banikana amathuba baze babelane nabanye.					
4. Uxoxa ngeemvakalelo nangeengcinga zakhe.					
5. Uyabacingela abanye abafundi.					

UKUQWALASELA IKLASI: ULWAZI OLUSISISEKO (Iveki 1-9)

5 amanqaku

Umfundi:	1	2	3	4	5
1. Uyahlomla ngeengcinga zakhe kwiingxoxo.	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
2. Usebenza ngokubambisana ngezibini nakumaqela.					
3. Unika izimvo zakhe ngomxholo.					
4. Ugqibezela amaphepha eNYY ngokwanelisayo.					
5. Ugqibezela amaphepha eDBE ngokwanelisayo.					

Ewonke

40 amanqaku

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Iirubhrikhi neetsheklisi zovavanyo

EZOBUGCISA OBUBONWAYO Uvavanyo loku-1: Umfanekiso oqingqiweyo wefoyile (Iveki yesi-6 Mvulo noLwesibini)

NT amaphepha 89, 91

5 amanqaku

	1	2	3	4	5
1. Umfundi uyilandele imiyalelo yokwenza umfanekiso oqingqiweyo wefoyile.	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
2. Umfanekiso ukhangeleka njengomntu.					
3. Ukubekwa kwamalungu kubonisa iintshukumo.					
4. Ukubekwa kwemifanekiso kwidiyorama kubonisa ibali.					
5. Umfundi ubalisele abanye inxalenye yebali.					

EZOBUGCISA OBUBONWAYO Uvavanyo lwesi-2: Ukuqwalasela iklasi (Iveki 1-9)

10 amanqaku

	2	4	6	8	10
Umfundi:	Uzalisekisa iikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
1. Ugqibezela wonke umsebenzi okwi NYY.					
2. Usebenzisa amagama afundiswe ngexesha leengxoxo ngezobugcisa.					
3. Usebenzisa izixhobo ngempumelelo – izikera, iibrashi zokupeyinta, iikhrayoni, iik oki, iglu, udongwe, njl.njl.					
4. Ulandela imiyalelo.					
5. Ubonisa ubungqina bolonwabo nobuchule.					

Ewonke

15 amanqaku

UVAVANYO

EZOBUGCISA OBEQONGA

Irubhrikhi neetsheklisi zovavanyo

EZOBUGCISA BEQONGA Uvavanyo: Umdlalo wamaqela (Iveki yesi-6 Lwesine)					
NT iphepha 95					5 amanqaku
Umfundi:	1	2	3	4	5
1. Ubalisa ibali ngeentshukumo namagama. 2. Uthetha ngokuvakalayo nangokucacileyo. 3. Usebenzisa umzimba ngokuzithemba xa elinganisa. 4. Usebenzisana kakuhle neqela. 5. Uyazibandakanya aze amamele kubabukeli.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
UBUGCISA BEQONGA Uvavanyo 2: Ukuqwalasela iklasi (Iveki 1-9)					
					10 amanqaku
Umfundi:	2	4	6	8	10
1. Uthatha inxaxheba kwizifundo zezobugcisa beqonga zonke. 2. Usebenzisana ka kuhle neqela ngokunikana amathuba nokwabelana ngezimvo, njl.njl. 3. Uyakwazi ukulandela esenza izingqi ezahlukileyo. 4. Uyakwazi ukushukumela umculo awuthelekelelayo. 5. Ucula ngokuzithemba nangemvakalelo.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
Ewonke					15 amanqaku

EZEMITHAMBO

lirubhrikhi neetsheklisi zovavanyo

**EZEMITHAMBO Uvavanyo loku-1: Imidlalo
(Iveki yesi-6 Lwesihlanu)**

NT iphepha 97

5 amanqaku

Umfundi:	1	2	3	4	5
Uyayilandela imiyalelo	Akakwazi ukulandela imiyalelo. Akayilandeli imigaqo okanye ukuthatha inxaxheba ngokupheleleyo kumdlalo.	Uyayilandela eminye imiyalelo, aze azame nokulandela imigaqo athathe nenxaxheba kumdlalo. Ukusebenzisana nabanye kufuna ukuqwalaselwa.	Uya lulandela uninzi lwemiyalelo. Uyalwazi uninzi lwemigaqo, aze athathe nenxaxheba kumdlalo. Uyakwazi uku-sebenzisana nabanye abafundi.	Uyayilandela yonke imiyalelo. Uyayazi imigaqo, kwaye uthatha inxaxheba kwimidlalo. Usebenzisana ngo-kwanelisayo nabanye.	Ulandela imiyalelo ngo-kupheleleyo. Uyayazi imigaqo, kwaye athathe inxaxheba ngokwaneleyo kumdlalo. Usebenzisana ngo-kugqithisileyo nabanye.

**EZEMITHAMBO Uvavanyo lwesi-2: Isingqi nokusebenzisana kwamalungu
(Iveki yesi-7 Lwesibini ukuya ngoLwesihlanu)**

NT amaphepha 103, 105, 107, 109

5 amanqaku

Umfundi:	1	2	3	4	5
- Utsiba yedwa. - Utsiba logama ebaleka. - Usuka ngeenyawo ezimbini. - Utsiba ngesingqi esinye neqela. - Uyasebenzisana nabante abafundi.	Akakwazi kutsiba konke – iinyawo nezandla azise-benzisani. Akakwazi kuthatha inxaxheba eqeleni xa kutsitywa. Uyathanda-buza nokuzama.	Uyakwazi ukutsiba ndawoninye, kodwa akakwazi xa ebaleka. Amlungu omzimba awasebenzisani kakuhle. Uyazama ukuthatha inxaxheba kumdlalo weqela, kodwa akakwazi ukutsiba ngo-kuhambisanayo.	Uyakwazi ukusuka ngeenyawo ezimbini kodwa akakwazi ukubaleka atsibe ngaxeshanye. Ulandelelwano lusafuna uku-qwalaselwa. Akanayo ingxaki ngo-kuthatha inxaxheba kumdlalo weqela wokutsiba kodwa usoloko ephosa.	Uyakwazi ukusuka ngeenyawo ezimbini abaleke atsibe. Uyazama kuse-benziswano lwamalungu. Uthatha inxaxheba eqeleni kuzo zombini. Ukutsiba nase-kubetheni ugqaphu.	Uyasuka ngo-kupheleleyo ngeenyawo zombini atsibe ebaleka. Use-benziswano lwamalungu ulenza kakuhle. Uthatha inxaxheba kumdlalo weqela kuyo yomibini, ukutsiba nokubetha ugqaphu.

**EZEMITHAMBO Uvavanyo lwesi-3: Ukuqwalasela iklasi
(Iveki 1-9)**

20 amanqaku

Inqaku elinye = ikhrayitheriya enye

- Ukulandela imiyalelo
- Ukunikana amathuba
- Ukusebenza neqela
- Ukuzifudumeza nokuzipholisa
- Ukuxhathisa ngomlenze omnye
- Ijumnastiki: ukuma ngentloko/ ukuma nge zandla, ukuma uxwesile
- Ukubaleka nokuhamba ngokwahlukileyo, okwehashe, hamba okwe dada, ukutsiba okwesele, njl.njl.
- Ukudlala ngecala usebenzisa iintsukumo zasekhohlo nasekunene
- Ukutsiba umamele isingqi
- Ukuthatha inxaxheba kwimiqobo entsokothileyo

- Ukuphosa nokuganga ibhola phezulu
- Ukudlala imidlalo yebhola, ukugqampisa, ukuphosa, ukubaleka nokudlulisa
- Dlala imidlalo yesintu
- Ukulandela imithetho yeminye imidlalo
- Iintsukumo ezilandeelanayo usebenzisa iintshukumo zasekhohlo nasekunene
- Ukudlala imidlalo yecala ngeehula hoop, iiribhoni, njl.njl.
- Ukuthatha inxaxheba kwirileyi: baleka gosogoso phakathi kweziphawuli
- Ukutsiba ugqaphu wedwa, okanye kunye neqabane
- Ukushukuma ngokukhawuleza kwimiyalelo
- Ukuthatha inxaxheba kwimidlalo efana nesoka, ihoki, umdlalo wombhoxo, ibhola yomnyazi kunye nebhola yebhaskiti

Ewonke

30 amanqaku

(Ungalifotokopa)

[illegible]



Funda Wande

Reading for Meaning